

Rhodes University

MA Creative Writing

Kwakhe Kwanje Phi Na?

(Umdlalo kaNomathotholo)

Ngu: Mziwonke Qweshu

Inombolo: 19Q8329

ABALINGANISWA:

1. Mthunzi = Iqina lomfana ozwi liqhelekileyo.
2. Jongingqiqo = Ixhego elithetha ngendyondyo.
3. Somakhonkco = Ixhego ezwi ngathi yinkwenkwe.
4. Sakhono = Iqina lendoda egxininisayo xa ithetha.
5. Sdumbusesele = Ixhego elithethela phezulu.
6. Imbongi = Iqina lomfo elitsho ngendyondyo
7. Noluntu = Intokazi ezwi licwengileyo, lithi ndimamele.
8. Awethu = Umfana othetha qhelekileyo.
9. Ngoma = .Iqina lendoda ezwi likhulu.
10. Mawawa = Indoda ethetha de ibe neendawo ezitswinayo.
11. Nozamile = Umfazi othetha ngondiliseko.
12. Juluka = Umfana ozwi lindilisekileyo.
13. Mantyi = Indoda ethethela phantsi.
14. Mtshutshisi = Umfana ozwi liqhelekileyo.
15. Sajini / Ipolisa = Indoda ethetha kuvakale ukuba umthetho uthethile.
16. Nosango = Umfazana othetha ngokungathi yintombazana esafikisayo.

RHODES UNIVERSITY

MACW

ITHSISI YESIXHOSA

Isihloko: Kwakhe kwanje phi na?

(Umdlalo kaNomathotholo)

Ngu: Mziwonke Qweshu

ISIQENDU 1.

IGWIJO LOMDLALO.

NGAPHAKATHI:

NGORHATYA:

ENDLWINI

NGAPHANDLE KUVAKALA UKUKHONKOTHA KWEZINJA.

MTHUNZI: (Ebila ngumsindo) Yenzeka njani loo nto? Beniphi? Kanti ningamaphakathi okwenzani?

JONGINGQIQO: (Ngokuzithoba) Kumkani wam, le nto inje; thina besingekho apha ngeloo xesha. Sibikelwa ngamakhwenkwe nje ukungena kwethu. Nawo athi abone ngoMawawa ekhweza nehashe ngaphaya kummango. Mntanegazi, akukabikho nto yonakeleyo. Masimbize uMawawa eze apha, azoziphendulela.

MTHUNZI: Jongingqiqo, nithi yiyo ke le? Yindelelo engapha kokuqonda le. Kucace mhlophe ukuba uMawawa lo akandiboni. Akandazi nokuba ndingumnyango wawuphi na umzi.

JONGINGQIQO: Kunjalo kanye, Mhlekezazi. Makube ungenwe yintoni endlebeni uMawawa? Ndiyengcwabeni ngoku kodwa ndiyazibula ukuyibona indelelo enje. Makabizwe uMawawa aziphendulele.

SOMAKHONKCO: Aa! Bhebhethimpundulu! (Ethoba ilizwi) Kumkani wam, bobawo, nam ndisakhwankqisiwe sesi senzo. Ndixakiwe ukuba into enje uzakuyiphendula athini uMawawa? Ibiyintoni embangela ukuba abonise le ndelelo? Asazi. Mhlawumbi yena unaso isizathu nokuba sinjani na. Mna ndiyaseka ukuba masimbize uMawawa eze apha. Apho ndibhideka khona kukuba uyawazi umonakalo obangelwe lihashe lakhe. Akaleqwa. Uthini ngabantu aba bonakalelweyo ? Makabizwe.

MTHUNZI: Makangabizwa, makaye kulandwa. Asizokumcenga, kuba ngoku utsibe uPhungela buqu. Somakhonkco, phakama ukhangele abafana, niye phaya kuMawawa. Ningamcengi, ningamceli, nize naye esisidumbu okanye ephila. Yiyani, Somakhonkco.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

EBUSUKU:

ENDLWINI

NOSANGO: Hayi ke, tata kaNgqukuva ayikho le uyenzileyo. Sisibindi osithatha phi esi usuke wanaso? Uyazibona ukuba wongeza ityala kwelinye?

MAWAWA: UMthunziwenkuku akazokwenza unothanda. Ngubani olibonileyo ihashe lam lisitya intsimi kaNdungwane? Lihashhe elitheni eli kucaca ukuba lizakugqiba iintsimi ezintathu?

NOSANGO: Kwathini ke ungalindi ikumkani de ifike? Ayondelelo leyo?

MAWAWA: Ndikruqkile ngula mfana.

NOSANGO: He yise kaNgqukuva, uthini laa mfana xa uthetha ngekumkani yakho? Yikumkani leya. Uyilindele ukuba ithini xa ifumana le ngxelo?

KUKHONKOTHA IZINJA.

(Nqumama, ngokuxhalaba) Ujonge ntoni apho? Yintoni le uyikrob'efestileni? Kwenzeka ntoni?

KUKHONKOTHA IZINJA.

MAWAWA: (Ethethela phantsi) Bez' apha Bez' apha. Ayingomhlola lo?

NOSANGO: Bez'aph'oobani na yise kaNgqukuva? Ngoobani aba ubabonayo kwesi sithokothoko sobumnyama?

MAWAWA: (Ethethela ezantsi) Sondel'apha. Sondela. Yiza ngapha Jonga phaya.

NOSANGO: Tyhini, bez' apha. Ngumhlola wanton na lo? Yise kaNgqukuva, hamba uyekungena phaya kwelagumbi lokugqibela. Ukuba bayaguqulula uya kusuke uphume ngalaa festive ingemva Khawuleza. Hamba ngoku.

MAWAWA: Uza kuthi ndiphi xa bendibuza?

NOSANGO: Wena, ndakwenzakalisa, ndithe hamba apha bayasondela aba bantu.

KUVAKALA UKUKHONKOTHA KWEZINJA PHANDLE. KUTHI CWAKA.

KUNKQONKQOZWA EMNYANGO.

NOSANGO: Ngena!

UKUVULEKA KOMNYANGO. INGXOLO YABANTU ABANDUMZELAYO.

SOMAKHONKCO: Nkosikazi, uxolo ukuba sikunkqonkqozele ngeli xesha. Nathi sileqwa yinto esileqayo. Impilo yona ayikho nakubani na. Impilo iyathengwa. Silapha nje size kuthenga impilo yethu. (Ekhawulezisa) Uphi uMawawa?

NOSANGO: Inokuba nibhidene naye endleleni. Ugqiba kuqabela esapha.

SOMAKHONKCO: Ebesithi uya phi?

- NOSANGO: Ukuba ndimve kakuhle ebesithi uya kumntakwabo phaya eNjwaxa.
- SOMAKHONKCO: ENjwaxa ebusuku apha?
- NOSANGO: Bathumele umyalezo wokuba kukho umphanga okhoyo phaya. Kuyacaca ukuba ngumntu abazalana naye. Usaye kuvela apho ke ngoku.
- SOMAKHONKCO: Ukhweze ngeenyawo?
- NOSANGO: Hayi, Somakhokco, uyise kaNgqukuva ukhweze ngehashe.
- SOMAKHONKCO: Mamela apha ke, Nosango. Yakufika indoda yakho uyixelele ukuba besilapha. Mayingahlali phantsi, iye kuvela phaya komkhulu. Ikumkani iyamnqwenela.
- NOSANGO: Akukho nt' embi kodwa?
- SOMAKHONKCO: Ndiqale nini ukuncokola izinto zamadoda nabafazi? Wena mamela umyalezo lo, uwuhambise unjalo. Mamela ke, nkosikazi, akubuya uz' umxelele ukuba ukumkani uyamnqwenela. Usale kakuhle.

UKUVALEKA KOCANGO

- NOSANGO: (Ethetha yedwa) Bawo somandla, yintoni le uyise kaNgqukuva asiphathele yona? Yinto endiza kuyithetha nabani le?

KUVAKALE UKUHAMBA KWAKHE NGAPHAKATHI ENDLWINI.

Yise kaNgqukuva yiza bemkile. (Nqumama) Ngumhlola wantoni lo osiphathele wona? Awuyibonanga laa nyambalala, yegquba lamaJuda ibilapha. Ndifung'umama, baxway'umrhaji aba bantu. Noko ingathi ayinje into xa iza kulunga. (Enyusa ilizwi) Sukundithi phuhlu ngamehlo, cing' icebo. Uza kuphuma njani kule nyuvadem osifaka kuyo? Usifakile. Usigqibile. Naku ngoku kufuneka sithethe ubuxoki ngenxa yakho. Cing' icebo.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

EBUSUKU:

ENDLWINI:

KUVAKALA UKUNDUMZELA KWABANTU

SOMAKHONKCO: (Ecoca umqala) Aa! Bhebhethimpundulu ! Kumkani wam, boobawo, siyile kwaMawawa. Akakho. Ingxelo esiyivileyo yeyokuba usatsibe eNjwaxa.

JONGINGQIQO: Nimkhangele phaya phakathi endlwini?

SOMAKHONKCO: Boobawo, bekungekho mfuneko yokwenza oko. Sifike inkosikazi yakhe iseke yodwa.

MTHUNZI: Mamela ke, Somakhonkco. Yiza nentsapho yakhe yonke apha. Iya kukhululeka ukufika kwakhe.

SDUMBU: Ngxeeee! Kumkani yam. Ngxee! Mathunzi, ayinje into xa iza kulunga. Ndiyacela kumkani wam, ndiyacela rhamb' elimdaka elakheth' abafazi kubaThwa. Sizwe sakuthi, ingathi sakuba siyayiloza xa ngoku sifuna ukufaka usapho lukaMawawa kulo mba. Ummoni siyamazi. Yhini na ke ukuba singamlindi ade abuye apho aye khona? Noko usapho lwakhe alwenzanga nto, ntozakuthi. Ndiyacela mawethu. Ndiyacela, mntanegazi.

MTHUNZI: Inga umyalelo wam ucacile nje? Yintoni le ungayivayo, Sdumbusesele?

SDUMBU: Mhlekaazi, andikudelanga koko ndikuva ndingakuva. Ndiyayiva le yokuba abizwe. Ndiyayiva le yokuba akafumaneki ngoku. Endingayivisisi ncam, mntwanegazi, yile yokulanda usapho lwakhe.

MTHUNZI: Inga ndisichazile nje isizathu? Ukuba kuthe kanti kukho ilulwane phakathi kwethu elithe, singaqondanga, laya kumvundlisa, sakuphinda simfumane njani?

SDUMBU: Ndicela uxolo ukuba kubonakalisa ndinkqangisana nawe mntwan' omhle, akunjalo. Eyam ingxaki yeyokuba luthinjwa ngesiphi na isizathu usapho lukaMawawa. Noko intsuku aziphelanga. Le ndoda sithetha ngayo yakhile apha elalini. Ayiyindawo Elam lelokuba simlinde uMawawa ade abuye. Usapho lwakhe singaluchukumisi, kuba alungeni ndawo kulo mba.

JONGINGQIQO: Makhe sive kubawokazi ukuba ubona njani. Kaloku ukuqulunqa kwethu esi sigqeba sasisenzela ukuba sixoxe imicimbi yesizwe samaThunzi. Siwavile awakho, Sdumbusesele. Andingethandi ke ukuba le ngxoxo ibephakathi kwakho nobawokazi. Nanga amadoda ejongise iintloko phantsi Makuxoxwe madoda, nazi imbono zimbini. Lithini elenu?

SAKHONO: Bobawo, into enje iyaqala ukwenzeka? Kuyaqalwa ukuthinjwa usapho xa utata wakhona engafumaneki? Andikholwa. Esi sisithethe sidala. Xa intloko yekhaya ingafunyanwa kubanjiswa ngemfuyo yayo. Ayinamfuyo ke le sithetha ngayo. Imfuyo yayo lela hashe linye Sithini ke? Into esondele kwimfuyo lusapho lwakhe. Ndikulo, makuyiwe kuziwe nosapho lwakhe apha. Uyakulukhulula ngokuza kwakhe apha.

SDUMBU: Ngxee, ntozakuthi, ngxee, mhlekazi, makungenziwa izinto ngendlela engeyiyo, siphinde silahlekisane Ndifinca amashumi amathathu eminyaka ngoku ndiphakathela obu kumkani. Ndiqale kuyise wekumkani le. Akukho naxa linye apho kwakhe kwathinjwa ngosuku lokuqala. Le nto yenzeke namhlanje. Kuhlwile ngoku, ngomso sakuqala olunye usuku. Kutheni ke ukuba singalindi kude kube ngomso ukuze sithabathe isigqibo esisiso? Okwangoku, kusekutsha ukuba sithabathe isigqibo. Masimphe ithuba abuye. Nanku uSomakhonkco uthi bawushiyile umyalezo wokuba uMawawa adibane nekomkhulu nje ewubeka umcondo wakhe phaya kwakhe. Singxamele phi, singamlindi nje? Masilindeneni bobawo.

MTHUNZI: Sdumbusesele, ayijiki le nto ndiyithethayo. Ukuba sizakulala engekho ezandleni zethu uMawawa, asinakuphinda simfumane.

- SDUMBU: Andiqondi njalo, mhlekazi. Noko akabulelanga mntu.
- MTHUNZI: Mathunzi, masiwuququmbele lo mba. Ingaba ikhona enye indoda enento yokuthetha..?
- SOMAKHONKCO: Mhlekezi kunjani mhlawumbi xa sikhawulelana nezi mbono zombini? Olwam uluvo endilubonayo njengokuba ndichoph' apha, lelokuba masithiyisele ngabafana, baxhwarhe bufutshane phaya kwaMawawa. Bakumbon' efika baye kumlanda. Nokuba ufike ezinzulwini zobusuku bakumfumana abafana, beze naye apha. Lelo mna endilibonayo, ukukhawulelana neezimbono sezibekiwe.
- JONGINGQIQO: Ewe, bobawo, kuthi kwakuba nje kufuneka ukunyathela ngokubuchule. Nanko ke umkhombandlela usiza noSomakhonkco. Ithini indlu?
- MTHUNZI: Kabawo, ilizwi lokugqibela emaliwe kule nkundla lelam. Ndizivile izimvo zenu. Ndiyayibulela inxaxheba yenu. Limile elam, lelokuba uSomakhonkco aphind' indlela aye kulanda usapho lukaMawawa, eze nalo apha. Somakhonkco, ngen' endleleni.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

- | | | |
|--------------|----------|-----------|
| NGAPHAKATHI: | EBUSUKU: | ENDLWINI: |
|--------------|----------|-----------|
- NOLUNTU: (Evuka ebuthongweni) Hayi, hayi, ungakhe ulinge undivuse mna. Ngubani obekuthume ukuba ubambe iintlanganiso ezinzulwini zobusuku? Nina, ukuba anithakathi nizazi nodwa.
- MTHUNZI: Kukwam apha, nokuba ndibuye nini na andenzanga tyala mntwini.
- NOLUNTU: Uthi ndingaphinde ndithethe xa usitsho? Jonga ke, bhuti, awuyokumkani kum, uyindoda yam. Nam eyam indoda ndiyifuna ecaleni kwam... Awunantloni ukuthetha le nto uyithethayo ubuhleli eKapa unyaka wonke? Phofu ke ndothuka ntoni? Ubumandelwe kwelaKapa uhleli nentokazi

yakho phaya. Yilo nto ungabethelwa nangu-*doh* xa uphambi kwam. Uthe tyho.

MTHUNZI: Isukela phi ke le uyithethayo ngoku?

NOLUNTU: Ungakhe ulinge undigrhumbe, bhuti. Ucinga ukuba andizazi ezizimanga zakho? Ufane wayikumkani nje, okwakho kokwezandla. (Nqumama) Ukutya kwakho kuse-ontini. Hamba utye, ubuye ulale, wahlukane nam.

MTHUNZI: Noluntu, uyandibhida. Yinto oyithatha phi le yentokazi? Ngubani lo ukuphathela ulwimi olungekhoyo?

NOLUNTU: Mamela apha ndodandini, ndifana nemfene? Xa undijongile ubona imfene? Andiyiyo ke bhuti. Uqale nini ukungamazi uZodwa Mkhonto eDikeni? Uqale nini? Iyavakala le ngoma ndiyiculayo?

MTHUNZI: Noluntu, abukho obubuvuvu ubuthethayo. Ndiqale nini ngoku ukuthandana noZodwa? UZodwa sasifunda kunye eNtabenkonyana...

NOLUNTU: Usaqhubekaka ukundenza isibhanxa? (Nqumama) Uyabona, andiyazi into endakumenza yona loo Zodwa wakho apho ndimbambe khona. Ndakumbonisa okutyiwa ligqwirhakazi... Utsho mos xa endibiza. Igqwirhakazi? Liphi elagqwirhakazi lo mfazi wakho? Akatsho? Ucinga ukuba andiyazi naleyo?

MTHUNZI: Uyithatha phi le nto yonke?

NOLUNTU: Buz' emqaleni.

IGWIJO LOMDLALO.

- NGOMA: Sdumbusesele, ndandingaphambani koko ndothuswa yimfumba yemali endayibonayo kumzi welinye iJuda phaya eRhawutini. Ndandikubalisele okwenzekayo. Ulibele? Yila mfumba yemali eyandothusayo, phezulu kwayo kuthe thatya ibululu lenyoka emthubi. Loo nyoka ndihlale ndihlale ndiyibone nokuba ndiyazihambela. Ndiyibone etheni, ndiyibone evenkileni ndiyibone naphezulu komandlalo wam phaya ekhaya.
- SDUMBU: Akhonto onayo wena koko umoshwa leli cuba lakho likhulu ulithandayo. Lilo eli likuphambanisayo. Lilo eli likwenzela le mibono.
- NGOMA: Igqabi lenziwe nguMdali, utywalwa benziwe ngumntu. Ufuna ndiqhubeke? Ikumkani le yakho kutheni ingaphambani nje yona xa liphambanisa igqabi? Ayilisebenzisi? Iyalisebenzisa.
- SDUMBU: Ungafuni ukundifaka ekuthetheni. Andizukuyiphendula le uyithethayo. Wena le uyithethayo ingakufaka kwenkulu inkathazo xa inokufikelela ezindlebeni zekumkani.
- NGOMA: Makay' aph' athand' ukuya khona. Akalisebenzisi? Ewe okanye hayi?
- SDUMBU: Wakhe wambona?
- NGOMA: Ngubani ongayaziyo loo nto? Umntu walapha ofuna ubungqina nguyena uphambanayo. Wena, kutheni, niqala nini?
- SDUMBU: Intoni kanene?
- NGOMA: Ndiva kuthiwa uMawawa uzinikezele phezolo. Kutheni kude kube leli xesha ube kanti awukayixelelwa loo nto?
- SDUMBU: Ayikho into enjalo. Ukuba ibikho ngesele ndiyazi ngoku.
- NGOMA: UMPinga angandixokisela ntoni? Uthi ebekhona. Yonke into ayithethayo uyibonile. Andinaso isizathu sokuba ndingamkholelwa. Angathini ukundojela inyama ngetotshi?

SDUMBU: Phofu ke nokuba kunjalo, kungenzeka ukuba ndibethwa ngomkhusane
AyingoSakhono na lo uza phaya? Tyhini, ewe, nguye.

NGOMA: Uvela phi ngezantsi apha?

SDUMBU: Ndiza kumazi njani ndihleli nawe nje apha?

NGOMA: Inokuba uzokuchaza le nto ndigqiba ukuxelela yona. Pho ke, kutheni kude kuze yena? Okanye uyadlula?

SDUMBU: (Ethethela ezantsi) Hay' uza apha.

SAKHONO: (Ekhwaza) Sdumbusesele nebandla.

KUVAKALE IZINGQI EZISONDELAYO.

Awu, Sdumbu kanti uhleli nalo mrhaji unguNgoma?

NGOMA: Xhegolam, nokuba andinamama andinatata noko mandingade ndibe ngurhaji.

SAKHONO: Owu yhini na ntangam? Ndiyakuqhula noko. Unqabile emphakathini?

NGOMA: Bendiza kuxhaphaka njani? Anizange nithi mandiyokutya neenkomo? Nifuna ndithini ngoku? Nifuna ukundigqibezela?

SAKHONO: Kanene ndakuthetha litshone elanamhlanje ukuba ndingaphikana nawe. Phila, Sdumbusesele.

SDUMBU: Asikaboniswa nto, bawo, oko besohlukene phezolo.

SAKHONO: Hayi nakuthi kunjalo Qhudeni. Bendisaphuma esapha, ndijonga ukuba amakhwenkwe ayijonge kakuhle imfuyo esapha. Besendisuka phaya komkhulu. Ikumkani iyasinqwanela ngentsimbi yeshumi.

SDUMBU: Nimfumene nini uMawawa?

SAKHONO: Ukumfumana phi? Akukavakali nto nangale ntsasa. Asazi nokuba ubuyile na eNjwaxa.

SDUMBU: Ngoma, ubuyive nini le nto ubundixelela yona? Uyamva ukuba uthini yena uSakhono.

SAKHONO: Uyawaxoka uthini ngoku uNgoma?

SDUMBU: Uggqiba ukundibalisela ukuba uve ngoMpinga into yokuba uMawawa uzinikele komkhulu, lwakhululwa usapho lwakhe.

SAKHONO: Makahambe, unolwimi, asizokwazi ukuncokola ngokukhululekileyo. Ikhona into embambileyo angasikhweleli?

NGOMA: (Ehamba) Ninjalo ke, ndingayithethi into endiyivileyo? Ukuba bubuxoki yintoni ebibangela ukuba uMpinga andixokisele?

SAKHONO: Hamba! Le nto ingahlambiyiyo.

NGAPHAKATHI:

NGENTSASA:

ENDLWINI:

KUVAKALA UNOMATHOTHOLO ODLALELA EZANTSI.

SAJINI: Mhlekazi, mna ndingusajini Mbopheni Nxebalebhoso, lo ngukonstable Busobenja, siphuma apha emapoliseni. Kukho isikhalazo esithe safika phaya kuthi. Ndiyathemba ukuba niyamazi uMawawa. Nguye ke ofake isikhalazo sokuba uthinjelwe usapho lwakhe. Umkhondo ke kuthi uphelela apha komkhulu.

JONGINGQIQO: Kuthiwa luthinjelwe ntoni olu sapho, sajini?

SAJINI: Ngeengxelo esizifumeneyo kuthiwa oyena mntu ufunwayo nguMawawa lo. Ngoku kuthe akuba engafumaneki kwathinjwa usapho lwakhe. Yiloo nto ke esibeka apha.

JONGINGQIQO: Sajini, kanene uthini umthetho oligunya lekumkani? Okanye mandithi, uyaqala ukuva ngento elo luhlobo? Phambi kokuba uzokuphangela apha ubusuka phi kanene?

SAJINI: Bawo, ndinegunya lokuba ndixuthe nabanina othinjiweyo. Umthetho awukuvumeli ukuthinjwa kwabantu ngokungekho mthethweni.

JONGINGQIQO: Ukuze bathinjwe ngokusemthethweni kwenziwa njani?

KUVAKALA IZINGQI EZIZAYO.

MTHUNZI: Kuqhubeka ntoni apha Jongingqiqo? Yintoni amapolisa? Kwenzeka ntoni?

JONGINGQIQO: Hlala phantsi, Mthunzi Ufika kanye xa ndingcambazisa la mapolisa. Athi athunyelwe ukuba aze kukhulula abantu abathinjiweyo apha.

MTHUNZI: Nithunyelwa ngubani?

SAJINI: Sithunyelwa ngumthetho, bawo.

JONGINGQIQO: Yiyo ke le ikumkani, umnikazi walapha. Thethani naye.

MTHUNZI: Mapolisa, ndinomthetho wam apha kuzo zonke izixeko eziphantsi kwam. Lo ngumcimbi walapha komkhulu. Into nina ebekumele ukuba niyenzile kukuncedisana nam. Benimele ukuba nize naye apha uMawawa lowo. Le into ayikanifuni, nakuva ngam xa indixakile.

SAJINI: Mhlekezi, sinegunya lokuba singenelele xa kusenzeka oku. Oku akukho mthethweni.

MTHUNZI: Umthetho kabani?

SAJINI: Ndizakuthi ngokabani kanene? Ngumthetho weli lizwe, mhlekazi.

MTHUNZI: Mamelani ke, ndithi apha kulawula umthetho wam. Ningena phi kwizinto zenkundla yakomkhulu? Ndicela niphakame niphume ngala mnyango.

SAJINI: Mhlekezazi, asizanga ngabubi apha, sicela nje usikhululele aba bantu sibafunayo sihambe nabo.

MTHUNZI: He mfondini, uva neegusha? Ndithi lo mba awundixakanga. Ndiza kuwusombulula. Ukuba uyandixaka ndakubiza nina. Okwangoku mayigubhe.

SAJINI: Mhlekezazi, oku sikwenzayo kusemthethweni. Xa ungafuni kusinika olu sapho silufunayo siza kunyanzeleka ukuba sigqogqe ngenkani kuba sirhanela ukuba kwaphulwa umthetho.

MTHUNZI: Ugqogqe kwabani? Uyazazi apho ukhoyo, Sajini? Kukomkhulu apha. Phumani. (Egxininisa) Ndithi phumani.

SAJINI: Mhlekezazi, kulityala ukuba ngumqobo endleleni yomthetho..... Uzukukhumbule oko. Sakuphuma nje sibuyele evenini, sifune uncedo olongezelelweyo esikhululweni. Kona ukubafumana siza kubafumana.

MTHUNZI: Ndithe phumani, Sajini. Phuma!

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENDLWINI:

KUVAKALA AMANTSHONTSO ENKUKU ESENDLINI.

SDUMBU: Phuma. Ngamantshontsho atheni la kucaca ukuba aqhel' indlu. Phandle! Shhhh. Iyephi na induku yam, bendiyiqhusheke apha nje? Nozamile, akukhange uyibone le nduku?

NOZAMILE: Hlala phantsi, Sdumbusele, akuyi ndawo.

SDUMBU: He mfondini, masingaxatyaniswa yinto engekho. Ndithini ukungayi komkhulu ndiliphakathi nje? Ubukhona apha xa esithi uSakhono siyafuneka phaya. Ndingayi ngokuba ndisoyika amapolisa?

NOZAMILE: Ngumhlola ke lo. Nanku umntu ezibizela ukufa kuzihlelele. Awumvanga uMamBhele esithi kubi phaya? Ukuba akakutshayisi ela cuba lakhe ukumkani kwakube kubini. Yitsho ukuba ufuna ukundishiya ndingumhlolokazi.

SDUMBU: Nozamide, ngoku ufuna ukuba ndimamele izinto ezithethwa ngabantu, ndingayi, ndiyozibonela?

NOZAMILE: Sdumbusesele, yisuse emthunzini ingqondo yakho. Uyeva ukuba kubi phaya kodwa usafuna ukuya kuzibonela Ibhahlile le nto oyithethayo?

SDUMBU: Ucinga ukuba amapolisa asuke adubule nje?

NOZAMILE: Uyeva ukuba kuthiwa kusalindelwe ezinye iveni phaya. Ucinga ukuba konwatywe apho? Ucinga ukuba amapolisa aze kubuza impilo? (Nqumama) Khulula lo bhatyi, ubeke loo ntonga phantsi, ndikwenzele ikofu, uphunge. Kona ukunyuka apha usiya komkhulu akuzukwenzeka. (Nqumama) Linda badubulane bagqibe, ukuba bayadubulana. Bakugqiba ke unganyuka uye kubala izidumbu.

SDUMBU: Nkosikazi, sukundenza untemekwane.

NOZAMILE: Wena wakhe wambona phi untemekwane oxhapse iindevu? Khawumamele xa kuthethwa. Iinkani azizange zanceda mntwana wamntu.

SDUMBU: Kanti ndiyindoda yokwenzani?

NOZAMILE: Uyindoda yokwenza abahlolokazi? Sdumbusesele, akusenamandla ngoku, sukuqhathwa yintliziyo. Akukho nto ozakufika uyenze phaya. Khona xa kudutyulwa uza kubaleka njani utyiwa zibhanyanisi nje? Yitsho ukuba ufuna ukuya kuzibulalisa phaya.

KUNKQONKQOZWA EMNYANGO.

Vulela loo mntu.

KUVULEKA UCANGO, LUNGAVALWA.

NGOMA: Sdumbu, kutheni wahlal' apha kusionakala komkhulu? Ndandikugqibele uliphakathi nje?

NOZAMILE: (Emsindweni) Ngoma, Ngoma, asiyondawo yokuphambanela le. Ukuba ayikho enye into onokuyithetha phuma ngalo mnyango.

NGOMA: Awu, Nozamile, yintoni? Undiphuphile? Akukho nto igwenxa kule nto ndigqiba ukuyithetha. Kanti uSdumbusesele akalophakathi?

SDUMBU: Ngoma, unganoyi wena, lo mama kukho into esamcaphukisileyo.

NGOMA: Andilohadi lokukhuphela umsindo mna. Xa enomsindo makawukhuphele kumnikazi wawo. Mandingabi sachopha hleze ndigalelwe ngamanzi abilayo. Nantsi into. Nyuka. Kunzima phaya komkhulu. Ikumkani imile kwabomthetho, ithi, mabeze noMawawa ukuze ikhulule usapho lwakhe. Nyuka uyoziBonela, ungathi uNgoma lixoki.

NOZAMILE: (Emsindweni) Ngoma. Ngoma, phuma. (Egxininisa) Ngoma ndithi phuma.

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 3.

NGAPHANDLE:

EMINI:

ENKUNDLENI:

KUVAKALA UNGQUMSHELO LWABANTU ABASENKUNDLENI KOMKHULU.

JONGINGQIQO: (Elungisa umqala) Mathunzi, boHomposhe, boPepepe, nango niwavile.

Nimvile ezama ukuziphendulela unyana kaMaqebengwana. Nimvile elibeka elakhe icala..... Ingab'ikhona enye into ekufanale ukuba siyithethe?
Akawagqibanga uMawawa....?

SDUMBU: Kuloo ndawo kanye ke, Jongingqiqo. Bobawo, kumkani yam, Mathunzi, boNyukwana. Ewe umfana wonile. Naye uyavuma. Kodwa ke sizwe sakowethu ndiyacela. Ndiyacela ukuba simnike elinye ithuba uMawawa azibonakalise ubudoda bakhe. Masimphe elinye ithuba. Ndicela ukuba noko singamgrhuzuli uMawawa.

SAKHONO: Kulo ndawo kanye ke, Sdumbusesele. (Egxininisa) Sdumbusesele, ubugqwetha buyafundelwa. Andikwazi ke wena nokuba uyawazi na umnyango wesikolo apho ujonge khona. (Ebhekisa ebandleni) Mathunzi, boHomposhe, boPepepe, ayikho le ithethwa nguSdumbusesele. Nimvile uMawawa esibhoxa apha. Simbuzile ukuba akazange ohlwaywe na yile nkundla ngaphambili: wathini? Wavuma. Wawukhupha umdliwo? Akazange awukhuphe. Kuba kutheni? Kuba engenamali. Kukuthini indoda efuyileyo ithi ayinamali? Ayisosigezo eso? Ewe, kukudelela le nkundla. Xa engafuni kuphathwa uMawawa makasikhwelele. Asinalo ixesha leenjubaqa apha eMathunzini.

SDUMBU: Bobawo, kumkani yam, ndidana kakhulu xa ndisiva amazwi afana nala kaSakhono. Eyona nto indihlaba ngamandla kukuba ngumshumayeli lo uthetha olu hlobo. Ukuba ibingomnye umhedeni ofana nam bendingayi kothuka. Ndimva-ndingamvi. Nangona kunjalo linye nje elam, lelokuba sibaxolele abo basonayo kalikhulu liphindaphindwe ngekulu. Oko kwam ibikukungxengxeza, ndingxengxezela umntu endimelene naye. UMawawa ufikele kum kule lali,

akazange abe nanxa namntu. Oku kwenzekayo kuyazibula ukwenzeka
Sisizwe esinjani esi singenaxolo? Xa ndisithi ebengalithumanga ihashe lakhe
ukuba liye emasimini abantu, iya kubangathi ndihlekisa ngabo bonakalelweyo.

SOMAKHONKCO: Imfuyo iyagadwa kungenjalo uyibophelele ingatyi amasimi abantu.
Kukusa okuphindaphindene kasixhenxe into yokuba uthi usazi ukuba ihashe
lakho libanjiwe, ufike ulikhulule. Ngendisiva ukuba ubulikhulula komnye umzi.
Ulikhulule komkhulu? Hayi, khona, oko kubonakalisa ukungadani.

JONGINGQIQO: Mathunzi ingathi kum sitsho sophela kulo mba. Ngoku sakude sibe
ngamayilo. Ndinga ukuba ndikulo xa ndinikezela kwikumkani yam ukuba iwise
isigwebo. Ingaba ikhona enye into?

SDUMBU: Yibamb'apho, Jongingqiqo. Eeeee Aa! Bhebhethimpundulu! Mntanomhle,
nyana kaNonyikiza, mzukulwana kaMabelebele, elam lelokuba sikuphe ithuba
lokucingisisa isigwebo ozakusiwisa. Akukho apho singxamele khona.
Mntanegazi, masikuphe ithuba uhlafune amathambo engqondo..... Ndinga
ukuba kulungile ukuba uyekuphumla, ulale phezu kwayo le nyewe. Singabuya
sidibane ngomso, uwise isigwebo. Sithathe imini yonke ukujika-jikana nalo mba.
Kungoku nje ingqondo zethu zishushu. Kubekisele phi kweyakho....? Sisicelo
sam eso, mhlekazi.

SAKHONO: Aa! Bhebhethimpundulu..! Mntanegazi, amangomso asa esihogweni. Ukuba
uSdumbusele uceba ukuba isigwebo siwiswe ngomso, makaleqeke yedwa
ukuya esihogweni. Yinkundla yakomkhulu le, ayondawo yokuteketa. Simise
imicimbi yethu kuba sithobela umsila wale nkundla. Kufuneka sihlakule,
kufuneka sibiye iingcingo ngomso. Sixakekile. Ngubani obesithi awunakwazi
ukuwisa isigwebo ngoku? Asiqali kuwuchophela umcimbi onje. Asiqali
kuwuchophela lo mcimbi kaMawawa. Ubaluleke ngantoni uMawawa le nto
kucaca ukuba siza kuchitha iintsuku sichophele umcimbi wakhe. Ngokokwam
ukubona, ayilo tyala lamawele eli. Makuwiswe isigwebo, sigoduke.

JONGINGQIQO: Thoba eso sandla Madolobhityo. Mhlekezazi wam, ingathi uSakhono uwatywe onke.... Mandinikezele kuwe mntwanegazi, sive ukuba lithini na elakho. Ukuba ukulungele ukuwisa isigwebo, ngenedyokhweni, mhlekazi.

ABANTU: (Bekhahlela) Aa! Bhebhethimpundulu!

MTHUNZI: Mathunzi, booPepepe, booHomposhe, booNyukwana, lo mba ingathi awuntsonkothanga Phakama Mawawa. Agadlele amaxhego, sigadlele isizwe saMathunzi, elingabekwanga lilityelwe. Okwam kufutshane. Mawawa, le nkundla ikufumanisa unetyala njengokuba utyholwa. Ubonakalise indelelo engaphaya kokuqonda. Ukuba ndinganosini nawe ndakube andiwenzi umsebenzi wam. Esam isigwebo sesokuba ngomso lo usayo, uthathe konke okwakho uphume kule lali, uye apho uyakwenza unothanda khona. Mayithi ibetha intsimbi yesihlanu ngomso kube kungekho kwavumba lakho apha kule lali.

UMCULO ONESINGQALA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

ELALINI:

KUVAKALA INGXOLO YABANTWANA ABADLALAYO MGAMA.

NGOMA: (Ekhwaza) Naz' indaba zentsimbi yokuqala ngokuzifundelwa nguNgoma ka Ngoma, kwisikhululo senu saseMavumezi. Owayesakuba ngummongameli welizwe lethu uthe wavela phambi kweKomishoni ephanda ngokuthunjwa kombuso. Uyigeze eyihlekisa okaZuma xa ebesenza iMadiba dance kwimibuzo yegqwetha lejaji. Umngqungqo wona usaqhuba kwi-ofisi zekomishoni eGoli. (Nqumama) Eziphuma e-ontini, zitshisa zishushu njalo zezokuba unyana kaNonyikiza ume kwakuko xa ebejamelene nabakwantsasana kumasango akomkhulu. Oku kubangele ukuba amapolisa amzise komkhulu uMawawa ukuze kukhululwe usapho lwakhe. Inga ayini iyagcogcoza. Ngale mva kwedinala uMawawa unikwe uphumaphele kumhlaba wamaThunzi.

Ndingalibelanga, umama wasemaTipeni undimeme kwakhe namhla nje. Uthe Ngoma uzuhlambe wakugqiba uze apha ukutshona kwelanga.

UMCULO WOKUCHANKCATHA

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENDLWINI

KUVAKALA IMFUYO EKHONYA NGAPHANDLE, EBALENI.

JONGINGQIQO: Mawethu, sikubonile okwenzeke emini. Niziva njani? Eli lixesha lokuba siphonononge isigwebo. Ndinazo ezam imbono kodwa ndifuna ukuva ezenu kuqala. Ngumnqweno wam ke ukuba makathi efika ukumkani sibe sesiwugqibile lo mba. Ingathi uyatshiseka Somakhonkco? Ngen' edyokhweni.

SOMAKHONKCO: Kunjalo bawo. Bobawo, ingathi kum noko siqatha esi sigwebo. Ukuba ikhona enye indlela, masikhangele yona. Noko akunje xa kuza kulunga.

JONGINGQIQO: Masenjenje ke, umntu makabeke imbono yakhe, akugqiba acebise ngesisombululo. Loo nto ingabangela ukuba singachithi ixesha elininzi kulo mba.

SOMAKHONKCO: Elam, nali ke, mntakwethu. Ngokwazi kwam zintathu kuphela izizathu ezibangela ukuba umntu agxothwe elalini. Eyokuqala kukubulala, ukudlwengula kwakunye nobusela bemfuyo. Kwezi zizathu akutho nesinye atyatyekwa sona uMawawa. (Nqumama) Kunganjani ukuba atyityinjiselwe umnwe okokugqibela. Sithi makayephi uMawawa?

SAKHONO: Maxhego am, kuselithuba nangoku ukuba sisijike isigqibo. Noko nam andixolanga ncam. Mna ke bendakucebisa ukuba ukugwetywa kona agwetywe, kodwa hayi ngolu hlobo. Bekunganjani xa edliwa inkomo?

JONGINGQIQO: Adliwe okwesingaphi? Yintoni na le uyithethayo, Sakhono? UMawawa wadliwa ngaphambili akawukhupha umdliwo. Asinakubuyela apho ngoku. Ndiyahambisana nezimbono zivelayo. Ingakumbi le yesigwebo esingaxolisiyo.

Mandiyithethe inyani, uthe wakuwisa esi sigwebo ukumkani yanga ndiyinkomo ebethwe ephondweni. Khange ndicingele ukuba angavela kwelo cala. Elam icebo lelokuba uMawawa agwetyelwe ukuba alime onke amasimi akomkhulu. Sakumnika iinkabi, simbone apho ke ukuba uyazisola.

SAKHONO: Ingathi lilo elo, Jongingqiqo. Masithengise lo mbono kukumkani. Ukuba bekusiya ngokwam bekumele siwuqoshelise lo mba, nje emva kwalo mba asibizele wona ukumkani. Ixsha alikho.

JONGINGQIQO: Ukuba siyavumelana ke, ngubani oza kucebisa ikumkani ngale mbono?

SOMAKHONKCO: Ayingomhlola na lo uwubuzayo, Jongingqiqo? Ibiza kuba ngubani? Nguwe iphakathi elikhulu. Nguwe umntu oza kwendlala lo mcimbi kwikumkani. Okwethu iyakuba sikuxhase engxoxweni.

JONGINGQIQO: Mandikulungise Somakhonkco. Akunyanzelekanga ukuba ibe ndim umntu owendlala lo mcimbi kwikumkani. Nabani na apha phakathi unalo ilungelo lokuba abike imbono zakhe, simxhase ukuba siyamxhasa.

SAKHONO: Lilonke uthini bawokazi?

JONGINGQIQO: Ningandivi kakubi bantu bakuthi, andithi andizoyenza le nto, ndiza kuyenza. Ntonje ndithi mandicacise le yokuba nabani na unalo ilungelo lokuphalaza umbu kwikumkani.

SAKHONO: Masithembe nje ukuba ubuya edolophini esekwimeko eyiyo. Angathi gqaa laa mehlo, buy' umva, yazi ukuba konakele.... Kakade kwathi kanti yinyani le kaMandela ukuba wacela uMhlaba ukuba athethe naye ehle epalamente?

JONGINGQIQO: Mna ndambona sesithi ubuyile, ufuna ukuqwalasela izinto zekomkhulu. Yona le yokuba uMandela wacela ukuba ehle epalamente, akavuma, andiqali ukuyiva. (Ehleka) Yindoda enengqondo zayo le ingukumkani, ayoyiki ngokoyikiswa.

SAKHONO: Mathunzi, ngamanye amaxesha umntu uyantyontyelwa esiya kweyela eliweni. Masingamntyontyeli ukumkani. Ngumfana lo, usemncinci, uyafuna ukuboniswa. Ingathi noko ngoku oko ebuyile epalamente uya ngamandla kweli cuba lakhe. Masithethe naye angayi ngamandla. Luxanduva lwethu ukumbonisa apho aphosa khona.

JONGINGQIQO: (Ethethela phantsi) Kancinci nje ke, Sakhono. Ingathi ndiva imoto empompozayo nje apha phandle? Khawukrobe apho, Sakhono.

IZINGQI EZIPHUMAYO

SAKHONO: Ewe, nguye. Ziphi na ezintwana bezidlala apha zingavuli iheke nje?

JONGINGQIQO: Sowubaleka umvulele, Sakhono.

IZINGQI ZIYAPHELA. KUVAKALE IMOTO EPAKISHAYO PHANDLE.

Kulo mba sigqiba kunyathela kuwo ndifuna sikhumbule ukuba asinakuthi paha kukumkani nakanjani na. Ndiza kujonga ixesha elifanelekileyo.

IZINGQI EZIZA NGANENO.

Kutheni wabuya wedwa, Sakhono? Kanti ubungathi yikumkani le ifikayo?

SAKHONO: Yiyo, bawokazi, ijikele kula mnyango usekhithshini.

JONGINGQIQO: Uphi uNoluntu yena?

SAKHONO: Ifika yodwa ikumkani.

SOMAKHONKCO: Bebengahambanga bobabini na aba bantu?

JONGINGQIQO: (Ethethela phantsi) Phofu, injani inkangeleko yakhe?

IZINGQI. CWAKA.

MTHUNZI: Uxolo bobawo, ngokuba ndinibambezele. Bendiba ndakube kukudala ndibuyile ngoku edolophini. Ingxaki ke nantsi koomolokazana benu. Ndimshiye edolophini uNoluntu. Usalibele kukwenza iinwele zakhe phaya e-*salon*.

JONGINGQIQO: Xa ulapha, yena uza kubuya ngantoni?

MTHUNZI: Ndimcelele kula titshalakazi ihlala kwaNjazombini. Iza kubuya naye, bakunye phaya.

JONGINGQIQO: Ukuba ke kunjalo makube uyawurhoxisa lo mcimbi ubusibizela wona?

MTHUNZI: Bobawo, makube njalo, kuba asinakukwazi ukuxoxa engekho. Ndakuphinda ndijonge elinye ithuba.

SOMAKHONKCO: Bawokazi, ingathi ke eli ngeyiba lithuba lokuba usithi thsuphe ngobumi balo mcimbi osifunela wona.

MTHUNZI: MaThunzi, lo ngumba nje wesikhwele kuNoluntu. Undipheka endophula apha ngokundityhola ngamafutha enyama endingakhange ndiyitye.

SAKHONO: Uthi nantsi intoni?

MTHUNZI: Uthi ndiyalaqaza.

JONGINGQIQO: Ngoku yintoni enzima ukuba ungamcaciseli nje ukuba ayikho loo nto? Ukuba ayikho. Bawokazi, noko andiqondi ukuba ungaxakwa kukusombulula umcimbi onje. Ngokwam ukubona ingathi lo mcimbi usafuna nina nobabini. Andikulahlekisi, bawokazi, ndiyayazi le nto ndiyithethayo.

SAKHONO: Uthi uyithathe phi le nto ayithethayo?

MTHUNZI: Lo mfazi kuyacaca ukuba ukwazile ukuvula unomyayi wam, wabona bonke abantu ebendibatsalele umnxeba. Kumagama onke awabonileyo uphume neli gama linye andityhola ngalo. Kuyabonakala ke nokuba u-*google*(ishe) negama elo, wafumana ngcombolo zithile ngentombi leyo. Waphinda wathi apha eku-

google(isheni) kwakhe wabona ifoto ezintathu apho le ntombi andityhola ngayo ihleli ecaleni kwam. U-*google* umchazele nedilesi yale ntombazana. Ngoku lo mfazi uzimisele ukungena ekhondweni, aphande ngale ntombazana de ayifumane.

JONGINGQIQO: Kancinci nje ke, bawokazi, uGugile lo yena ungena phi kuyo yonke le nto? Kutheni ingathi yindoda engenamqolo nje? Khona ukuba ke ubuyiba le nto ubuyenza ibingeyongxaki kaGugile leyo?

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 4.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

KWISIKHULULO SAMAPOLISA:

SAJINI: Yizani kule ofisi, kumkani.

SAKHONO: Masiye ngapha, bawokazi. Masimlandele. Kamnandi abaxakekanga namhla nje.

SAJINI: (Emganyana) Ngenani kumkani..... Liyeke njalo ucango. Heke, fumanani nazo izitulo.

SAKHONO: Siza sibaleka, Sajini. Ikumkani yam ithi ifumene umnxeba othi iyafuneka apha ngokukhawuleza. Sithi masize kumamela. Yilo nto ke usibona simaphikana.

SAJINI: Injalo lo nto, bobawo. Ingxaki esinayo ingekumkanikazi.

MTHUNZI: Eyiphi kanene ikumkanikazi?

SAJINI: Umama uNoluntu, mhlekazi.

MTHUNZI: Wenze ntoni na ngoku uNoluntu?

SAJINI: Mntanomhle, owakwakho utyholwa ngokuhlasela inenekazi apha eDikeni ngorhatya nje. Hayi, ndiyamncoma, mhlekazi, ulinkunkuthile.

MTHUNZI: Bekutheni? Ngubani elo nenekazi?

SAJINI: Ngokwengcaciso elapha phambi kwam inenekazi elingummangali nguZodwa Mkhonto.

MTHUNZI: (Esothuka) UZodwa?

SAJINI: Uyamazi?

MTHUNZI: Ewe, Sajini.

SAJINI: Kuliwa ngawe ke kumkani.

MTHUNZI: Ndingena phi mna apho?

SAJINI: Umazi njani?

MTHUNZI: Ndikhula naye. Besikunye naselubhacweni, besikunye nasepalamente.

SAJINI: Ingathi ke ngumcimbi wasepalamente lo kuliwa ngawo.

MTHUNZI: Umcimbi otheni na?

SAJINI: (Ecacisa) Ngowasepalamente, mhlekazi. Bekusenzeka ntoni epalamente?

SAKHONO: Sajini, khawusicebise. Uthwani umcimbi onje? Zintloni ezi. Yinto esiza kuyiqala ngaphi le yokuchazela isizwe ukuba ikumkanikazi iqamele ngengqindi?

SAJINI: Thina bawo senze eyethu indima. Sakubizwa sasabela. Okwethu ke kukuba simse enkundleni, aye kuziphendulela kumantyi. Thina asinalo igunya lokuxoxa amatyala apha. Owethu umsebenzi kukuvala isaphuli-mthetho.

MTHUNZI: Sajini, kungolwesihlanu namhlanje. Inini into yangomvulo ukuze avele enkundleni?

SAJINI: Undingene emlonyeni, ndingekagqibi ukuthetha, kumkani. Kulo mbuzo unawo, nelicebo lifunwa ngubawo lo uhamba naye, ndingacebisa ukuba ubize igqwetha lakho. Lona lakuyazi ukuba kufuneka lithini. Lingakwazi ukumenza angalali apha kuthi namhla nje. Noko umcuphi ophanda eli dokethi yindoda ekwaziyo ukubona xa iboniswa. Kuba igama lakho lisaziwa andiqondi ukuba kungakho intsokolo, kuba ukuba ukhululwe, uyakwaziwa apho afumaneka khona. Nalo ke elam.

SAKHONO: Nantso ke, bawokazi. Uthini?

MTHUNZI: Ndingakwazi ukubona lo mfazi?

SAJINI: Selidlulile ixesha lokubona amabanjwa. Kodwa ke njengendoda enomfazi nam ndiyavakalelwa. Ndicela into enye ke, yimizuzu nje mihlanu. Singaxabani.

UKUCOFWA KWEMFONOMFONO YE-OFISI. IPHENDULWE.

Khonstabhile uChithiyeza, ndicela undiphathele lasisi esimvalele yedwa. Yiza naye apha kum e-ofisi.

UBEKWE PHANTSI UMNXEBA.

Bazakumzisa.

SAKHONO: Kukubuza nje ke, Sajini. Monzakalo mni abenawo lo ungonjiweyo?

SAJINI: Bawo, sakuva ngogqirha ngomonzakalo. Mna ndibone nje umntu olijaja ligazi ubuso nesifuba. Ikhona nento ethi ikumkanikazi imgqebhe ngekhuba lebhotele yesiselo. Ise ngundiva ke wonke lo. Enye nanye iyakubonakala enkundleni. Sisalindele ukuba eze nexwebhu elisuka kwagqirha ekuthiwa yi-J88. Loloxwebhu ke elakuthi lisicacisele banzi ngomonzakalo.

MTHUNZI: Ndingamphathela into etyiwayo?

SAJINI: Zinjongo ezintle ezo, kumkani. Kodwa ndikucebisa ukuba ungayenzi loo nto okwangoku. Uyakumbangela ukuba aphelelwe lithemba lokuba angaphuma apha. Qala ngalo mba wegqwetha kuqala, sibone ke ukuba isisaphi na loo meko. Enye into emandikulumkise ngayo yeyokuba ungakhe ulinge ungxole naye ngoku. Loo nto uyakuyenza xa nifike ekhaya. (Enyusa ilizwi) Enkosi, khonstabhile. Yiza, hlala ngapha, sisi.

MTHUNZI: Noluntu, yintoni le ndiyivayo?

NOLUNTU: Akakucaciselanga uSajini?

MTHUNZI: Ndibuza kuwe.

NOLUNTU: Kumkani, fowunela uJuluka azokundikhupha apha. Enye nanye sakuyixoxa ekhaya. Kuhlwile ngoku, kuyabanda kwezi zisele.

SAJINI: Ngubani uJuluka?

NOLUNTU: Ligqwetha lethu.

MTHUNZI: Ubumbethela ntoni uZodwa?

NOLUNTU: Buz' emqaleni.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

NGENTSENI:

ENDLWINI:

KUVAKALA IZINJA EZIKHONKOTHA NGAPHANDLE.

MAWAWA: Tyhini, baw' uSdumbusesele, kanti nguwe lo ukhonkothwa zezi zinja phandl' apha?

SDUMBU: Ewe, ndim, mfondini. Ukhona Mawawa?

MAWAWA: Ungathini ukukhonkothwa zizinja ngentseni? Ingathi kanti uhamba noohili. Sel' uchopha apho kweso situlo.

SDUMBU: Hayi, mandihlale kwesiya, mandingaveli apha endleleni. Andifuni kubonwa ngabantu abadlula ngendlela. Kubi phandl' apha.

MAWAWA: Uzokundipakishisa?

SDUMBU: Ungakulinge undenze isikhova samafiya, kwedini. Yinto endiyikhathalele ngantoni leyo? Nguwe ibhantinti, bendimele ukuba ndibuza ukuba kutheni ungekapakishi nje.

KUVAKALE IZINGQI EZIZA NGANENO.

NOSANGO: Molo, baw' uSdumbu.

SDUMBU: Molo, molokazana. Ndidla ngokubuliswa ngekofu ngeli xesha. Okanye sowuyipakishile?

NOSANGO: Ukupakisha kwantoni na? Khawubuze apha kuMawawa.

MAWAWA: Xhego lam, andiyi ndawo.

SDUMBU: Hiii?

MAWAWA: Ewe, kunjalo.

NOSANGO: Ndiyabulela ukuba ufike. Andikhange ndimxelele ukuba ndithumele umntwana ukuba aye kubiza. Ndixakiwe, bawo. Khawuthethe nalo tata. Unenkani. Iinkani azizange zanceda mntakabani. Indibhidile le ndlela acinga ngayo uMawawa.

SDUMBU: Yitsho, kwedini, uyayiva inkosikazi yakho ukuba ithini. Kwenzeka ntoni?

MAWAWA: Bawo, ndilale ndayicingisisa le nto. Ndagqiba kwelokuba andiyindawo.

SDUMBU: Itheth' ukuthini ke loo nto? Akuzibizeli ubugxwangu?

MAWAWA: Ndiza kuwushiya nabani lo mzi? Ndakhile apha, bawo. Ngamandla am la. Andizange ndincediswe likomkhulu mhla ndisakha lo mzi.

SDUMBU: Mawawa, sukuba ligangxa, kwedini.

NOSANGO: Kuba kukho olwachuku lukhoyo phaya kuloMawawa, ndicebise ukuba masithuthe siyokuxhwarha phaya ekhaya. Akavumi, uthi akayi ndawo. Ixesha esisikelwe lona alimanga, liyahamba.

SDUMBU: Chopha phantsi, kwedini, ungathethi nam undijonge ebuchotsheni. Naku ukwenzeka. Leliphi eli themba onalo? Ucinga ukuba kuza kusuke kuthule kuthi cwaka? Ukuba ucinga njalo makube ukumkani nawe uyakuncazela kwela cuba lakhe. Ayondlela yokucinga leyo. Mamela apha ke, sukuyichamela. Butha konke okwakho, ushiye lo mhlaba.

MAWAWA: Bawo, xa ndisimka apha ndiza kuhlala phi? Ithi inkosikazi masiye phaya kowayo. Ingxaki zam zimbini ngoko. Eyokuqala yeyokuba ndakuba ngusibayeni. Noko ke leyo ayindiphathi kakuhle. Ndokuhlala ebukhweni ? Eyesibini yeyokuba ukuba ke ndiyavuma ukuya kulo nkosikazi, kanti lalali yasePhewuleni

iphantsi kukabani? Lo kumkani wenu uyakuba nalo igunya lokundigxotha naphaya. Nokuba bendibuyele kumzi kabawo bekwakuba njalo.

SDUMBU: Ndiyakuva Mawawa. Kodwa ke ucinga ukuba ukunkaniza kwakho kwakuba sisisombululo? Andiqondi.

MAWAWA: Ndithini ke?

SDUMBU: Ewe liyavakala ibakala lakho. Kuba ngokwenene uselapha kwezilali zaMathunzi uyakuba uhleli ngempundu enye. Kweliya laMaNtinde akunamntu omaziyo? Nje oku kokufihla intloko de sibone ukuba akangebuyeli ezingqondweni na ukumkani. Umcimbi wakho siwuphetha.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

EBUHLANTI:

JONGINGQIQO: Mabandla akuthi, ndithe masidibanele kobu buhlanti nje ndenzela ukuba sikwazi ukuwubona umdunga onokuthi umamele indaba zethu. Ndicela ke amazwi ethu anganyuki. Ukumkani usaqabele phaya kwaDidikana, uyakudlula kwaBanzi, akugqiba apho abe nathi. Undinikile ke igunya lokuba ndibe ndinibalisela ngokwenzeke kwikumkanikazi?

SDUMBU: Ibingaphilanga na?

JONGINGQIQO: Kancinci nje ke, Sdumbusesele. Ndizakungena kuloo mba. Omnye umba esinawo, ongena ngale ntsasa ngowoorhunta abadlwengula, bakhuthuze abantu. Usaleqe ukuyokuva ezongxelo ke ukumkani kwiinkosi zakhe kwezilali zichaphazelekayo. Masingawenzi made kuba hleze kuthi kanti sele esendleleni ebuyayo ukumkani. Uvuke kwangentseni.

SDUMBU: Xa ehambele umcimbi obaluleke kangaka, kutheni wena ulapha?

JONGINGQIQO: Sdumbusesele, andingomoya ongcwele, andibikho kwindawo yonke ngexesha elinye. Ikumkani ihambe noSomakhonkco. Mna ndigade ikhaya. Sahlulelene ngokumasikwenze.

SAKHONO: Sdumbu, khawume ngale mibuzo yakho, iyakuthi thu esapha ikumkani singekayigqibi le micimbi mibini.

JONGINGQIQO: Ukulo Sakhono. Masenjenje ke, mandinikezele kuwe unike le ngxelo yekumkanikazi.

SAKHONO: Akukho nto ingako, mawethu. Kukunazisa nje ukuba phezolo sehlelwe lishwangusha lokuba ikumkanikazi ibe ingqubana nengalo yomthetho. Kuthe kwenzeka ke ukuba osgaxamabhanti bamvalele.

SDUMBU: Isejele ikumkanikazi?

SAKHONO: Sdumbusesele, sukuthetha ndithetha, okanye awuzukwazi ukundiva. Ndisacacisa. Masendikuphendula ke. Hayi, ikhona ikumkanikazi, nants' aph' endlini Phezolo njalo, sibalekile ke nekumkani sayokumamela emapoliseni. Kwancokolwa. Amagqwetha ekumkani ke asebenze ubusuku bonke, wakhululwa ezinzulwini zobusuku. Apho sikhoyo ke ngoku ngowokuba avele enkundleni ngomvulo.

JONGINGQIQO: Ndicela ke ukuba lo mba singawuxoxi. Kusekutsha. Kukwazisa nje amaphakathi akomkhulu. Siyacela ke bantu bakuthi ukuba lo mba ingabi yinto yokuqala iincoko ezimbarheni Ndiyanicela sizwe saMathunzi ukuba le ibe yindaba yakwamkhozi. Ukuze sikwazi ukuyigcina inje le nto kukuba singakhe silinge siyincokolo namakhosikazi ethu. Ukuba kukhe kwakho oyithetha emfazini, zesityazi ukuba ikati iphumile engxoweni. Kwakufuneka ke siphande ukuba ngumfazi kabani na lowo. Sakugqiba sidilishane nendoda yakhe. Owesibini ke umcimbi ngulo wabarhuntha ndithetha ngabo. Isizwe siyakhala. Kuthiwa aba bantwana benza lemikhuba bakugqiba babaleke. Amapolisa ingathi akade aphumelele.

SAKHONO: Bawokazi, ingathi lo umba uthe ngqo. Linye, alikho elinye. Makuthunyelwe abafana bakhangele la makhwenkwe beze nawo apha komkhulu. Sakubona ngoko ke ukuba senzani na ngawo.

JONGINGQIQO: Uwagqibile ke Sakhono. Elokugqibela ke bobawo. Sithini ngolummingimmi lokuba uMawawa uthi akayi ndawo?

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 5.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

KWAMANTYI:

KUNGENA UMANTYI.

SAJINI: (Ekhwaza) Phakamani enkundleni Ningahlala phantsi.

MTSHUTSHISI: Mhlekazi, ndibiza ityala elingunombolo 183/2019. Umangalelwa nguNkosikazi Noluntu Mthunzi. Mvulele sajini angene apho emkhumbini.

JULUKA: Mhlekazi, ndimele ummangalelwa.

MTSHUTSHISI: Nkundla ebekekileyo. Ummangalelwa utyholwa ngokuthi abethe ngendlela enolunya, ngenjongo zokwenzakalisa unkosazana Zodwa Mkhonto, phambili kwaseposini apha eDikeni, malunga nentsimbi yesithandathu ngorhatya, kulosihlanu weveki ephelileyo. Ukwenza oko ke uthe wabe waphula umthetho wamashumi amahlanu ananye, owasekwa kwi - Criminal Procedure Act ka 1977.

UMANTYI: Uthini ke mmangalelwa? Unetyala okanye akunatyala?

NOLUNTU: Andinatyala.

MTSHUTSHISI: Nkundla ebekekileyo isicelo sam sesokuba silimise elityala, kuba uphando lusaqhuba. Okwesibini ndingenisa isicelo sokuba sihlehlise ibheyile ebesithe samnika yona ummangalelwa. Oku kubangelwa yinto yokuba uyaphule imiqathango yakhe yebheyile. Njani? Ndinengxelo efungelweyo ngumcuphi ophanda elityala, ebonakalisa ukuba ummangalelwa ukhe wenza izighroghriso ngale mpelaveki. Zigrhoghriso ezo ezithi uzakuya kumgqibezela ummangali apho alele khona, esibhedlele.

JULUKA: Nkundla ebekekileyo, le asindlela osebenza ngayo umthetho. Umhlobo wam, umtshutshisi uyasingoloba ngoku. Ebendazi ukuba ndingummeli kammangalelwa. Akakhange andithi thsuphe ngesisicelo asenzayo. Iyandothusa into yokuba adanduluke secelela ukuba kuhlehliswe ibheyile kammangalelwa..... Manditsho

kwangoku ukuba ngamampunge la athetha ngawo. Asikhange sigrhogrhise mntu Iyandothusa neyokuba kukho ubungqina obufungelweyo anabo. Ebemele ukuba undibonisile phambi kokuba siqale. Umtshutshisi akayenzanga lo nto. Nokuba unobungqina bomcuphi obenziwe phantsi kwesifungo loo nto ayithethi nto. Asizikukwazi ukubuza imibuzo kwisifungo esibhaliweyo. Ndicela ukuba le nkundla isikhabe ngawo olishumi amanqina esi sicelo.

UMANTYI: Mtshutshisi, ingaba bukhona ubungqina ofuna ukubukhokela kulo mba wokurhoxiswa kwebheyile?

MTSHUTSHISI: Okwangoku, nkundla ebekekileyo, abukho. Ummangalelwa usalele ngandletyanye esibhedlela. Umcuphi lo ndingazama ukumfumana ngale mvakwedinala.

JULUKA: Nkundla ebekekileyo, okwam kokokuba sijonge imigaqo yokwenza izinto kule nkundla. Azenzekanga ngendlela ekumelwe ukuba zenziwe ngayo. Yona eyokubiza umcuphi aze kunika ubungqina ngesi sityholo akusayi kusinceda nganto, kuba umcuphi lowo uyakube ethetha ngondiva. Asifuni ndiva, sifuna umntu lo oze nolulwimi simbeke apha, simphicothe ngemibuzo, ukwenzela ukuba sifumane ubunyani bebango.

UMANTYI: Mtshutshisi, ndithatha icala legqwetha lo mmangalelwa. Liyinyani elokuba ngoku uyamzuma, ubumele ukuba ubonisene naye ngengxelo entsha oyifumeneyo. Ubumele ukuba umnikile eyakhe ikopi yesosifungo uthetha ngaso. Linyanisile igqwetha ukuba ubumele ukuba wenze inzame zokuba abelapha nomntu lo uchazele amapolisa ngesisigrhogrhiso. Nokuba umcuphi ebekhona, liyinene ukuba ebeya kusixelela ngakuvilleyo. Uyayazi ke nawe ukuba undiva ongasekelezwanga bunyanini akamkeleki apha enkundleni. Ukuba ke awunabo obunye ubungqina obunesihlahla, ndikucebisa ukuba urhoxe nesicelo sakho. Kungenjalo le nkundla yenze isigqibo.

MTSHUTSHISI: Nkundla ebekekileyo, okwangoku ndiyarhoxa. Ndakube ndiphinde ndisenze esi sicelo xa ndiwacwangcisile amangqina.

UMANTYI: Nivene ngokuba limiselwe owuphi umhla eli tyala?

MTSHUTSHISI: Umhla wesi-5 kweyeKhala, mhlekazi.

UMANTYI: Phakama mmangalelwa. (Nqumama) Ityala lakho limiselwa umhla wesi-5 kweyeKhala, kuba uphando lusaqhuba. Okwangoku ke urhoxile umtshutshisi kwisicelo ebesenza sokuba kurhoxiswe ibheyile yakho. Ngomhla wetyala ndikufuna apha ngecala emva kwentsimbi yesibhozo kusasa. Ungakhululeka.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

KWAMANTYI:

KUVAKALA ABANTU ABATHETHAYO KUFUTSHANE.

JULUKA: Kumkani, akunayo indlela yokuba ungathetha noZodwa lo arhoxise ityala? Kunzima xa le nto ithethwa ndim. Kodwa ndithi mandicebise. Ndiyibonile ingxelo kagqirha. Imbi. Uphantse wambulala uZodwa kumkanikazi. Ngoku ke ingathi sekukho neminye imimoya engenelelayo. Asikayazi ukuba ngubani na lo uze nolwimi lokuba ukhe wamgrhogrhisa uZodwa Ukuba ikhona indlela, ndicebisa ukuba kuthethwe noZodwa.

NOLUNTU: Nasi isithandwa sakhe.

MTHUNZI: Noluntu, Noluntu, sukundijikeleza ngochuku.

JULUKA: Bantu bakuthi, masijonge kule nto sithetha ngayo. Khawucingisise kumkani ubone ukuba ikhona na into onokuyenza kucinywe eli tyala. Ukuba ke akuphumeleli zakusuka zilime ziye kwayiwayo.

NOLUNTU: Ukuba uyafuna ukumkani angakwazi. Bayazana noZodwa. Uyamazi apho anokumcofa khona acofeke.

JULUKA: Kumkani, mayibe yinto ocinga ngayo leyo. Ukuba uyaphumela, undazise kwangethuba. Bendisithi masibonisane ngalo mba phambi kokuba sahlukane. Ubungqina obunikiweyo ngabantu abaziboneleyo abundonwabisi. Ndidla ngokubacebisa ke abantu ukuba bangasonjululelwa zinkundla ingxaki zabo.

MTHUNZI: Juluka, mandibaleke. Ukuba kukho umnyinyiva ndakwazisa. Ndisaleqa intlanganiso endinayo phaya komkhulu.

NOLUNTU: Kumkani, eyona nto ibalulekileyo yile yezintlanganiso zakho?

MTHUNZI: Utsho ngoba? Kanti asigqibanga? Ikhona enye into Juluka?

JULUKA: Amade ngawetyala, mntanomhle.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

EBUHLANTI

KUVAKALA IINKOMO EZITYA INGCA KUFUTSHANE.

JONGINGQIQO: Bantu bakuthi, sele efikile ukumkani. Uza kubanathi kungekudala. Usaqoshelisa nje umcinjana apha ngaphakathi. Masibe sigawula siwarhuqa. Amagqobhoka ke wona athi umfundisi ulindwa ngencwina. Masincwine sisiya ke (Asebeze) Sakhono, ingathi ngesiwubamba lo mcimbi wekumkanikazi. Kukho inyoka apha phakathi kwethu.

SAKHONO: (Esebeza) Xa ubona njalo kulungile. Masiwutsibe.

JONGINGQIQO: (Esenyusa ilizwi ebhekisa ebantwini) Kunyanisiwe ukuba iindaba zalibazisa umtshakazi ezimela. Kodwa ke thina besingazimeli Nantso nekumkani yethu seyisiza. Sakuqala kamandi, siqale sonke.

ABANTU: Aa! Bhebhethimpundulu!

IMBONGI: Hoooooooooyina!

Qhoshelani bantu bakulo Mthwakazi

Langen' irhamba elibibiliza amanye.

Wangen' unyana kaNonyikiza enyolosa.

Sgqigqana somfan' omadolo made oku kukadadobawo.

Ngena mzukulwana kaMoyikwa, kaNkayi kaTshungwana.

Mthi ome phezu komfula

Ongadliwa nayinxozana.

Mngane omnyama ongadliwa nyosi.

Kungakhal' intsikizi izulu liza kududuma makwedini.

Thabath' isihlalo sikayihlo uhlahl' indlela

Amaqaba agqobhok' engqondweni.

Igwala kuloo nina makwedini alelali.

Masithobel' iikumkani zethu, zithethe nezinyanya.

Sicel' izinyanya zisithethelele kuQamata.

Larhosh' irhamb' eliyi ndoda. Nde chu ndee ham.

Ndiyayigongotha.

JONGINGQIQO: (Elungisa umqala) Awu, watsho kamandi, Krila..... Ufika kamandi, bawokazi, xa siqalayo. Izandla zigcwele, iingqondo zixinene. Sakunyamezela nokuba kuyababa. Kakade kuf' ayayo Ndiyacela ke bantu bakuthi ukuba singabambezeleki ngaphandle kwemfuneko.

Masibethe koomofu, indoda ingathethi into esele ithethwe ngomnye umntu. Ibe zintsuku zikaxakeka kuthi ezi. Imizimba nayo ayivumi. Masicengane

Sakhono, khawuqale ngengxelo yala makhwenkwe.

SAKHONO: Aa! Bhebhethimpundulu! Mhlekaazi, abafana batyhutyhe ilali ezisibhozo. Ezi zikrelemnqa zifumaneke phaya eNgcabasa. Ngabafana bane. Omnye wabo ngowalapha kuthi elalini. Mandilibize igama ukuze singabe sithandabuza sixele abafundi bakaYesu. Lo mfana ndithetha ngaye nguSbunzisempuku unyana kaQhinebe. Ebekhe wafika ke uQhinebe apha, ebuzisa ngale nto. Samxelela ukuba umcimbi wonyana wakhe usezandleni, sakumphendula emva kwale ntlanganiso. Ndisatshaya.

MTHUNZI: Ingaba bakhona abantu abakhe beza apha, bekhala ngala makhwenkwe?

SAKHONO: Bakhona, baninzi kumkani.

JONGINGQIQO: Sicela umkhombandlela apho ke. Mayingene indoda ezivayo. Ihlomle.

SOMAKHONKCO: MaThunzi, ndicebisa ukuba sibancwine aba bafana, kude kufumaneke izinto zabantu ezi bazithathileyo. Ndicela ukuba singabacengi, ibe ngabo abacenga thina. Sinawo amadoda apha nabafana abakwaziyo ukuncwina umgewu. La makhwenkwe masiwanikezele apha ebafaneni.

JONGINGQIQO: Akawagqibanga? Makatsho onombono owahlukileyo.

MTHUNZI: Ndikulo eli likaSomakhonkco. Xa ephinde wafika uQhinebe nimthumele apha kum. Ndibeka isiqhwala sikaVenene apho, ibenguye oza kukhokela abancwini.

JONGINGQIQO: Nakundixelela ukuba siyatolikwa. Okwangoku ingathi siwuqabelisile lo umcimbi de sibe sifumana iingxelo ngophando. Mathunzi, umba wesibini usibeka emanzini. UMawawa iyamleqa into emleqayo kodwa gxebe kuba imleqela ebantwini. Lidlule ixesha ebelisikelwe. Saqonda ukuba masithumele abafana sive unobangela. Impendulo esiyifumeneyo yeyokuba uMawawa uthi akayi ndawo. Kuthwani ke xa kunje?

SDUMBU: Bobawo.....

SOMAKHONKCO: Besekukudala kakade, sithetha ngemigewu apha, kunzima nokuhlomla, kodwa nje ukuba sithethe ngoMawawa utsiba kuqala.

SDUMBU: Somakhonkco, yitsho ukuba uthunyelwe kum. Bendiza kuthetha ntoni kwinto yemigewu ? Ndiyahambisana neembono ezibekiweyo. Ubufuna ndenze la nto ibingqandwa nguJongingqiqo? Ndiphinde into esele ithethwe ngomnye umntu ? Bobawo, uMawawa ngummelwane wam. Ndiliphakathi lakomkhulu. Ndizifumanisa ndiphakathi naphakathi kulo mba. Andazi ke ukuba ngubani onelungelo lokungqanda ukuba ndingathethi kuqala kulo mba kaMawawa.

SAKHONO: Avakele, Sdumbu, yiya apho kufele khona inkedama.

SDUMBU: Kumkani wam, mzukulwana kaNonyikiza, ndiyazithoba. Masiphinde sisijonge isigwebo esisiwisele uMawawa. Ayinto incinci le. Kunzima indoda eyakhe olwa hlobo izibone sele inguDingindawo.

JONGINGQIQO: Hlomla ucebise, Sdumbu. Ucebisa ntoni?

SDUMBU: La mfo ufuyile. Masimdle into ehamba ngamanqina, notyumse ngaphezulu.

SAKHONO: Siyabhula nje, bantu bakuthi. Ngendiba ndiyamva uSdumbu, ntonje lo mntu sithetha ngaye wakhe wadliwa ngaphambili, akawukhupha umdliwo. Yintoni ezakubangela ukuba awukhuphe ngoku?

SDUMBU: Kuba ngoku kubi, kuyanyanzeleka.

SOMAKHONKCO: Ingaba siyalivula kwakhona eli tyala okanye siphendula le ndelelo yesibini? Ukuba siyalivula yitshoni sihlomle.....

JONGINGQIQO: Kancinci nje, bantu bakuthi. Kunjani xa sikhe sinike umntwana wegazi asikhokele? Makasicacisele ukuba singaliphonononga na kwakhona eli tyala okanye singqale ngqo kumvuka walo. Kuwe, bawokazi.

MTHUNZI: Bendisamamele. Bendiba ndakungena ekugwebeni. Okwangoku ndisakhwankqiswe kukuba kutheni liza kuphononongwa ngoku eli tyala, ngexa esongeza elinye. Izakubonisa ntoni loo nto? Kum ingathi iyakubonisa ububhetyebhetye bethu kwizigqibo esizithathileyo. Iya kuba ngathi siyamoyika. Kutheni izakuba sithi nje abazithobayo xa sigolozelwa nguMawawa? Ndicela nje impendulo apho.

SDUMBU: Kumkani wam, esi sisithethe sidala apha komkhulu. Rhoqo emva kokuba kuwiswe isigwebo, siyahlala singamaphakathi sisiphonononge. Apho singaqinelwa yimingqwazi khona sidlane indlebe nawe. Kuboniswane Ukuba sithi uMawawa uyasigolozela sakuba nathi sizilinganisa namageza. Laa mfana akayazi into ayenzayo. Akaphilanga. Sibadala. Ngumntwana lo. Yinto esiyikhathalele ngantoni ukucengana naye? Asingeni ndawo apho, ntonje ityala malifane nelinye.

JONGINGQIQO: Mntakabawo, mandiyicelele uxolo le ndawo yokuphonononga. Siyenzile, mntwanegazi, ntonje uSdumbu ebengekho. Nathi esiphume nako akukhabani kakhulu nalo mbono ubekwa apha ngoku. Impazamo yethu ibilixesha.

MTHUNZI: Siyavumelana ukuba eli ayililo ixesha lokuphonononga eli tyala? (Nqumama) Andibikho xa kuphononongwa ukuze abantu bathethe ngokukhululekileyo, akunjalo?

SAKHONO: Inje le nto, mntwanomhle, uJongingqiqo uyicelela uxolo le meko siqhuba ngayo ngoku. Esithi ke ukuba ufuna ukuyibetha ngoyaba, yitsho. Sibone ukuba sitsala eyiphi na intsontela.

SDUMBU: Phambi kokuba uhlomle ke, kumkani yam, ndicela uqwalasele ukuba lo sithetha ngaye ngumntwana wethu, ukhulela apha phambi kwethu. Andifuni nokuba uyifake eqhiyeni yakho into yokuba ikwayenye indelelo le yenzekayo. Hayi, bawo, lo mfana ubuthwangathwanga mva nje.

MTHUNZI: Uggqibile, Sdumbu?

SDUMBU: Ndigqibile, mntwanomhle.

MTHUNZI: Nali ke elam, bobawo. Akukho tyala lizakuphononongwa ngoku kufuneka kuxoxwe elinye. Leyo into ayizokwenzeka. Isiqhwala sikaVenene phambi kokuba sincwine la makhwenkwe, masiqale phaya kwaMawawa. UVenene makahambe nabafana, bafike batshise kwanto ephaya. Ukuba bayakwazi, bawudilize la mzi. Hayi ngelinye ixesha, NGOKU.

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 6.

NGAPHAKATHI:

NGORHATYA:

ENDLWINI:

UNOMATHOTHOLO UVAKALA EDLALE EZANTSI, EMVA PHAYA.

NOLUNTU: Ufane wasisimumu setyuwa kulo tafile, uza kuthetha naye.

MTHUNZI: Noluntu, ndithe mandikuve usehla entlokweni yam. Mfondini. Yintoni ukundijikeleza ngochuku imini yonke? Kutheni kucaca nje ukuba andonwabi ndakuhlala nawe?

NOLUNTU: Yinto yokuba wonwaba xa uhleli naye? Hamba ndiyakukhulula, yiya kuye. Kodwa wazi ukuba inyembezi zam ayingomathe entaka.

MTHUNZI: Ingathi ngendikushiya, ndibethwe ngumoya.

NOLUNTU: Kudala ndikukhulule, usalinde ntoni? Hamba uye kuye.

MTHUNZI: Ndikhe ndathi ndiya emntwini?

NOLUNTU: Lo ubusiya kuye umhla nezolo phaya epalamente ukhona kaloku ngoku. Kwaye ulapha kufutshane Hamba uyokufunda naye nangoku. Mhlawumbi uyakufundisa izinto ezingcono emva koku.

MTHUNZI: Noluntu, uyandixaka ngoku.

NOLUNTU: Awunakungaxakeki unamaqadi asecaleni.

MTHUNZI: Ayikho enye into esinokuyincokola? Siphelile apha?

NOLUNTU: Ungekandiphenduli kushota uZodwa.

MTHUNZI: Siza kulala sitye le nto kaZodwa?

NOLUNTU: Ungekandiphenduli siza kulala sitye yona.

MTHUNZI: Ndikuphendule ntoni?

NOLUNTU: Kanti lonke eli xesha ndithethayo ingqondo yakho ilele? (Egxininisa) Kumkani, ndithe thetha noZodwa acime eli tyala. Andizimmiselanga ukuquqa ezinkundleni ngento engenamsenzi.....

MTHUNZI: Akunamsebenzi ukuhlasela omnye umntu?

NOLUNTU: Ndingombeinja emqolo, ngoku uyavela umnikazi wayo. Ngoku ibisitya amaqanda am bekungekho mntu uyaziyo. (Egxininisa) Uza kuyenza le nto ndiyithethayo okanye akuzoyenza?

MTHUNZI: Ndiza kukhe ndiyicingisise.

NOLUNTU: Yintoni efun' ukucingisiswa apho? (Esenyukela) Ewe okanye hayi?

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

EBUSUKU:

ENDLWINI:

KUVAKALE IBUBU LABANTU ABANDUMZELA KUDE-KUFUPHI.

NOSANGO: Yise kaNgqukuva, bafikile.

MAWAWA: (Ethethela mgama) Obani?

NOSANGO: (Kunyuka umoya) Safa namhlanje, yise kaNgqukuva? Yiz' uzobona.

MAWAWA: Ngobani na aba?

NOSANGO: Wayibuza ibhasi ibhaliwe? (Ethethela phantsi) Awubaboni? Uyababona ukuba baphethe imililo. Masibaleke. Beza apha. Mabangasitshiseli apha. Nxiba izihlangu siphume kulo mnyango ungemva bengekafiki. Kwakufuneka sihlele ngasentlanjeni ukuze bangasiboni. Masiye.

MAWAWA: Andiyi ndawo, ukuba ndiyafa mandifele apha.

NOSANGO: Uphambene, Mawawa?

IZINGQI EZIBALEKAYO KUMGANGATHO WESAMENTE.

NGAPHANDLE:

EBUSUKU:

PHAMBI KWENDLU

KUVAKALE IGQUBA LABANTU ABANDUMZELAYO.

SAKHONO: (Ekhwaza) Mawawa, phuma!

KUVAKALE UKUKHATYWA KOCANGO.

Ukuba akuphumi uya kutshela apha ngaphakathi. (Enyusa ilizwi) Sinqesemfene, jikelani ngaphaya, nifak' umlilo. Wena Xoziliwa ngena ngaphaya. Fakani umlilo.

KUVAKALE UKUVUTHA KOMLILO OMKHULU.

Nibajonge bangabaleki. Abanye abafana mabanyukele ngentla. Nqentsu, khanijonje ngakwesasihlontlo ukuba akukho mntu na phaya. Nyuka ngaphaya. Umntu othe thu nimfake ibhunguza. Kubo!

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHANDLE:

KUSASA:

EBALENI:

KUVAKALE UMNTU OCULAYO EQHUBA IKIRIVA. NQUMAMA.

NGOMA: (Ekhwaza) Andizithengisi ezi nkuni namhlanje. Ndidiniwe kukuthezela abantu abangabhataliyo. Makasele amanzi ngoku uNgoma azonifundela indaba Nazi iindaba zentsimbi yesithoba nizifundelwa nguNgoma kaNgoma.

SDUMBU: Uzakuxok' uthi nantsi intoni ngoku Ngoma?

NGOMA: (Ethethela ezantsi) Yima kancinci, xhegola. Ukuba uthi iindaba zam bubuxoki, okubonileyo kuyaphikisana nokuthethayo. (Edwanduluka) Inqaku elinkqenkeza phambili lelokuba ikumkanikazi ithile, sithetha nje ingu-hosh. Oku kudizwe ziingcungela zoomandingahlalwa nto. Iphume kwizisele zaseDikeni sele ikhohlela igazi yingqele yezisele Okusematheni nje kukuba phezolo ummi wesizwe

samaThunzi utshiselwe umzi wakhe, ekhutshwa ngomva likomkhulu. Kwezi ntsuku zizayo ikumkani izimisele ukunukisa amabululu eenyoka ezisezintliziyweni zamaphakathi akhe. Athe anukwa akuzibona sele elandela ekhondweni likaMawawa.

SDUMBU: Lulwimi oluthatha phi olu, Ngoma? Uyaziqonda ukuba ungazifaka enkathazweni komkhulu ngezi zinto ozithethayo?

NGOMA: Liqale nini ukufakwa enkathazweni igeza?

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENDLWINI

NOLUNTU: (Ngovuyo) Usana lwam! Tyhini, uyangena ngoku ndoda?

AWETHU: Ewe, mama. Yintoni yangathi ubungandilindelanga?

NOLUNTU: Bendikulindele, sana lwam. Kodwa bendiba uyakufika ngorhatya.

AWETHU: Uphi utata?

NOLUNTU: Kanti awulandangwa nguye na?

AWETHU: Hayi, ndilandwe nguBhut' aseBhayi ebhasini.

NOLUNTU: Abe uyephi ke ukumkani? Uselapha phandle uBhut' aseBhayi?

AWETHU: Hayi, undishiye nje wathi unento ebeyithunyiwe ngutata phaya kwaBanzi. Kodwa ke akazi kuhlala phaya.

NOLUNTU: Kutheni ingathi uhlile nje emzimbeni, sana lwam? Anityi kakuhle phaya eRhini?

AWETHU: Owu, mama. Noko iRhodes isondla ngokwaneleyo.

NOLUNTU: Ibe ke ugqitywa zincwadi? Ukumka kwakho apha umzimba wakho ubungekho ngaka.

AWETHU: Incwadi zakhe zagqiba bani na, mama? Ndiyazilolonga phaya. Kaloku ndidlala umbhoxo. Amanqatha ndiyawacutha emzimbeni wam.

KUVAKALE IZINGQI EZINGENAYO.

MTHUNZI: (Ngemincili) Tyhini, ungene nini na thole leduna? UBhut' aseBhayi ukufumene?

AWETHU: Ewe, tata, undifumene. Ndigqiba ukungena naye ngoku.

NOLUNTU: Bendiba uye kulandwa nguwe nje, kwenzeke ntoni?

MTHUNZI: Ndithe mandithumele uBhut' aseBhayi kuba bekufuneke ndileqe omnye umba eNgcwazi.

NOLUNTU: Ungasatsho nje?

MTHUNZI: Awethu, beka izinto zakho phaya egumbini, sibaleke, uqale uye kubulisa udadobawo wakho.

NOLUNTU: Akanakuya kusasa na umntwana? Udiniwe u-Awethu ngoku, kukude eRhini.

MTHUNZI: Bek' izinto zakho phaya, kwedini, sibaleke. Khawume kancinci wena Noluntu, ndiyayazi lento ndiyenzayo.

NOLUNTU: Hayi, kodwa, kumkani, awumcingeli umntwana. Akusalindi nokuba ndigqibe ukumbuza impilo? Bendimgqibele nini?

MTHUNZI: Noluntu, u-Awethu akayi kufa phaya. Uza kubuya lo mntwana phaya. (Esenyusa ilizwi) Awethu, khawuleza sibaleke, Mthunzi.

AWETHU: (Ekwelinye igumbi) Ndisasela amanzi, tata.

UMCULO WOKUCHANKATHA.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENDLWINI

SDUMBU: Ngoma, khawume. Yima kuloo ndawo. Sukungena.

NGOMA: Oku kwekofu nje Sdumbu.

SDUMBU: Ngoma, ungena usiva ukuba ndisenebhunga apha nomkam. Hlalela phaya phandle, ulinde.

NGOMA: Sdumbu, kona ntoni ukuba undigalelele ikofu le ndiphume ke?

NOZAMILE: Myeke ndimgalelele kule magi. Kowu uyahlupha kodwa Ngoma.

NGOMA: Heke, galela, nkosikazi. Sowubeka neqhekeza lesonka oku kokuba amathumbu angakhalazi.

SDUMBU: Ngoma, ayorestyurant le. Uthengis' iinkuni nje kutheni ungazithengeli into yokutya? Uyachewuka ngoku.

NOZAMILE: Khawumyeke ngoku sikhe sigqibe le siyithethayo. Bamba, Ngoma.

SDUMBU: Ubuye nelo cango.

KUVAKALE UKUVALEKA KOCANGO.

Bayaphazamisa oNgoma aba.

NOZAMILE: Uthi yintoni na ngoku le uyibalisayo, Sdumbu?

SDUMBU: Bayintlama nje ababantwana. UVenene neqela lakhe libahambile kakuhle. Yena lo kaQhinebe andikholwa ukuba uyakulenza ixesha.

NOZAMILE: Ayotrongo ke le nizibizela yona?

SDUMBU: Mna andikhange ndoyame mntu. Ukuba kuyabanjwa kwakubanjwa uVenene neqela lakhe. Mna bendibukele nje.

NOZAMILE: Uvela phi ndiye?

SDUMBU: Ndenze ntoni? Akundiva ukuba ndithi andikhange ndibethe mntu mna?

NOZAMILE: (Egxininisa) Sdumbusesele, uyayazi ingalo yomthetho? Umbukeli kusaphulwa umthetho uthathwa njengomenzi naye. Uqhuba ngolo hlobo umthetho.

SDUMBU: Ukuba kunjalo ke kwakuqalwa kumntu onike umyalelo.

NOZAMILE: Nalapho ubuyinxalenye yesosigqibo njengephakathi ebelikhona. Uyabandakanyeka nawe, Sdumbu.

SDUMBU: Ukuba kunjalo ke bakuqala bavalele ikumkani.

NOZAMILE: Umuncu, Sdumbu. Wakhe wayibona phi wena ikumkani ivalelwa?

SDUMBU: Nozamide, asizi kulala sitye le nto.

NOZAMILE: Unyanisile, kuba uza kulala uqamele ngenqindi. Kutheni ingathi nizimisele ukuba ngababulali nje? Anikayigqibi ekaMawawa ngoku nenza enye?

IGWIJO LOMDLALO

ISIQENDU 7.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENDLWINI

UNOMATHOTHOLO UVAKALA EKHALELA EZANTSI.

JONGINGQIQO: Aa! Bhebethimpundulu! (Cwaka) Ingaba ikhona ikumkani ngekhaya?

KUVAKALE IZINGQI EZIZA NGANENO ENDLWINI.

AWETHU: Tyhini, nguwe, tat' omdala?

JONGINGQIQO: Mthunzi, ufike nini na nyana?

AWETHU: Ndingene phezolo, tat' omdala.

JONGINGQIQO: Sisakuphethe kakuhle kodwa iSixeko SeNgcwele, mfo wam?

AWETHU: Sisaqhuba kakuhle, tat' omdala. Ingxaki nje yile yamanzi, kubi. Kulusizi kakhulu kwaba bantu bangathathi ntweni, kuba amanzi ayathengwa ngoku.

JONGINGQIQO: Mfo wam, ibhola yehlabathi seyajika ngoku. Uya ngapha kukhalwa ngala manzi. Nathi sakusokola mhla iXesi loma. Heke, nanku umbuzo. Liyinyani kangakanani eli lokuba imfazwe yesithathu yehlabathi ezayo kwakube kusiliwa ngamanzi?

MTHUNZI: Tyhini, bawokazi uhleli nale nkwenkwe?

JONGINGQIQO: Ukuba ubuyinyoka bawokazi ngondityile. Akukhange kuvakale nokuvuleka kocango.

MTHUNZI: Ndikuve ngelizwi, bawokazi. Bendisagqiba ukunxiba kuba ndiqonda ukuba ixesha lethu selifikile.

JONGINGQIQO: Nyana, ikofu ayinakufumaneka?

MTHUNZI: Awethu, khawusenzele into ephungwayo.

IZINGQI EZIBHEKELA PHAYA.

JONGINGQIQO: Ngebe sibonisana ngenkqubo yanamhlanje, mntakwethu.

MTHUNZI: (Ethethela phantsi) Masithobe amazwi kuba neendonga zinemilomo. Singeva zisiphendula. Masiqale ngalo mba walo mfazi kuqala, phambi kokuba kungene eminye imirhangqolo. Nantsi into, bawokazi, ndizamile ukuthetha noZodwa, sabonisana. Ndimcengile wade wacengeka. Uzakulicima eli tyala lenkosikazi.

JONGINGQIQO: (Ethethela phantsi) Zindaba ezintle ezo, bawokazi. Yinto yanini leyo?

MTHUNZI: Ndikhe ndaziba apha ezintsukwini ndaya kumkroba. Ndathi mandibonisane naye.

JONGINGQIQO: Sowumxelele ke ukumkanikazi ezo ndaba?

MTHUNZI: Ndisithi masithethele emathangeni nje ndenzela ukuba ingafikeleli ezindlebeni zakhe?

JONGINGQIQO: Njani kaloku? Ayiyona nto eyakumenza ukuba athobe izibilini leyo? Yeka nje kuba endwebile, imothusile yona le nto ayenzileyo.

MTHUNZI: Okwangoku makangayazi.

IZINGQI EZIZAYO

AWETHU: Nantsi ikofu, tat' omdala.

JONGINGQIQO: (Ethetha qhelekileyo) Heke, ndigalele iswekile, mfo wam.

AWETHU: Amatispuni amangaphi eswekile, tat' omdala?

JONGINGQIQO: Abemahlanu, mfo wam. Kaloku zange ndaya eMobeni eNatala.

MTHUNZI: (Ethetha qhelekileyo) Yingozi le uyenzayo, bawokazi. Amatispuni amahlanu, khon' ukuba zange uye eNatala?

JONGINGQIQO: Yingozi yantoni? Wakhe wandibona ndigula? Andifani nani mna, ezihhay-hhay zenu zange zafika apha kum. Jonga, namazinyo am asaphelele onke. Ndoyike ntoni ke ? Heke, sapha ke, mfo wam. Ndikhe ndive ikofu eyenziwe ngunyana kaMabizela.

MTHUNZI: Nandithiya igama endingalaziyo na, bawokazi?

JONGINGQIQO: Ufuna ukuthi uMabizela awumazi na bawokazi? Yilaa nqununu yabo phaya eRhini. Ndimbone kumabonakude izolo. Akunjalo Awethu? AyingoMabizela inqununu yenu?

AWETHU: Ewe, tat' omdala, nguye. Ugqirha Sizwe Mabizela.

JONGINGQIQO: (Ngemincili) Nantso ke. Kumkani, zintloni ezi, bawokazi, ukungayazi nenqununu yesikolo somntwana wakho. Ningcono nina nifundile, besimele ukuba sizibuza kuni ezi zinto. Ungakhululeka ke nyana, sisathen' ikati noyihlo.

MTHUNZI: Bawokazi, masiphunge, ixesha lisityile. Azakude agaleleke la maqaba.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

EBUHLANTI

KUVAKALA UKUNDUMZELA KWEBUBU LABANTU.

JONGINGQIQO: (Ekhwaza) Inzwi bantu bakuthi. (Nqumama, kudambe ukundumzela) Mathunzi, eli xesha belibekwe nini. Masithezele emqokozweni, igoqo siliyekele kubafazi. Nto zoobawo, mibini kuphela imigca esetafileni. Ndiyacela ke, mzi wakowethu ukuba singathethi umva naphambili. Indoda ephakamayo ingene apho kufele khona uhili. Mandinikele kuSomakhonkco ke asinike ingxelo yokuqala. Kuwe ke Somakhonkco.

SOMAKHONKCO: (Elungisa umqala) Sizwe sakowethu, Mathunzi, boNyukwana, besesitshilo ke ukuba amakhwenkwe siwafumene. Sawanikezela kwisiqhwala sikaVenene ukuba siwancwine. Hayi ke, bethu, uwenzile umsebenzi wakhe.

Yatsho yaphuma inyaniso, kodwa ebunzimeni. Unyana kaVenene ke ungene ekhondweni elandela oko akuncwine kula makhwenkwe. Zavela izinto zabantu ebezibiwe ngabarhunta. Sizibuyisele ke izinto kubantu bazo. Kuba ke unyana kaVenene engesiso isikolo sokufundela ukuthetha, kunyanzeleke ukuba ayombe inyaniso kula makhwekhwe. Ndithetha nani nje asagcuma zintlungu kulaa ndlu siwavalele kuyo. Kwesisine sala makhwenkwe, amathathu kuwo aphuma kwezi lali zethu. Asinakuxakwa ke ngaba bethu abantwana. Emasikujonge ngulo uphuma kobunye ubukumkani.

SDUMBU: Aa! Bhebhethimpundulu! Mntanegazi, mna ndibona ukuba ngesiqale sigqibe ukuba sithini na ngaba bethu abantwana. Sibone ke emva koko ukuba silenza ntoni eli isela lingaphumi kumhlaba wethu. Ukuba bekusiya ngam lo mba ingathi ucacile. Isizwe saMathunzi sidla ngokumthini umntu owenze oku? Ayiqali ukusehlela into enje. Mandigawule ndiwarhuqa ke. Gxebe kanene bekungamelanga ukuba sibize abazali babo babelapha? Ngokwazi kwam izaphulimthetho ezifana nezi zidliwa inkabi yenkomo. Mayibe yinkabi yenkomo umntu ngamnye.

JONGINGQIQO: Sdumbusesele, ewe nathi masinqwale, sazi njalo, koko ibikukubeka umcimbi etafileni. Nalo ke bantu bakuthi. Ukuba ke kukho umntu ongasentla makavele, okanye athule unaphakade Andiboni sandla senyukayo. Ukutsho ke lelethu. Mntanegazi, ubona njani?

MTHUNZI: Lilo, Mathunzi. Lo ke urhunta ingengowethu sithini ngaye?

SAKHONO: Mntwan' omhle, kanti umthetho uthini? Le nkwenkwe imoshe apha kuthi, ngoko ke kufanelwe ukuba igwetywe sithi.

SDUMBU: Sakhono, lilo elo. Mabandla akuthi, andiboni nto inzima apha. Isigwebo sinye. Into emayenziwe yeyokuba kuthunyelwe isigidimi phaya kwikomkhulu lakhe. Sixele ukuba umntwana wabo umoshile. Abazali bakhe bakuza kumkhulula ngenkabi yenkomo.

JONGINGQIQO: Ingaba ikhona enye into? Asiwugqibanga? Elokugqibela lelakho, kumkani.

MTHUNZI: Ingathi nisawubambile umhlola. Emakuqosheliswe kukuba ngubani omakenze ntoni. Elam ke lelokuba sithumele uMandununu ibe nguye oqabel' ehasheni aya kuchaza emakhayeni aba bafana ukuba sithini na isigwebo. Le iya kwikumkani yaMaRharhabe niyiyekele apha kum. Qhuba ke, bawokazi.

JONGINGQIQO: Masidlulele kumcimbi olandelayo. Iintambo ndizinikezela kuwe Somakhonkco.

SOMAKHONKCO: Bobawo, kwisicwangciso sanamhla nje umba olandelayo ngulo kaMawawa..... Abafana benzile ke njengokuba bebeyalelwe. Ukuba ke uphi na uMawawa asimazi, kodwa ke esiqiniseke ngako kokokuba akakho kulo mhlaba waMathunzi.

JONGINGQIQO: Khayibambe njalo Somakhonkco. Ingathi kukho la mandwendwe afikayo.

KUVAKALE ISITHUTHI ESIMISA KUFUTSHANE. KUVULEKE IINGCANGO.

SOMAKHONKCO: Ngamapolisa afuna ntoni la?

JONGINGQIQO: Makhe ndisondele ngokwam phaya. Ndiva ukuba basihambele ngantoni. Khawunqumame nje kancinci Somakhonkco.

KUVAKALE IZINGQI EZIHAMBAYO, ZIFIKE ZIME.

Bhotani, bahlekazi.

SAJINI: Bhoti, bawo

JONGINGQIQO: Abahlekazi abaleqwa?

SAJINI: Bawo, sileqwa ngamandla.

JONGINGQIQO: Siyazana kanene?

SAJINI: Thina sobabini asiqali ukubonana. NdinguSajini Bopha mna, lo ndihamba naye ngukhonstabhile Busobenja. Silapha eXesi.

JONGINGQIQO: Usajini Bopha, ndiyakukhumbula ke ngoku. Madoda, abantu bomthetho ababuzwa mpilo. Buthini ubukho benu apha? Sisabambe intlanganiso apha. Sithi nje masihoye nina kuba sinibona nimisa. Ndisaphinda, anileqwa?

SAJINI: Bawo, sicela ukubona ikumkani...

JONGINGQIQO: Njengephakathi elikhulu ndinegunya lokuqonda ukuba nicela ukubona malunga nantoni?

SAJINI: Bawo, uyakukhumbula ukuba sasikhe safika apha ngaphambili.

JONGINGQIQO: Kunjalo.

SAJINI: Isekwa nguloo mba. Kuyacaca ukuba awuzange usombululeke ngendlela eyiyo. Kukho isimangalo esifakwe nguMawawa.

JONGINGQIQO: Ndisamamele.

SAJINI: UMawawa uvule ityala phaya kuthi ngokuba umzi wakhe utshisiwe likomkhulu.

JONGINGQIQO: Uthi ngubani lo utshise umzi wakhe apha komkhulu?

SAJINI: Yilo nto kanye ke le isibeka apha. Sifuna ukuba sifumane istatimente sekumkani.

JONGINGQIQO: Nina ke ningena phi apho?

SAJINI: Apho kophulwe khona umthetho siyangena.

JONGINGQIQO: Sajini, uyawabona la madoda agcwele phaya, sixoxa amatyala. Yinkundla yakomkhulu le. Nina siza kunibiza xa kukho into engahambi kakuhle.

SAJINI: Bawo, xa kufike umntu eze kuvula ityala phaya kuthi kufuneka sithathe amanyathelo. Ufikile ke umntu kuthi wavula ityala, ngoku siyaphanda. Siyacela ke bawo ukuba singayenzi nzima le nto. Masisebenzisane.

JONGINGQIQO: Nithi mayithini ke ikumkani?

SAJINI: Sicela ukubona ikumkani, sive into yokuba lithini na elayo icala.

JONGINGQIQO: Kwakufuneka ukuba nize ngomso ke.

SAJINI: Kanti kutheni singenakuyibona namhlanje?

JONGINGQIQO: Kuba ikumkani ayikho okwangoku.

SAJINI: Kanti ayomoto yayo leya ime phaya?

JONGINGQIQO: Kanti zingaphi imoto zekumkani?

SAJINI: Andizazi, ndazi leya.

JONGINGQIQO: Mamela ke, sajini, wena akukho nto oyaziyo. Ndim umntu owazi izinto zalapha. (Egxininisa) Ndithi kuwe uzubuye ngomso, ndakuwuhambisa umyalezo wakho kwikumkani yakufika.

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 8.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENDLWINI:

AWETHU: Mama, le veni yamapolisa ibilapha ibifuna bani?

NOLUNTU: Ngutat' akho ongakwaziyo ukuphendula loo mbuzo. Uzubuze kuye ukungena kwakhe.

AWETHU: Elaa tyala lakho lide laphela phi lona?

NOLUNTU: Yinto obuyive ngabani leyo?

AWETHU: Mama, akubalulekanga ukuba ndive ngantoni okanye ngabani. Into ebalulekileyo yeyokuba kumaxa liphi.

NOLUNTU: Hamb' uyobuza kulo mntu ebekuxelela.

AWETHU: Mama, kudala ndilindele ukuba uza kundibalisela ngalo mcimbi, kodwa hayi, kudala ngoku ndifikile apha ekhaya. Uthule. Le nto ndiyibuzayo andiyivanga ngamntu ndayibona kwi-intanethi. Yitsho ke ukuba akufuni kuthetha. Andinakube ndiphinde ndikubuze mna.

NOLUNTU: Awethu, asukuba andifuni kukuxelela, koko bendikhusela wena. Andazanga ukuba kanti lento sele igqibe ilizwe lonke. Inje le nto sana lwam, utatakho ngokuya ebelilungu lepalamente eKapa, ebenentombi athandana nayo. Ngoku le ntombi isekhefini apha kokwayo eDikeni. Ndadibana nayo edolophini, yandigqemfezela, ndayingomba ke mna. Yabambisa, ndabanjwa, ndavela enkundleni, lamiswa. Okwangoku ndisengaphandle ngebheyile.

AWETHU: Limiselwe nini?

IZINGQI EZIZA NGANENO.

MTHUNZI: Kwedini, awudinwa kukuncanca kunyoko? Yintoni soloko nikunye ngokungathi niceba ukundibulala?

NOLUNTU: Siza kuceba ukubulala wena, xa besikukhathalele ngantoni?

AWETHU: Tata, ndimngqibele kudala umama. Naxa ndisithi khandiboleke imoto ndikhe nditsibe kubahlobo bam uzakuphinda uthethe.

MTHUNZI: Umntu uqale afumane ilayisensi yokuqhuba phambi kokuba angene emva kwevili. Ukukwazi ukuqhuba nje ayomvume. Uthi ngubani oza kulungisa imoto yam wakube uyityobozile? Uza kuqhuba nge-Freedom Charter? *People shall drive?*

NOLUNTU: Kutheni ingathi awuhlelanga nje?

MTHUNZI: Ewe, ndiza kutsiba phaya kulakhohlel' esingeni wakwaGqadushe.

NOLUNTU: Uqale nini ngoku ukuhamba emaxhweleni? Liyephi ixhwele lakomkhulu?

MTHUNZI: Ngaphaya kwexhwele kuqala kubekho umntu. Uqale nini ukungayazi ukuba uBukhalibentonga akaphilanga? Akasasebenzi. Ndisamphumzile.

NOLUNTU: Mandikubone ke apha egumbini phambi kokuba uphinde uhambe.

KUVAKALE IZINGQI EZIHAMBAYO.

MTHUNZI: (Esenyusa ilizwi) Awethu, khawube ukhupha la bokisi iphaya ebhuthini kwiBenz. Ivuliwe.

ZIPHELE IZINGQI.

NOLUNTU: (Ethethela phantsi) Nanku u-Awethu endothusu ngokundibuza ngetyala. Ude wathini ngale nto bendithe yenze?

MTHUNZI: (Ethethela phantsi) Uthi uyive ngabani loo nto?

NOLUNTU: Akubalulekanga ukuba uyive ngabani na, okubalulekileyo kokokuba wenze ntoni wena ngale nto. Ude wadibana noZodwa?

MTHUNZI: Xa ndiza kumbona phi?

NOLUNTU: (Ebila ngumsindo) Niqhele ukubonana phi?

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

NGASEBUHLANTI

IMBONGI: Ndiboleken' iinduku zibe lishumi,

Ndixhas' isizwe sizingis' ukuqonda.

Gxothan' umshologu limk' ishwangusha komkhulu.

Mbolekeni iqhiya agqum' ubuchoph' unyana wenyok' emnyama.

Vulani iintliziyo nizikis' ukucinga nokucwangcisa.

Liya kulonin' ilanga ntokabawo,

Buyemka ukukhanya kuba kuvulela amagqwirha athakathe.

Ngen' edyokhweni rhamba likaNkayi,

Nyok' ende eyabonwa ngabathakathi phezu kweXesi.

Yithi chu, yithi ngcembe, kwedinini yakuloNqilo.

Hlafun' amathamb' entloko,

Undiyeke mna ndithi ndeghram, ndeghrum.

Ndiyayigongotha.

MTHUNZI: Bawokazi, le nkwenkwe kaQhinebe mayingafeli apha. Kufuneka ubize uQhinebe azokuthathainja yakhe.

JONGINGQIQO: Sendifumene umhingi-mhingi lokuba uQhinebe uceba uyokumangala emapoliseni. Ubunyani baloo nto andibazi.

MTHUNZI: Amapolisa angena phi kwinto yakomkhulu? Kanti ndiyikumkani yokuthini? Andingonopopi.

JONGINGQIQO: Bawokazi, ayindiphethanga kakuhle le nto ingathi ngoku ibuqhelwa. Umntu athi akona, xa esohlwaywa abalekele emapoliseni. Bathi bakoniwa abahlali balazi ikomkhulu.

MTHUNZI: Bawokazi, uphantse awayibona loo nto. Okwam ukubona ukhona umoya ongalunganga kwalapha phakathi kwethu. Imini inye ke ndiwavumbulule la mabululu aphakathi kwethu. Andinakuyivumela into yokuba sikhale neenyoka. Into inye ke mna endiyaziyo yeyokuba inyoka ibethwa entloko. Xa udibene noQhinebe, waze yena wathetha ngokuya emapoliseni, uzumxelele ukuba angabi sabuyela apha. Makafune isiza phaya epolis steyshini.

JONGINGQIQO: Ndiyikholelwa ndingayikholelwa into yokuba angayenza into enjalo uQhinebe. Yindoda ewaziyo umthetho wasekuhlaleni. Ndiyacinga ukuba ubonile phaya kuMawawa.

KUKHALE UMAKHALEMKHUKHWINI.

MTHUNZI: Kancinci nje, bawokazi. (Awuphendule) NguMthunzi ngapha. Molweni ke.

SAJINI: (Emnxebeni) Ngukumkani lowo?

MTHUNZI: Luqobelo lwakhe.

SAJINI: Kumkani, nguSajini Bopha ngapha. Mntwan' omhle, besikushiyele umyalezo wokuba ufike apha kuthi esikhululweni, asazi nokuba uwufumene na lo myalezo?

MTHUNZI: Ndiwufumene, sajini. Okwangoku ndisabambekile. Phofu, akukho nto itshisa ibunzi?

SAJINI: Kumkani wam, ewe ikhona nje into engacacanga. Sifuna ingcaciso apho kuwe.

MTHUNZI: Ndandigqibele amapolisa esiza komkhulu xa kukho into ayifunayo, kuba ikomkhulu yindawo exakekileyo.

SAJINI: Mhlekezi, singaphinda size nini apho. Masenze idinga.

MTHUNZI: Ndikhona ngale mvakwedinala. Nangomso ndingaphinde ndifumaneke emva kwedinala, kuba kukho indawo endivukela kuyo kusasa.

SAJINI: Masifike ngale mvakwedinala. Injani intsimbi yesithathu?

MTHUNZI: Umcimbi ungantoni kanene?

SAJINI: Ngulo kaMawawa. Uvule isimangalo ngokutshiselwa umzi?

MTHUNZI: Uthi manithini ke nina?

SAJINI: Masibonisane sakufika apho ngentsimbi yesithathu.

MTHUNZI: Kuhle ke.

UQHAWUKE UMNXEBA.

JONGINGQIQO: Uthi nantsi intoni usajini?

MTHUNZI: Usathetha ngale kaMawawa. Kude kwavakala ukuba uphi uMawawa?

JONGINGQIQO: Waziwa ngubani? Kodwa kuyacaca ukuba wabaleka nenkosikazi yakhe phambi kokuba bafike abafana phaya. Le ntombi kaMaqhekezengqele ithi yababona behamba bobabini phaya eDikeni.

MTHUNZI: La mapolisa acinga ukuba angena phi?

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

EDOLOPHINI

KUVAKALA INGXOLO YABANTU, NEEMOTO EZENYUKA ZISIHILA.

NOZAMILE: (Ezithethela) Ngubani na lo? Ingathi nguNosango nje? (Enyusa ilizwi) Weee Nosango!

NOSANGO: (Ethetha yedwa) Ngubani na lo undikhwazayo? (Enyusa ilizwi) Tyhini, nguwe kanti lo Nozamile?

NOZAMILE: He ntombi, nide nabe nithini ke? Yhoo yambi into.

NOSANGO: Mfazindini, utsho wena kuba ungayibonanga. Saphantse safela emanyaleni.

NOZAMILE: Awenyoka wona. Khawutsho, nasinda njani na? Ndandisithi nitshele phaya.

NOSANGO: Awu, Nozamile, akakubaliselanga na ubhut' Sdumbu? Andazi ukuba wayengekho ngesathini na.

NOZAMILE: Uthi kutheni na? Ndiba akazi kwanto nje uSdumbusesele. Bendincokola ngani izolo oku kodwa akakhange abonakalise ukuba kukho into ayaziyo.

NOSANGO: Makube uyakwazi ukufihla ubhut' Sdumbu. Kaloku ngala mini sathi sakubona umkhosi usiza sabalekela entlanjeni. Mna ndabona ngobhut' Sdumbu efika ezinzulwini zobusuku kuthi. Ukuba wayesazi njani apho sikhoyo nam andazi. Kodwa ke wasiphathela izinto zokulala, nento esiwa phantsi kwempumlo.

NOZAMILE: USdumbu lo wam?

NOSANGO: Andikugxeki kuba wathi nawe akuyazi ukuba usiphathele izinto zokulala. Ngoko ke wayengafuni mntu waziyo. Kodwa ke ngoku ebemele ukuba ukuxelele kuba sidlule engozini.

NOZAMILE: Nosango, uyazi ukuba uSdumbu angaze ambulale umntu angaziwa. Khona ke sekuthiwa uyafihla, ade afihlele nam lo inkosikazi yakhe?

NOSANGO: Ndixakiwe kuba kungoku nje bekumele ukuba sele ekuxelele.

NOZAMILE: Nisancathame phi ngoku?

NOSANGO: Nozamile, akukuhle mfazindini. Sisahleli ngentsul' enye apha kwaNtselamanzi.

NOZAMILE: Yinyaniso le yokuba nide naya kummangalela ukumkani?

NOSANGO: Kunjalo. Kwathi kwakusa saya emapoliseni phaya eXesi, savul' ityala. Amapolisa ke aza kubona ukuba avalele bani na.

NOZAMILE: Uthi bangade bavalele ikumkani?

NOSANGO: Ngokuba yona itye ntoni le iza kubangela ukuba ingavaleleki xa kufuneka ivalelwe?

NOZAMILE: Wena, ntombazanandini, wawukhe wayibona phi ikumkani ivalelwa?

NOSANGO: Ukuba ayivalelwa makuvalelwe abantu abatshise umzi wethu. Ingathi kodwa izinto zijikile ngoku. Ukuba ubusazi, noQhinebe sidibene naye phaya emapoliseni namhlanje.

NOZAMILE: Uthi nants' intoni yena uQhinebe?

NOSANGO: Uyise kaNgqukuva ndimshiye phaya ebharini. Ebesakrwitsha intshontsho noQhinebe. Sibuya sonke phaya eXesi. UQhinebe uthi ufuna unyana wakhe.

NOZAMILE: Kanti akadliwanga inkomo na uQhinebe ngonyana wakhe?

NOSANGO: Kanti uhlala phi na wena? Kuthiwa bamonzakalisile unyana kaQhinebe.

NOZAMILE: Ngebethweni abantwana ekucaca ukuba masingalali ngenxa yabo? Bamoshile abantwana. Bebeza kuthini ukungohlwaywa?

NOSANGO: Kodwa ingathi uhlobo abohlwaywe ngalo leli loo gqirha nezicaka. Uyibalise yambi into uQhinebe.

NOZAMILE: Ngumsebenzi kaVenene ke lowo.

NOSANGO: Ebethunywe ngubani uVenene lowo?

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 9.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

EMAPOLISENI

KUVAKALA IMINYANGO EMANA IVULWA IVALWE. NONOMATHOTHOLO
WASESIPOLISENI UVAKALA MFILIBA PHAYA EMVA.

SAJINI: Ndibulela kakhulu ngokuzihlupha kwakho, uthi mawujikele kweli cala xa ufumana ithuba Ndiyivile ingcaciso yakho ngokwenzekileyo. Into endihluphayo yeyokuba kuza kunyanzeleka ukuba ushiyeke, kumkani.

MTHUNZI: (Buthandabuza) Ndishiyeke? Ndishiyeke njani, sajini?

SAJINI: Le nto inje, mntanegazi, sekuvulwe amatyala amabini ngawe. Asifuni kuvulwe elesithathu. Kuyanyanzeleka ke ngokomthetho ndikusindise kwisiqu sakho.

MTHUNZI: (Ethetha-bucinga) Undisindise kwisiqu sam? Andikakuva, sajini.

SAJINI: Ingxaki apho ikhoyo, kumkani, isekubeni kukho elesibini ityala elivuliweyo. Kwimeko enje asivumeleki ukuba simtyityimbisele umnwe umntu onjalo. Kube nzima kakhulu ke kwizityholo ezinobundlobongela.

MTHUNZI: Yithi uyadlala, sajini.

SAJINI: Kumkani, ndidlale nekumkani?

MTHUNZI: Yinto owakhe wayiva phi into yokuvalela ikumkani? Sajini, ndiyikumkani yaMathunzi.

SAJINI: Ndikwazi ngqo, kumkani.

MTHUNZI: Malibelinye ke. Ukuba ufuna ndiye kunika ubungqina enkundleni, yitsho umhla nendawo. Ndakuba lapho.

SAJINI: Uyashiyeka, kumkani.

KUVAKALA IZINGQI EZIZA NGANENO.

AWETHU: Tata, ndiyabuya ngoku. Ndithi mandikuxelele. Ungothuki xa ubona imoto ingekho apha phandle.

SAJINI: Ungamshiya, mfana, uyashiyeka.

MTHUNZI: Awethu, mamela apha. Khawufowunele uJuluka. Yitsho afike apha, kukho into engaqondakaliyo.

SAJINI: UJuluka, igqwetha lakho? Ungathethi naye ngokwakho nje? Andikholwa ukuba naleyo inganceda, kuba le dokethi kufuneka iye ebacuphini, bayiphande. Abecuphi ke bakubakho kusasa, ithethe ke into yokuba uzakulala apha kuthi.

AWETHU: Kukho into engaqondakaliyo?

SAJINI: Ndiyamvalela utat' akho, mfana.

AWETHU: Wenze ntoni?

MTHUNZI: Sapha loo fowuni, kwedini.

KUCOFWE UNOMYAYI AKHALE YEDWA KWELINYE ICALA.

Akukho mpendulo.

SAJINI: Kumkani, ungaphinda umzame.

MTHUNZI: Uza kubuyela kum uJuluka nje ukubona ukuba bendifowunile.

SAJINI: Ifowuni ayingeni ke eziseleni, kumkani.

AWETHU: Sisisele esitheni na esi uthetha ngaso?

MTHUNZI: Mandiphinde ndimzame.

UMCULO ONESINGQALA.

NGAPHAKATHI:

EBUSUKU:

EMAPOLISENI:

KUVAKALA IZINGQI EZINYUKA, ZINQUMAME, ZIPHINDE ZIQHUBEKE.

JONGINGQIQO: (Emsindweni) Kwedini sajini, ndithi ngumhlola wantoni lo uwenzayo? Sisidima sikabani esi usithobayo? Yhiza nekumkani, mkhuphe phaya eziseleni.

SAJINI: Bobawo, umntu otyholwayo apha ugcinwa esitokisini. Andinaleli ukuba ningamboni. Ningambona. Kodwa akazi kuphuma apha de abe ukhutshwa ngokusemthethweni. Ndimnikile ithuba lokuba axhumane negqwetha lakhe. Alifumaneki efowunini. Unyana wekumkani ebesaye kulikhangela ngokwakhe. Ndiba siyavana.

JONGINGQIQO: Uqala njani ukumvalela?

SAJINI: Bawo ndiba benditshilo ukuba ndenza umsebenzi wam. Owam kukuvalela, abecuphi baphande, abetshutshisi batshutshise, umantyi agwebe. Ndiba ilapho le nto.

JONGINGQIQO: Khawuze naye simbone.

IZINGQI EZIBHEKELA PHAYA.

SAKHONO: Ngumhlola lo, bawokazi. Ikumkani ibanjwe? Uthi eli lizwe liya phi na?

JONGINGQIQO: Ezinjeni.

SAKHONO: Yile demokrasi kuthethwa ngayo le? Ukuvalela ikumkani yonke?

JONGINGQIQO: Yiyo uqobo lwayo.

KUVAKALE IZINGQI ZOMNTU OZA NGANENO.

Nyana. Heke nawe mhlekazi.

AWETHU: Ndithe mandibaleke ndiyekumkhangela ngokwam ubhut' Juluka. Ifowuni yakhe ibikhala yodwa.

JULUKA: Ilishwa liyakwazi kowalo, bawo. Kodwa ke sekulungile. Bambeke ngaphi ukumkani?

SAKHONO: Basaye kumthatha eziseleni.

JULUKA: Bade bamvalele?

JONGINGQIQO: Yile sigqiba ukuyibuza nathi. Akanantloni la mapolisa. Ayingomthetho le nto bayenzayo.

IZINGQI EZIZA NGANENO.

SAJINI: Hlalela kweli cala, kumkani.

JULUKA: Sajini, sendikho. Ndicela ukuba undiphe igumbi apho ndingabonana naye bucala.

SAJINI: Mhlekazi uJuluka, ningangena kwelaa gumbi lesibini. Akukho mntu phaya.

KUVAKALE IZINGQI EZIBHEKA PHAYA. CWAKA.

SAJINI: Ningabe nichopha apho bawo.

JONGINGQIQO: Ukhanywa ngaphi umnxeba apha kwedini sajini?

SAJINI: Yihla ngale paseji, bawo, ungene kumnyango wesine ekunene.

SAKHONO: Hhe, sajini, makhe sithethe. Ingaba isemthethweni le nto niyenzayo? Ayizukufaka enkathazweni le nto uyenzayo? Ndibhidekile. Ndingaka ngoku, ndiyazibula ukubona ikumkani ivalelwa eziseleni.

SAJINI: Bawo, ayindim ndenzi, ngumthetho. Ndenza umthetho ekumele ukuba ndiyawenza. Ukuba ke kukho enye into iyakubonakala ngoko. Silawulwa yile mithetho yedemokrasi.

SAKHONO: Xa nithetha ngedemokrasi nithetha ngale nto? Nithi yidemokrasi ukungahloniphi isithunzi sobukumkani? Mfo wam, ikumkani ayibekwa, ayiyo inkabi yenkomo. Ikumkani izalwa iyikumkani.

AWETHU: Tat' omkhulu, mandilinde phaya emotweni, ndisafuna ukuthetha nomama.

SAKHONO: Hamba nyana Kanti sajini ezi nkundla zethu ziphaya komkhulu zezantoni? Lithini ilungelo lazo? Zingagwebi abantu besona? Ukuba nithi yidemokrasi le, mayindiphose mna. Andiyinqweneli.

SAJINI: Bawo, ingathi lo umbuzo uwubuza kumntu orongo. Ngamalungu epalamente enza imithetho.

IZINGQI EZIZA NGANENO.

JONGINGQIQO: Kumaxa nisithini, sajini?

SAJINI: Masilinde bagqibe ukubhunga. Ukuphuma kwabo phaya lakube lisazi ukuba malithini na igqwetha lakhe.

JONGINGQIQO: Sajini, mandikuxelele mfo wam, niyazenza izinto ezineziqu. Yeyokugqibela le. Ukuba akuwutyanga kwakuba kubini.

KUVULEKE UCANGO.

JULUKA: (Ethethela mgama) Sajini, ndicela ukubona kancinci.

KUVAKALE IZINGQI EZIBHEKA PHAYA. KUVALWE UCANGO.

JONGINGQIQO: (Ethethela phantsi) Sakhono, icebo endinalo linye. Ukuba uyaphuma apha ukumkani, masivuke kusasa simse phaya kuNjajula.

SAKHONO: (Ethethela phantsi) Lilo elo, bawokazi, ayikho into enje. Ukuba bekungelilo elixesha ngendisithi masingene endleleni eya kwaNjajula ngoku. Uyafuna ukugajiswa ukumkani. Ayiyodwanga le nto. Isenzile into yokungaphili kwexhwele lakomkhulu. UBukhalibentonga ebeza kuyithi qhwi le nto.

JONGINGQIQO: Kutheni ngoku ingathi ikomkhulu liza kuba lula olu hlobo? IbinguNoluntu izolo eziseleni, namhlanje ngumyeni wakhe. Asinakuyiyeka ngolu hlobo lento. Masiyithathele inyawo.

SAKHONO: Uwagqibile bawokazi. Sivukela khona kusasa Naba besiza.

KUVAKALE IZINGQI EZIZA NGANENO.

JULUKA: Bobawo, sivene nosajini. Singagoduka naye ukumkani. Uyakubuyela apha ekuseni, abonisane nabecuphi.

SAJINI: Kumkani, sowufumana ibhanti yakho nemitya yezihlangu zakho.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENDLWINI:

KUVAKALA ISITOVU SEPALAFINI ESIVUTHA ENTLA.

NGOMA: Sdumbu, kutheni ingathi nje ikomkhulu lethu izakuba likomkhulu loo hosh?

SDUMBU: Yintoni leyo?

NGOMA: Uqale nini na ukungabazi oohosh? Amabhantinti.

SDUMBU: Ngoma, sewuyazi naleyo? Uziva ngabani zonke ezi zinto?

NGOMA: Andizelwanga izolo, Sdumbu.

SDUMBU: Into eyenzeke izolo kusa sowuyazi?

NGOMA: Bangaphi abanye abantu asele beyazi ngoku?

SDUMBU: Wena ungowokulunyukelwa, awuphambenanga koko uyazenzisa.

NGOMA: Xa wena unengqondo umntu ophambanayo ufana nam?

NOZAMILE: Khawuphume wena.

NGOMA: Nozamile, uvuke uphupha ngam?

NOZAMILE: Ngoma, yintoni le nto yokuvukela emizini yabantu ekuseni? Asikahlambi nentongo, sowulapha. Lulwimi olutheni olu lukutshisa kangaka?

NGOMA: Nozamile, ndinolwimi kuwe? Yitsho ukuba ufuna ndingezi kuSdumbusesele.

NOZAMILE: Ndicela usikhwelele ke ngoku kuba ndifuna ukuthetha izinto zomzi wam.

NGOMA: Sdumbu, uthule kodwa uyeva. Andisobe ndiphinde ndilibeke elam apha. Nokuba kungatsha ningaze nindibize.

SDUMBU: Khawusikhwelele kaloku, Ngoma, xa esitsho uNozamile. Kaloku inokuba ufuna ukuhlinza impuku nam.

NGOMA: Mandinishiye ke nibe nihlinza loo mpuku yenu. Kodwa nazi ukuba ndigqibelisile mna ukuza apha.

KUVALEKE UCANGO.

NOZAMILE: Sdumbu, akukho nto olibele ukundixelela yona?

SDUMBU: Enjengantoni?

NOZAMILE: Akukho nto oyaziyo ebekumele ukuba undixelela yona?

SDUMBU: Khandikhumbuze kaloku, nkosikazi.

NOZAMILE: Uyayiqonda kodwa into yokuba usezakukhe usifake kwenkulu inkathazo, singazi?

SDUMBU: Sukugwegweleza, nkosikazi, ndikhumbuze.

NOZAMILE: Wazi ntoni ngokubaleka kukaMawawa? Ucinga ukuba kungenzeka ntoni xa loo ngxelo ingafikelela ezindlebeni zekumkani?

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 10.

NGAPHANDLE:

EMINI:

ECALENI KOBUHLANTI

KUVAKALA INGXOLO YEMFUYO ETSHO MGAMA.

SAKHONO: Bawokazi, masizame ukuyibonisa ikumkani. Ngoku ufana nengonyama engxwelerhekileyo. Ngokubona kwam, uza kuthi maxhalanga ndidleni. Ukuba ndibona kakuhle, ngemyeka uQhinebe. Kuba ukuba ukhe wamchaphazela kuza kuphinda kudibanise namarhulumente. Kwale ndawo sime kuyo, uyabazi abantu balapha, abafuni nokuva ngoQhinebe.

JONGINGQIQO: Ukulo kabawo. Ubona kanye le nto ndiyibonayo. Makathobe umoya, ukumkani.

SAKHONO: Makahle nakweli cuba lakhe.

JONGINGQIQO: Masimyeke ngaleyo okwangoku. Masiqale ngale kaQhinebe.

SAKHONO: Ilula ekaQhinebe. Masimkhuphe ezintweni zesizwe. Makatye neenkomo.

JONGINGQIQO: Sakube simgqibile.

MTHUNZI: (Esiza nganeno) Nindihleba nithini, Mathunzi?

SAKHONO: Xa singahlebi wena sakuhleba bani, bawokazi?

JONGINGQIQO: Chopha, bawokazi.

MTHUNZI: Ndithe andisazi na isitulo sam, bawokazi? Yhini nizoja ngelanga nje? Jikani izitulo zijonge apha ebuhlanti, nikwazi ukunikela ilanga umva.

SAKHONO: Ingathi uvuke kakuhle namhlanje, bawokazi.

MTHUNZI: Sakuba sathini na, bawokazi, asilolizwe lankenekene eli. Izinto ezilila zingabethwanga azilungi apha. Kufuneka sivuke sithi kuboo!

SAKHONO: Kona kunjalo, mntwan' enkosi. Masibambe ngofele.

JONGINGQIQO: USomakhonkco usatsibe kwagqirha, ingathi impethe le nto impetheyo.

MTHUNZI: Ndikhe ndadlula phaya kuye izolo. Andimthandanga. Yiloo nto ke ebangele ukuba ndithumele uBhut' aseBhayi ukuba amse kwagqirha.

SAKHONO: O, usiwe nguBhut' aseBhayi? Ayichazanga ke le ntwazana sifike iphaya. Nathi besisithi masidlule sikhe simjonge ukuba imeko yakhe injani na.

MTHUNZI: Besingena dinga namhlanje?

SAKHONO: Sizizinja zakho. Izinja zakomkhulu ke kufuneka zisoloko zibonakala, zingalindi ukubizwa. Kuba orhunta bangangena nanini na.

JONGINGQIQO: Masingayigwegwelezi le nto, mntakwethu. Sithi masibonisane. Sikubonile ukuba le nto kaQhinebe ikuxhelile. Elethu leli ke, Mthunzi, myeke olwahlobo uQhinebe. Sukuthabatha manyathelo ngaye. Okwethu kukuba sithabathe isigqibo sokuba simtyise neenkomo.

SAKHONO: Mntwanegazi, yile nto besiyihleba le ngoku ubuphuma phaya endlwini. Siyijonge nkalo zonke. Nawe uyayazi indlela axatyiswe ngayo uQhinebe. Ukuba kungakho intshukumo esizithathayo ngakuye, kungabangela ingxokolo esizweni.

MTHUNZI: Nike nindothuse ngezinye imini bantakwethu. Le nto eniyithethayo ayithi niyamoyika uQhinebe? Uqatywe ntoni yena eza kuyekwa atatsalaze kungabikho mvukela?

JONGINGQIQO: Hayi, bawokazi, asimoyiki uQhinebe, koko sithi ungakhawulezi uthabathe amanyathelo ngakuye. Makhe simlinde aphole, mhlawumbi uza kubuyela ezingqondweni. Okwangoku kuse kutsha, bawokazi.

MTHUNZI: Akukho mntu uza kukwenza unothanda apha, ndibukele. Umntu ongafuni ukuphathwa makaye kwantliziyo-ndise.

SAKHONO: Bawokazi, okwethu kukecebisa ukuba singangxami. Kungenzeka kuthi kanti le nto ayihambi yodwa. Makhe siyijonge ukuba iya kweliphi na icala.

MTHUNZI: Mandibe ndimqala ngodade wabo, makaphume aphele phaya eTyhalarha. Ngumhlaba kabawo lowa.

JONGINGQIQO: Bawokazi, masingamngxameli uQhinebe, sakumbhuda. Sicela usimamele nokuba kukanye nje. Masiqale ngokumdlisa neenkomo. Kwintlanganiso ezayo ndiza kuwaxelela amadoda ukuba sigqibe njalo. Makaphume aphele kwizinto zesizwe saMathunzi.

MTHUNZI: Kuhle xa nibona ukuba makadle neenkomo. Kodwa ke ndithi nodade wabo makaphume aphele phaya eTyhalarha. Wawukhe wawubona phi umzi wenkazana?

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

EBALENI KOMKHULU

KUVAKALA INGXOLO YABANTU ABASONDELE EZIMBIZENI.

NOLUNTU: (Ngase ziko) Nozamile, khawubize ababafazana balele ngezisu phaya. Bathi kuphi apha?

NOZAMILE: Abanantloni kaloku abantwana abakhoyo, basibukele sisitsha kwezi mbiza.

NOLUNTU: Biza utitshalakazi lowaa, akubhalwa bhodini apha, makazamise ezaa mbiza zinenyama. Bazakude bagqibe otata ebuhlanti. Masophuleni kunye.

NOZAMILE: (Ekhwaza) Mfazana. (Ethethela phantsi) Ngubani kanene igama lomzi wakhe?

NOLUNTU: (Ethethela phantsi) NguNosithembele.

NOZAMILE: (Ekhwaza) Nosithembele, yiza apha mfazana.

SAKHONO: Kumkanikazi, senilungisile? Ndifuna ukufaka laa mandwendwe apha endlini. Bangxamile, kuba basaleqa eMonti.

NOLUNTU: Ewe, bhut' Sakhono, sesilungisile apha endlini. Bangangena ukuba bagqibile.

SAKHONO: Mamela ke, ithi ikumkani uzunike umqhubi lo kamphathiswa ibhotile, kula wiski ekwezabhotile ziluhlaza. Sakulinda umphathiswa angene endlini, emva koko ke uthumele umntu ayonika umqhubi. Sendimhlebele.

EBUHLANTI.

JONGINGQIQO: Mphathiswa obekekileyo, utsho kwavokotheka. Amazwi ayabulelwa. Siya bulela ukuba umongameli welizwe lethu athumele wena, ukuba uzokuva ukuba konakele phi na komkhulu. Loo nto isinika ithemba. Urhulumente wethu uyakhathala ngabantu bakhe Egameni lesizwe saMathunzi, sithi uzuthi wakufika ePitoli, uthi kumongameli siya bulisa Masikukhulule ke ukhe ungene phaya endlini, ufumane isixhaso somphefumlo. Ubusotshilo ke ukuba inqwelontaka yakho iyanduluka eMonti ngentsimbi yesithandathu.

SAKHONO: Bakhokele, bawokazi, bangene endlwini. (Enyusa ilizwi) Siyacela ke mawethu, singaquqi phaya endlini. Zindwendwe zethu kuphela eziza kuhlala phaya. Nantsi eyethu inyama isijamele. Izinto zokuthoba ke sakuzithunyelelwa sihleli apha. Ndiyacela ke sibambe umthetho. Ingazi ntloni into yokuba umphathiswa afike athethe ngathi kakubi xa enika ingxelo kumongameli Besaphuma njalo ke, masizilungise ukuhlala. Indoda nganye iyazazi apho ihlala khona. Nayeka kanene ukubulela? (Ethethela phantsi) Masivale amehlo Bawo somandla, ngweletshetshe yezulu engatshonelwa langa, siza kuwe, bawo, sicela ukuba usikelele la maqatha ngelogama lamagama. Makuded' ubumnyama kuvele ukukhanya. Amen. (Ekhwaza) Singagoba.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

EBUSUKU:

ENDLWINI

UNOMATHOTHOLO UVAKALELA EZANTSI.

NOLUNTU: Ungalibali ke, kumkani, ukuba usaya kwaNjajula.

MTHUNZI: Andizokuya kobo bubhanxa mna.

NOLUNTU: Iqale nini ngoku ukuba bububhanxa into yokuya kwaNjajula?

MTHUNZI: Ndidiniwe mna ngamaxoki.

NOLUNTU: Uqale nini uNjajula ukuba lixoki? Kanti uyaya.

MTHUNZI: Ngubani oza kundisa ngenkani?

NOLUNTU: Linda nje wena uza kubona kungekudala.

AWETHU: Mama, yintoni, niyandingxolela

NOLUNTU: Awethu, utatakho usixakile. Ebevumile ukuba uzakuya kumntu onyangayo akhe amqinise. Ngoku uyajibilika. Andiyazi ukuba yintoni embangela loo nto. Mhlawumbi uyazazi ukuba uyathakatha. Ngoku wonqena ukuba avuthululwe ngemvubu ligqirha.

AWETHU: Kanti utat' omkhulu uBukhalibentonga wayaphi?

NOLUNTU: Kunzima kuye, sana lwam. Impilo iyala kuye, nengugo imphethe.

MTHUNZI: Awethu, buyela egumbini lakho, myeke lo ashwaqe.

NOLUNTU: Ndingu lo ngoku kuwe, ndinemehlo elinye?

AWETHU: Kanti yintoni ebangela ukuba utata angafuni ukuya. Phofu ke xa engafuni akanakunyanzelwa mntu.

NOLUNTU: Uza kunyanzelwa ndim. Andizi kuva ngaye apha.

KUNKQONKQOZWE EMNYANGO. KUVULWE.

Ngena Jongingqiqo. Heke, ubafumene phi aba bafana?

MTHUNZI: Bawokazi, konakele phi, wangena nomkhosi kwam?

NOLUNTU: Mthatheni nimfake phaya kwiBenz.

MTHUNZI: (Exhathisa) Noluntu, mntakwethu, kwenzeka ntoni?

NOLUNTU: Nimele ntoni. Mthatheni.

MTHUNZI: Hayini makwedini, ndiyekeni. Ndiyekeni.

AWETHU: Mama kwenzeka ntoni?

NOLUNTU: Wayibuza ibhasi ibhaliwe?

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

ENDLELENI

KUVAKALE IKILIVA EHAMBAYO. IME.

NGOMA: (Ekhwaza) Ntombazana, khandiphe amanzi apho Molo apho MamTolo. Ikhona loo nkebenkebe yakho apho endlini? Iyephi? Ooo. (Ethethela phantsi) Heke ntombi yam, sapha ndisele. Lindigqibile eli langa. (Esela) Heke, kwatsho kwangcono. Hamba uyobeka imagi ke, ubuye uzomamela iindaba. (Enyusa ilizwi) MamTolo, sondelani lixesha leendaba ngoku. (Alungise umqala) Niyamenywa nonke liziko losasazo laseMavumezini ukuba nisondele, niphulaphule indaba zentsimbi yeshumi elinanye, nizifundelwa nguNgoma kaNgoma. Kurhanelwa ukuba kukho unyawo lwemfene ekubhubheni kosomashishini awaziwayo eRhawutini ngale ntseni. UGavin Watson, oyinzalelwane yaseBhayi uhlanze iselwa xa isithuthi ebebamba ngaso sithe sangqubeka kwintsika zesamente ezibambe ibhulorho. Lo kaWatson ebandakanyeka kakhulu kumagumgedle okuhlisa imali yombuso ngemilenze Ekhaya apha ayini iyadyadyaza kwikomkhulu laMathunzi. Akudala ikumkani ibuyile ekundyondyeni eziseleni,

ngoku kuqhambuka elinye ibholo. Ngenjikalanga yayizolo kuthe xa kufika amagosa aphezulu eburhulumenteni afika kunuka umthunzi weenkuku komkhulu. Abantu babik' imbiba babik' ibuzi ngokuthe kwehla. Kukho abathi ikumkani ibiqhumisa kukho abathi ibiziqhumisela. Kodwa ke kungaqhuma kubasiwe.

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 11.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ESIBHEDLELA

MTHUNZI: Somakhonkco, uthi mawuzozifihla apha?

SOMAKHONKCO: (Esaqhanekile) Tyhini, nini kanti aba kumkani?

JONGINGQIQO: Molo, Somakhonkco, mfondini. Sithe makhe sijikele apha kuwe nekumkani.

MTHUNZI: Besisithi siza izolo nto nje sabhidwa yinja ukungavuthwa.

JONGINGQIQO: Khawususe le nto uzigqume ngayo, sikubone.

MTHUNZI: Jongingqiqo, ingathi ngowujonga itikiti lakho ungajongi elomnye. Zizinto zoogqirha ezi, masiziyeke zinjalo.

JONGINGQIQO: Andiyithandi le nto yokumbona eliqathalala uSomakhonkco. Kaloku ayikho enye into apha esibhedlele ngaphandle kokulala. Iyagulisa ke nale nto yokulala imini nobusuku bayo.

MTHUNZI: Somakhonkco, ndingayibeka phi le plastiki?

SOMAKHONKCO: Faka apha kule lokha yam.

MTHUNZI: Sithe masikuphathele iziqhamo. Ubawokazi ke undikhumbuzile ngokuthanda kwakho intlanzi, ndathi mandize nayo. Sikhona ke nesiselo esikuphathele sona, kodwa ke sesi sihlwahlwazayo. Asinakuphathela inip ulele ngandletyananye.

JONGINGQIQO: Uthetha ntoni na, bawokazi, lo unxanwe elele kule bhedi.

MTHUNZI: Kunzima ke Somakhonkco nokubuza umntu impilo, ebonakala. Kunzima ukubuza impilo kumntu olapha. Isibhedlele netrongo zizinto ezimbini ekufuneka umntu ezibalekile ukuba uyakwazi. Kodwa angebi ndiyona xa ndibuza ukuba ingaba ukhona na umahluko.

SOMAKHONKCO: Kumkani, umahluko mkhulu. Amandla ayabuya. Neliphika lisandiphe isiqabu. Kodwa imilenze yona isengathi ihlatywa ziinaliti ndakunyathela. Nale ngqele ibisihla phakathi kwamagxa isandiphe isiqabu. Xa banokuchana ezinyawo abagqirha bakube bayichanile.

MTHUNZI: Masithembe ukuba bazakuyichana kungekudala.

SOMAKHONKCO: (Ethethela phantsi) Ngabantwana abancinci ke naba gqirha. Khona lo wam, ulingana nale ntombi yam yesine. Ubufundele nini ubugqirha umntwana ongaka?

MTHUNZI: Sukuwudela umqulu iimitha ungazibalanga. Abantwana abakhoyo bafunda besesibelekweni. Kodwa ke into eyakunceda ngoku kuba uthobeke imiqathango yakhe, yena uyayazi into ayenzayo.

SOMAKHONKCO: Akukho nto intsha ekuhlaleni?

JONGINGQIQO: Bawokazi, iswekile indiphethe ngoku, makhe ndikhangele indawo yokukhama umnxeba.

SOMAKHONKCO: Jongingqiqo, phuma ngapha, uhle ngepaseji leyo. Iyakuba ligumbi lesihlanu ekunene. Uzakulibona libhaliwe.

KUVAKALE IZINGQI EZIBHEKA PHAYA.

MTHUNZI: Akufunekanga uzihluphe ngezinto zekomkhulu ngoku, khawujongane nempilo yakho. Uyakuthi wakuphuma apha sikubalisele. Okwangoku noko imicimbi siyibambile. Zikhona ke nezinye ezikhubekisa imiphefumlo, kodwa ke ayiloxesha lazo ngoku. Jongana nempilo yakho.

SOMAKHONKCO: Kaloku xa umntu elapha kunzima nokubona umntu wangakubo. Nide nathini ngoQhinebe?

MTHUNZI: Somakhonkco, ndithe okwangoku khawujongane nempilo yakho. Awusithembanga na? Yonk' imicimbi isezandleni.

SOMAKHONKCO: Kaloku sithi silele ngandletyananye ibe ingqondo ithatha ibaleka.

MTHUNZI: Okwangoku kusekho apho sileqa khona. Andigqibelisanga ukuza kubona. Sakuphinda silifumane ithuba lokuchuba isikhwebu sesizwe.

KUVAKALE IZINGQI EZIZA NGANENO.

JONGINGQIQO: Kumkani, asizanga kumnyanga uSomakhonkco, size kumbona. Simbonile ke ngoku. Ngesingena endleleni. Uyakuxola Somakhonkco, mfo kabawo, izinto zininzi, imini imfutshane.

MTHUNZI: Besitshilo ukuba asizi kulibala, ntonje bendilinde wena uqabelise umcimbi weswekile yakho.

JONGINGQIQO: Sakuphinda siziphe ithuba sijikele. Sala kakuhle, ndod' enkulu.

KUVAKALE IZINGQI EZIBHEKELA PHAYA.

MTHUNZI: Yintoni ukundingxamisa kangaka nje, bawokazi?

JONGINGQIQO: Uyaphoswa ulibele kukubona izigulana.

MTHUNZI: Ndiphoswa yintoni?

JONGINGQIQO: (Ethethela phantsi) Ndibone uZodwa.

MTHUNZI: Phi?

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

NGASEBUHLANTI

KUVAKALE UKUNDUMZELA KWABANTU.

JONGINGQIQO: Aa, Bhebethimpundulu! Mathunzi, sizwe sakowethu, sithe masinibize. Kuthi ke xa kunyembelekile kufuneke ukuba sidibanise iintloko. Siyazi ukuba besiza kudibana ngoms' omnye, kodwa ke loo nto ngoku ijikile. Siqonde ukuba

umcimbi onje siwutshaye usaqhuma. Ziyawoyika ke umbethe. Hleze uninzi lwenu lube seluvile kungoku okuthethwa ezindabeni. Sithe ke masisesidibanisa laa mcimbi wangoms' omnye nalo wanamhlanje. Ngenedywokhweni Sakhono.

SAKHONO: Bobawo, siyakhumbula sisamkela undwendwe oluphuma ePitoli kule veki iphelileyo. Indwendwe lethu besitshilo ukuba belithunywe ngumongameli welizwe ukuba lize kusibona, emva kokuba ke ukumkani ebehlwe sesasihlo. Ziphumile ke indaba, ukuba ukufika kwakhe ePitoli, uthe akunik' ingxelo wabandakanya into yokuba ufike komkhulu kunuka icuba labaThwa.

ABANTU: Hhhiiii.

SAKHONO: Asazi ke ukuba singamageza kanjani na ukuba singamfaka kwindlu enuka intsangu. Ibitshaywa ngubani? Noko, Mathunzi, sisenyeliso esi kwikomkhulu lethu. Lo mphathiswa ulingcolisile igama lekomkhulu. Ukuba ke isithunzi sekomkhulu asikhuselwa sithi sakukhuselwa ngubani?

JONGINGQIQO: Mathunzi, masiyenze lula le nto. Akakho ummangalelwa phakathi kwethu. Ngoko ke masivule nje amadoda abemabini okanye abemathathu aphefumle. Kuba sisazi into yokuba siyaqala ukudibana nomcimbi onje singaphela sixakeka. Umphathiswa naye ngumntu. Luhlobo lo mntu anguye olu luzakubangela ingxaki. Kuba engumphathiswa. Nditshilo ke ukuba naye umphathiswa ngumntu. Masimohlwaye ngohlobo esohlwaya ngayo abantu abenza oku. Mandidl' amafutha.

SDUMBU: Bobawo, ingathi ngubhulu lo ugqibokuhla apha. Uyidonts' ezantsi, axele umfana kaMkhize. Ilula le nto ayenza nzima uJongingqiqo. Ukungcolisa igama lekomkhulu oko kuhlanjwa ngenkomo. Yintoni enye? Ndimile.

JONGINGQIQO: Eyobubhulu ndakube ndiyibuzise kakuhle emva kwale ntlanganiso, Sdumbu. Le nto inje, bantu kuthi. Sifuna ukukhokelwa nini, singanigqibeli. Xa kuthethwa ngeli komkhulu kuthethwa ngani. Likhaya lenu eli. Ngoku nize kugezelwa kulo ngumfo ozipitse ngeesuti zasePitoli. Masimbonise ke ukuba

kukusa oku. Mandingawenzi made, nokuba ngawetyala. Ingathi uSdumbusesele uyitye yonke. Kodwa ukuba ukhona omnye umntu ongasentla makavele sive uluvo lwakhe.

SAKHONO: Ukuba ebekhona ngesele evelile.

JONGINGQIQO: Nantso ke Mathunzi, umphathiswa simdla inkomo ehamba ngamanqina ngokungcolisa igama lekomkhulu lethu. Sakuwuthumela ke lo mdlwiwo ePitoli. Yiza kungca ongezantsi, Sakhono.

SAKHONO: Mawethu, umcimbi wesibini ngulo kaQhinebe. Ukugqibelana kwethu besithe masiwuhlalutye namhlanje lo mba; sendisitsho ke kuba besiwumisele ungomsonye. Asifunanga ukuba kucace ukuba nakunqaba emizini yenu, niquqa apha. OkaQhinebe umcimbi ucacile. UQhinebe akwenzileyo uzixabanise nekomkhulu. Andizokuyiphinda into ayenzileyo. Kungoku nje wonke ubani uyayazi. Athini ke amadoda. Khanisikhokele. Simthini?

SDUMBU: Xa ke amanye amadoda engathethi, ndakuzityela itheko. Bobawo, ndibubhideka kulo mba kaQhinebe. Ngubani ofake isimangalo? Masiqale apho.

JONGINGQIQO: Likomkhulu elifaka isimangalo.

SDUMBU: Masimbize ke silichophele ityala lakhe.

SAKHONO: Sdumbusesele, uva nebhokhwe?

JONGINGQIQO: Khawumyekele apha kum, bawokazi.

SDUMBU: Ikhona into egwenxa kule nto ndigqiba ukuyithetha?

JONGINGQIQO: Sdumbu, le nto inje, uQhinebe uzixabanisile nekomkhulu. Umcimbi wakhe usezinkundleni. Akanakuwubeka umcondo wakhe apha. Akamkelekanga.

SDUMBU: Ndicela ukulungiswa boobawo. Kanene xa sixoxa ngomntu asithi masifumane amacala omabini? Siza kuxoxa ntoni xa engekho ummangalelwa.

SAKHONO: Uza kungena njani apha exabene nje?

JONGINGQIQO: Kancinci nje ke, Sakhono. Sdumbu, sukuzimfamekisa. Bangaphi abantu esibagweba bengekho xa singakwazi ukuba fumana? Sigqiba ukwenzani ngoku? Asigqibi kugweba umphathiswa engekho? Xa ebengubani uQhinebe?

SDUMBU: Jongingqiqo, masizimamele xa sithetha. Simgweba umntu engekho xa singakwazi ukumfumana. Simgweba umphathiswa engekho kuba asikwazi kumfumana. UQhinebe yena uyafumaneka. Yintoni enzima ukumbiza?

JONGINGQIQO: Ndiphantse ndamgxeka uSakhona xa ebebuza ukuba uva neebhokhwe na. Ndifuna ukubuza ukuba uva nezinja na? Andigqibi ukuxelela ukuba akanakulibeka elakhe apha uQhinebe?

SDUMBU: Silive njani ke elakhe icala? Inxam yengxoxo yethu iyakuba yintoni?

JONGINGQIQO: Bantu bakuthi, uSdumbusesele lo ubeka ingqondo yakhe emthunzini, eyethu uyigqatsa ngelanga. Ukuba siza kumamela kuye sakutshonelwa lilanga.

SDUMBU: Mawethu, kufuneka siyilumkele into yokuba sityiswe intloya. Ukuba siza kuthetha ngoQhinebe makabizwe, abe lapha. Ukuba ke akunjalo, ndicela ukuba mna ndithi chu ibhatyi yam, ndokungqanda iinkomo.

SAKHONO: Sdumbusesele, sukusigrhogrhisa, xa ufuna ukuhamba qubula induku yakho ulahleke.

SDUMBU: Utsho?

SAKHONO: Nditsho.

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 12.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENKUNDLENI:

SAJINI: Phakaman' enkundleni. (Nqumama) Ningahlala phantsi.

MTSHUTSHISI: Nkundla ebekekileyo, ndibiza ityala elingunombolo 0509/2019.

Ummangalela ngukumkani Mthunzi.

SAJINI: Ngena kuloo mkhumbi, mhlekazi.

JULUKA: Nkundla ebekekileyo, ndimele ummangalelwa.

MTSHUTSHISI: Nkundla ebekekileyo, sibonisene negqwetha likammangalelwa. Sonke sikulungele ukuqhubeka neli tyala.

MANTYI: Ungaqhubeka ukuba kunjalo, mtshutshisi.

MTSHUTSHISI: Kumkani Mthunzi, ubekwa izityholo ezine. Esokuqala sesokuba utyholwa ngokutshisa imizi yabantu izihlandlo ezithathu. Ingaba unetyala okanye akunatyala.

MTHUNZI: Andinatyala.

MTSHUTSHISI: Isityholo sesibini sesokuba uthe wenzakalisa abantu abathathu ngokungenalusini. Uthini kwesi isityholo?

MTHUNZI: Andinatyala.

MTSHUTSHISI: Esesithathu sesokuba ube ngumqobo endleleni yomthetho, wafuna ukucima ubungqina obusazi ukuba buza kubophelela. Unetyala okanye awunatyala?

MTHUNZI: Andinatyala.

MTSHUTSHISI: Elesine nelokugqibela lelokuba wena uthe wathimba inkosikazi kaMawawa Ntomntwana ngomhla wesixhenxe ukuya kweyeshumi kuCanzibe. Uthini kulo mba?

MTHUNZI: Andinatyala.

MTSHUTSHISI: Nkundla ebekekileyo, ndicela ukubiza ingqina lombuso lokuqala, uNosango Ntomntwana.

SAJINI: (Avakale ekhwaza mgama) Nosango Ntomntwana. Ntomntwana Nosango, Nosango Ntomntwana. (Esondela) Ngena ngapha.

MTSHUTSHISI: Mama, uyamazi ummangalelwa?

NOSANGO: Hayi, ewe, ndiyamazi.

MTSHUTSHISI: Umazi njani?

NOSANGO: Yikumkani yethu.

MTSHUTSHISI: Wagqibela nini ukumbona ukumkani wakho?

NOSANGO: Ngalaa mini inkulu phaya komkhulu.

MTSHUTSHISI: Khawucacisele le nkundla ukuba uthetha ukuthini na xa usithi laa mini inkulu. Kwenzeka ntoni?

NOSANGO: Hayi, bhuti, ndiyamoyika mna umhlekezi.

MTSHUTSHISI: Owuphi umhlekezi? Ukumkani lo?

JULUKA: Nkundla ebekekileyo, ayikho le ndlela abuza ngayo umtshutshisi. Into ayenzayo kukufaka impendulo emlonyeni wengqina. Besingamazi lo mhlekazi woyikwa lingqina, kodwa umtshutshisi wamkhokela.

MANTYI: Bendibambe amazinyo, ndikulindele ukuba uza kuphakama. Ndiyahambisana nawe mmeli. Mtshutshisi, phinda uwubuze ngenye indlela lo mbuzo ufuna ukuwubuza.

MTSHUTSHISI: Ndiyangxengxeza, nkundla ebekekileyo. (Nqumama) Mama ngowuphi lo mhlekazi uthi uyamoyika. Umoyika ntoni?

NOSANGO: (Ngelizwi elingcangcazelayo) Andifuni kunika bungqina mna. Ndiyoyika.

MTSHUTSHISI: Akakho umntu ozakubetha apha, mama. Chazela nje le nkundla ukuba ngubani lomhlekezi umoyikayo.

NOSANGO: Andifuni kuthetha mna.

MTSHUTSHISI: Mama, ukhuselekile apha. Akukho mntu oza kwenza nto. Chazela nje le nkundla ukuba ngubani lo mhlekazi umoyikayo.

JULUKA: Nkundla ebekekileyo, ingaba umtshutshisi ufuna ukuba litsho kangaphi eli ngqina ukuba alifuni kunika bungqina. Litsho kabini kodwa umtshutshisi usanyanzelisa. Xa ingqina lingafuni ukunika ubungqina alinako ukunyanzelwa. Ingqina lithethile, mayigwebe inkundla.

MTSHUTSHISI: Mhlekezi wam, ndicela ukuba le nkundla inqumame umzuzwana ndikhe ndibe nodliwano-ndlebe nengqina eli.

JULUKA: Nkundla ebekekileyo, ndicela ukuba le nkundla isikhabe isicelo sikamtshutshisi. Ingqina lithethile. Litshilo ukuba liyarhoxa. Esikulindeleyo kokuba inkundla ikhulule eli ngqina. Xa selikhululwe eli ngqina yinkundla, inkundla ingasiqwalasela ke isicelo sakhe, sokuba sinqumame.

MTSHUTSHISI: Nkundla ebekekileyo, ngokubona kwam ingathi eli ngqina liphantsi koxinizelelo lwengqondo. Ndicela inqumame inkundla ndikhe ndibonisane nalo. Lilungelo lam ukuba ndilicebise eli ngqina lenkundla xa kufuneka oko.

JULUKA: Uqale nini ngoku, mtshutshisi, ukuba ngugqirha wengqondo? Liqale nini ukuba phantsi koxinezelelo lwengqondo ingqina lakho? Ulibize ulithembile. Ngoku ke lithi liyajika kwinto ebenithembisene yona. Ndicela inkundla igwebe kulo mbandela.

MANTYI: Ndiyahambisana negqwetha likammangalelwa. Ingathi ingqina lithethile. Kodwa ke ayifuni umntu de abengugqirha wengqondo ukuze abone ukuba eli ngqina liphazamisekile. Ukunqumama asikuniki umtshutshisi koko sinika ithuba lengqina ukuba liziqoshe. Noko akungefi mntu xa sinokulinika ithuba. Inkundla iyanqumama.

SAJINI: (Ekhwaza) Phakaman' enkundleni.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

KWAMANTYI:

KUVAKALA ABANTU ABANDUMZELA KUFUTSHANE.

JONGINGQIQO: Benditheni kuwe? Uyazibona ke ezinkani zakho ungafuni ukuya kwaNjajula? Nantsi imisebenzi yayo ke. Uyabona ukuba laa mfazi akakwazi nokujonga?

SAKHONO: Bendihlala ndisiva ngoNjajula. Namhla nje ndizibonele ngokwam. Wasuka wangcangcazela uNosango emkhumbini. Hayi ndimncamile uNjajula yinkw'enkulu.

MTHUNZI: Masibe sisithi ngamaqalela la. Masilinde sibone ukuba kuzakuthini kwezinyoka ziseza kubizwa.

NQUMAMA.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

E-OFISINI

KUVAKALA ISINIKA-MOYA ESIBALEKAYO.

MTSHUTSHISI: Baw' uMawawa, ingathi ngendikunika ithuba lokuba umbonise umama wakwakho. Ukuba akanikezeli bungqina makazi ukuba siyalicima ityala ebelibeka ikumkani. Kukhuselekile apha, akukho mntu uza kumenza nto.

NOSANGO: Nantso kanye le ndawo indihluphayo, mtshutshisi, ukuphuma kwam kwezi zakhiwo ndakuba lixhoba. Ndiyazela phi into yokuba ukumkani akazuthumela izikrelemnqa zindibulale?

MTSHUTSHISI: Akhona amapolisa, uya kubiza wona.

NOSANGO: Ndiwabize njani ndibulawa? Nokuba abizwe ngubani na akufika ndifile. Yise kaNgqukuva masiyiyeke le nto. Kwenzekile kwenzekile ke. Masijonge phambili. Iyandihlukumeza mna into yokuma emkhumbini ndibe ndithetha into engenakujikwa. Kukuzingcungcuthekisa oku.

MAWAWA: Nkosikazi, umvile umtshutshisi ukuba uthi vulela umthetho uthathe indawo yawo. Nokuba ke okwenzekileyo akunakuphinda kujikwe, kodwa masisijike isimilo sikakumkani. Masimfundise isifundo. Ukuba uyekelwa sithi sakuba simvumela ukuba aqhubekeke ngoku ngcungcuthekisa abanye abantu. Luxanduva lwethu ukuba sisindise ubom babanye abantu.

NOSANGO: Yise kaNgqukuva, okwangoku awonwabanga umphefumlo wam. Kubuya imibono emibi ndakujongana noba buso. Ndiva kabuhlungu. Yintoni ke ebangela ukuba ndizivise ubuhlungu, ndikwazi ukubunqanda?

MTSHUTSHISI: Mama, kunjani xa sikhe sikuphe ithuba lokuba uye kuyicingisisa le nto. Ndakube ndiphinde ndikubize. Masingene ngaphakathi enkundleni ndithethe nomantyi ukuba sikhe sikuphe ithuba lokuba uye kuyicingisisa le nto.

MAWAWA: Ingalibebo elo, mtshutshisi.

MTSHUTSHISI: Ukuba ke siyavumelana masingene enkundleni.

UMCULO WONGXUNGUPHALO.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENKUNDLENI:

MTSHUTSHISI: Nkundla ebekekileyo, ndicela ukuba eli ngqina silikhulule, ndakube ndiphinde ndilibize. Endikufumeneyo kokokuba ingqina eli lise phakuphaku. Kwaye lihlokumezekile yinto eyenzekayo. Lithi lakujongana nommangalelwa kubuye inkumbulo ezimbi. Ngoku ndiceba ukuba lidibane nonontlalontle lilungiswe umphefumlo.

JULUKA: Nkundla ebekekileyo, ndiyabhideka yile nto igqitywa kuthethwa ngumtshutshisi. Okokuqala, andimazi ukuba uva xa kuthwani na umtshutshisi. Ingxelo ayinika apha ngobume bengqondo bengqina yingxelo esiyilindele ukuba siyive ngogqirha oyingcaphephe kwezengqondo. Bendimbuzile umtshutshisi ukuba uqale nini ukuba ngugqirha wengqondo? Khange ndifumane mpendulo apho. Ndiphinda ndixakeke xa esithi ngoku eli ngqina ufuna ukulidibanisa nonontlalontle. Nje phambi kokuba sinqumame eli ngqina litsho izihlandlo zazibini ukuba alizimiselanga kunika bungqina. Esethu ke isicelo sesokuba likhululwe elingqina, ligoduke, kurhoxiswe esi sityholo ngakummangalelwa.

MTSHUTSHISI: Nkundla ebekekileyo, ndicela ukuba sijonge okanye sikhokelwe lityala lenkundla yezibheni, umbuso ummangalele uZola Njengele, apho yafumanisa ukuba akubalulekanga ukuba umntu abe yingcaphephe kwimo enokubonakala nakuthathatha. Esi sigqibo sathathwa kumcimbi okumila ngolu hlobo. Apho umtshutshisi wayecela ukuba ingqina linikwe ithuba elaneleyo lokubuyisa ingqondo.

JULUKA: Nkundla ebekekileyo, umtshutshisi ufanisainja nehagu. Kwityala lika Zola Njengele isimo sasingafani nesi. Kweli tyala athetha ngalo umtshutshisi, ingqina lalingekavuli nomlomo ukuthatyathwa kwesigqibo. Apha phambi kwethu sinengqina eselibuzwe imibuzo eliqela layiphendula. Litshilo kabini ukuba lona alizimiselanga kuqhubeka nale nkqubo. Ngoku umtshutshisi uza necebo lokuthenga ixesha ukuze ajike ingqondo zeli ngqina. Makatsho umtshutshisi ukuba unomdla othile kweli tyala. Ukuba kunjalo simkhulule, sikhangele omnye.

MTSHUTSHISI: Ukubanomdla othile kweli tyala akukho kum, koko ndenza endinokwenza ekwenzeni umsebenzi oluxanduva lwam. Ngokubona kwam, ingathi mna nomlingane wam sakuxoxa kude kubuye namagqwirha eGwadana. Xa kulapha ndicela ukunikezela kwinkundla ukuba ingenelele, inike isikhokelo.

MANTYI: Ndithe ndaziqhelanisa netyala lika Zola Njengele eli acaphula kulo umtshutshisi. Okona kuthethwa yinkundla yezibheno kweli tyala kukuba isigqibo sishiyeka nomantyi ochophele ityala. Kona okokuba ingqina liphazamisekile yinto ebonakalayo. Kodwa ke xa le nkundla inika elithuba ingaba likhona ithemba lokuba ingqina lingajika kwisigqibo salo. Liyinyani elokuba selitsho kabini ukuba alizimiselanga kunika bungqina. Ngala mazwi ke la agxininisa kuwo ummeli kammangalelwa. Le nkundla ibona ukuba akukho mahluko nokuba ingqina liyanqunyanyiswa okanye liya khululwa. Le nkundla izibuza umbuzo wokuba xa likhululwa ingqina, umtshutshisi akangebinalo na isoloty lokuphinda alibuyise ityala. Impendulo ithi anganako. Ngenxa ke yeso sizathu ndifikelela kwisigqibo sokuba silikhulule ingqina, kurhoxiswe netyala.

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 13.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENDLWINI:

UMCULO WOMNGQUNGQO KAMANKUNKU NGOZI OTHI “YAKHAL’ INKOMO
UTSHOLO EZANTSI, EMVA PHAYA.

MTHUNZI: (Ekwelinye igumbi) Kutheni ingathi uthatha unyaka onesiqhuma nje ukunxiba kwelo gumbi? Limkile ixesha.

NOLUNTU: (Ekwelinye igumbi) Kutheni kwangxama wena kodwa ndim obecele ukuba undise edolophini?

KUVAKALE IZINGQI EZIZA NGANENO.

(Esondela) Kukho enye indawo oya kuyo?

MTHUNZI: Bendikubona ungade uphume phaya egumbini. Ndinqwenela ukuba ndidlule phaya eTyhalarha.

NOLUNTU: Yintoni ngoku eTyhalarha?

MTHUNZI: Kusekho laa nto kadade boQhinebe. Ndimfuna emkile phaya. Andinamhlaba oza kumiwa yinkazana. Makaphum’ aphele phaya.

NOLUNTU: Ukuba ibithethwa ngomnye umntu lento ngendisothuka. Ayindothusi ke kuba ndiyakwazi. Mamela ke bhut’ omkhulu, ukuba uyaphambana yiya eBhofolo ikhaya lamageza. Yimpambano yodwa le uyithethayo. Mingaphi eminye imizi kwesi sizwe sakho emiwe ngamankazana? Jonga ke, ukuba uswele into yokwenza hamba uyokugawula amahlaha, ukhuphele umsindo wakho kuwo. Ukuba ndise yinkosikazi yakho loo nto ayizokwenzeka.

MTHUNZI: Noluntu, ndicela uphume kwimicimbi yam.

NOLUNTU: Imicimbi yakho? Uthi yinto enokuthethwa ngumntu onengqondo leyo? Ucinga ukuba ezi zinto uzenzayo azindichaphazeli? Kanti ndiyi ntoni apha? Ndingumhombiso?

MTHUNZI: Esi sisigqibo sesizwe.

NOLUNTU: SesakwaSathana eso sizwe sinokugqiba njalo. Mamela apha ke kumkani yaMathunzi, ukhe nje wenza lento uthi uzakuyenza, undazi ke mna ukuba ndohlukene nawe. Phela kwento kaloku, asinakuthi uMandela wasikhupha ekungcikovweni wena uphinde usibuyisele kwaFaro. Ufuna ndibukele loo nto, ndincume? Sisini somntu esimisa umzi okanye ngamandla omntu?

MTHUNZI: Noluntu, andizi kuxelelwa nguwe emandikwenze nemandingakwenzi.

NOLUNTU: Xa ungaxelelwa ndim uza kuxelelwa ngubani? NguZodwa?

MTHUNZI: Noluntu, ungena phi uZodwa kule nto ndiyithethayo?

NOLUNTU: Uqhel' ukungena phi? Ungena kula ndawo aqhele ukungena kuyo. Inokuba ubucinga ukuba andiniboni nilibele ukuncumelana kulaa nkundla.

MTHUNZI: Asikayigqibi le besithetha ngayo ngoku sowundityhola ngenye into engekho.

NOLUNTU: Yinton' engekho? Ebengekho uZodwa phaya enkundleni? Khange nincumelane? Sukundijamela, ndiyabuza, khange nincumelane?

MTHUNZI: Noluntu, usaya kule dolophu othi mandikuse kuyo okanye akusayi?

NOLUNTU: Buz' emqaleni uya kuphendulwa kuqhoqhoqho.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

EMOTWENI:

KUVAKALA IIMOTO EZIMANE ZIDLUKA.

JONGINGQIQO: Sakhono, uzube uwuve kakuhle lo myalezo.

SAKHONO: Ndiwuve kakuhle, bawokazi. Kuthiwe uyakhululwa.

JONGINGQIQO: Sakhono, sukujingisa ingqiniba kule moto, awunamoto wena.

SAKHONO: Unayo wena?

JONGINGQIQO: Ndizakuba nayo kungekudala.

MTHUNZI: Makube bamchanile ogqirha, kuba bendingekamlindeli ukuba akhutshwe. Noko ebengamhlanga olo hlobo ukumgqibela kwethu.

JONGINGQIQO: Ngamaxoki amakhulu ke abantu basesibhedlela. Bangathi uyakhululwa kanti sakufika basixelele ukuba akasekho.

MTHUNZI: Noko andiqondi ukuba kungalelo hlobo bethetha nomntu ongutata. Loo nto baqhele ukuyenza xa umnxeba uphendulwe ngumntu ongumama. Noko, masithembe ukuba akukho nto igwenxa eyenzekileyo kuSomakhonkco. Sisayidinga laa ndoda.

JONGINGQIQO: Sizintlani kumkani, oko sasigqibele kuye ngalaa mini sathi sakuphinde sibuye.

MTHUNZI: USomakhonkco uyasazi indlela esixakeke ngayo.

JONGINGQIQO: Kumkani, masincede singalibali ukuya kujikela phaya kuNjajula nokuba kunga le mvakwedinala. Iyavuleka indlela ngoku. Mawuthi ubuyela enkundleni siphinde siqhwaye amanye amatyala okwenkwethu. Lisukile elokuqala. La mathathu ashiyekileyo makangene ebhekileni nawo.

MTHUNZI: Kanti uNjajula ebengathanga mandibuye xa kuphele ezi zinto ebendinike zona?

JONGINGQIQO: Kukuya kumkhuthaza, kumkani, umnike ingxelo yoku sekwenzekile. Sifuna kungabikho simnyama kule nto. Xa uwubambile umthi kufuneka ungawuyeki. Umthi uhamba indlela yawo, negqwetha lihambe elayo.

SAKHONO: Lilo elo, Jongingqiqo. Ndiyayibona ikumkani ukuba isathandabuza ngeli xesha iziphumo zincumisa.

MTHUNZI: Asukuba ndiyathandabuza koko bendisahamba ngomlomo kaNjajula.

SAKHONO: Kumkani, lo mcimbi waseTyhalarha ude wawuthini?

MTHUNZI: Khawubambe njalo, bawokazi, ndisafuna ukuba ndiphinde ndiwuqwalasele.

SAKHONO: Kungakuhle xa unokuphinda uwuqwalasele. Njengokuba ebesetshilo uJongingqiqo, akafuni kungxanyelwa uQhinebe.

JONGINGQIQO: Ingathi nokuba ubunomisela phaya phantsi komthi, bawokazi, bekwaba kuhle. Noko sakujikela kulaa mnyango. (Ethethela phantsi) Kumkani, khawujonge phaya. Ngubani lowa?

MTHUNZI: Phi?

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

ECALENI KWENDLU.

KUVAKALA INGXOLO YABANTWANA ABADLALA MGANYANA.

NOZAMILE: Ngoma, wawungathanga akunakuphinda uze apha?

NGOMA: Ndandingayoleli. Uthi mandingazi ukuza kuyibona intanga yam? Yitsho ukuba uphuphe ngam.

NOZAMILE: Ndingazixakekisa ngokuphupha ngawe umbi kangaka?

NGOMA: Sdumbu, kutheni wathula umva umkakho ukuba uyandithuka?

NOZAMILE: Umntu xa embi kanti kufuneka kuthiwe mhle? Ayisosithuko eso koko sisichazi sembonakalo yomntu.

- NGOMA: Xa usisimumu sesepha, Sdumbu, undiyeke ndithukwe ngumfazi wakho, ingathi kungcono ndingabisahlala.
- SDUMBU: Kunini ndikukhumbula, Ngoma. Akunakumkiswa nguNozamile. Uyaqhula.
- NGOMA: Makangaqhuli ngobubi bam, ndiyazazi ukuba ndimbi. Makandiyeke ke yena, andidalwanga nguye. Umdali wam yena uyayazi into awayeyenza.
- SDUMBU: Yizokuchopha apha ngasemthunzini, Ngoma, lakutshisa ilanga apho. Nozamile, khawusenzele into ephungwayo sikhe sithobe eli langa.
- NOZAMILE: Ingaba sendingumakoti kathikolose, akukho nto yokuphunga oyifunayo, ufunela lo mrhajana. Ndakuba yintoni ukuphungisa le lali yonke?
- NGOMA: Sdumbu, akukho ukuqhula okunje. Undimithi umkakho. Khona ukuba andinamama andinatata, ndide ndibizwe ukuba ndingumrhajana?
- NOZAMILE: Uya kuzeka nini, Ngoma? Awubon' ukuba uyaguga ngoku? Asizi kuyithwala into yokumane sisenzelana nawe into ephungwayo.
- SDUMBU: Nozamile, uNgoma akahambelanga kuwe, yohlukana naye. Khawenze into siphunge, ndim onkinkqayo apha.
- NGOMA: (Ethethela phantsi) Makahambe uyadika.
- SDUMBU: Make sihlebe ke, ntangam. Andizanga ndakuva uhletywa. Uthi uRomani usayibona indlela?
- NGOMA: Ndiza kuhletywa ngubani? Anithi ndiphambene? Lakhe lahletywa ngubani igeza? Abantu abahletywayo nini. Wena kanye. Into yakho idumile kule lali.
- SDUMBU: Ndihleletywa ndenze ntoni ngoku?
- NGOMA: Abantu bayabona ukuba usikiwe kubuphakathi.
- SDUMBU: Ndingasikwa ndiligosa kakade?

- NGOMA: Kube ke bayibeka kakuhle aba bathi ukhiqiwe. Loo nto iyabonakala kuba naku ukumkani equqa ezinkundleni, wena ube ugcakamele eli langa nathi.
- SDUMBU: Ngoma, andisostrophu mna, andibotshwa. Ndenza endikuva kufanelekile kum.
- NGOMA: Bathi wena wayinyathela eluzwaneni mhla wathethelele uQhinebe.
- SDUMBU: Kukuthini ukuthethelela uQhinebe, Ngoma? Mna ndimela inyani, inyaniso ke ayidibani nobuxoki. Phofu ke andiyothuki loo nto kuba nakuMawawa kwakuthethwa into enye.
- NGOMA: Kowu, lowo, kuthiwa uzichamele engena emkhumbini. Yona inkosikazi yakhe kuthiwa ithe yakukhwel' emkhumbini yasitsho esikrakra.
- SDUMBU: Uyawaqalile ke, Ngoma.
- NGOMA: Ndiqale ngantoni ngoku? Akukhange uyive wena loo nto?
- SDUMBU: Ngoma, uMawawa akakakhweli emkhumbini. Useza kukhwela emkhumbini.
- NGOMA: Uyazela phi loo nto ulapha?
- SDUMBU: Loo mbuzo ndakuwujika ndiwubhekise kuwe. Mamela ke, akukho nyani nasekubeni uNosango utsho isijwili, ayikho loo nto. UNosango usuke wafunyanwa yintloko, lamiswa ityala.
- NGOMA: Ikhona loo nto?
- SDUMBU: Ikhona intoni?
- NGOMA: Wawukhe wayiva phi into yokuba kumiswe ityala ngenxa yokuba umntu enentloko? Uyayikholelwa wena loo nto?
- SDUMBU: Yintoni ezakubangela ukuba ndingayikholelwa?
- NGOMA: Ibingeyo ntloko leya, ibi ngusontloko.

SDUMBU: Ngoma, nokuba ibisisijwili, nokuba ibiyintloko, kodwa into endiyaziyo yeyokuba apha phantsi kwelanga akukho nkanga idubula ingethi.

NGOMA: Kwindoda ehamba kuNjajula inkanga idubula ingethi.

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 14.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENKUNDLENI

MTSHUTSHISI: Mnumzana Mawawa, ukugqibelana kwethu besikumba wokutshiswa komzi wakho. Khawuchazele le nkundla ukuba kwenzeka ntoni ngala mini.

MAWAWA: Kwathi ngorhatya ndeva ngenkosikazi indibiza kuba isiva ingxolo phandle. Sathi sakukroba ngefestile sabona ibubu lamadoda lisiza nganeno. Saqonda ke ukuba konakele. Inkosikazi yatsiba ngoko yabaleka. Nangona ndathi ndazama ukutshitshiliza ndabona ukuba inkani zam azizi kundenzela nto. Ndalandela yona, saphuma ngemva, sabaleka ukuya kuzimela entlanjeni engemva phaya kwam.

MTSHUTSHISI: Ngalo lonke eli xesha kusenzeka le ngxushungxushu baphi abantwana?

MAWAWA: Kuba bendilindele nantoni na enokwenzeka ekuqaleni kolu chuku, ndathi ndabemkisa abantwana bam, baya kuhlala nodade wethu kwenye ilali. Ndicela ukungalibizi igama lelali kuba ndikhusela abantwana bam.

MTSHUTSHISI: Mahle. Makhe sicacisele inkundla ngale ndawo, ngoku nilishiyayo ikhaya besele bendawoni ababantu bebesiza?

MAWAWA: Bebesele bengena phaya esangweni. Mna ndilandele emva kwethuba inkosikazi sele ibalekile.

MTSHUTSHISI: Kwababantu bebengena ngesango ngobani owathi wakwazi ukubaqwalasela?

MAWAWA: Phambili bekuhamba umfo kaVenene.

MTSHUTSHISI: Ngubani igama likaVenene?

MAWAWA: NguMbuyiseli.

MTSHUTSHISI: UMBuyiseli Venene. Ngoobani abanye?

MAWAWA: Omnye umntu endimqwalaseleyo ngubawo uSomakhonkco. Zweledinga Somakhonkco. Emva kwabo ke bekukho inyambalala yesifana. Kuba besekuhlwile ke andikhange ndibaqwalasele. Nakum amaphaphu ebesele ephakamile.

MTSHUTSHISI: Nakuba ke nifikile entlanjeni kuye kwathini?

MAWAWA: Sizamile ukufumana indawo efihlakeleyo. Ndithe ndilapho ndakwazi ukuwubona umzi wam. Ndawubona uvutha kwangoko.

MTSHUTSHISI: Kwaba bantu bebetshisa ukhona okwazileyo ukumphawula?

MAWAWA: Ngenxa yomgama ebendikuwo bekunzima ukubona ukuba ngobani na ababentumeke umzi wam. Ngelo xesha umzi wam ubusele urhangqwe ligquba lamaJuda.

MTSHUTSHISI: Ukhe wambona ummangalelwa lo kwaba bantu ububabona?

MAWAWA: Hayi. Ukuba ebekhona inokuba ebephaya esidikidikini sabantu.

MTSHUTSHISI: Khawuchazele le nkundla ke ukuba kutheni uvule ityala ngakummangalelwa xa ungakhange umbone etshisa?

MAWAWA: Nguye omakathwale uxanduva lokuba kutshiswe umzi wam, kuba nguye okhuphe umyalelo.

MTSHUTSHISI: Umonakalo ewenzekileyo kumzi wakho ubengakanani?

MAWAWA: Itshe yawa phantsi ngqu indlu yam.

MTSHUTSHISI: Ibimagumbi mangaphi indlu yakho?

MAWAWA: Amagumbi amahlanu endlini enkulu, nooronta ababini.

MTSHUTSHISI: Kanene uyenzile ingxelo yomonakalo okuhleleyo emapoliseni? Le nto kuthiwa sisitatimente?

MAWAWA: Ewe, ndisenzile.

MTSHUTSHISI: Sajini, khawunike eli ngqina oluxwebhu. (Nqumama) Mhlekazi uMawawa, ingaba loluxwebhu olenze emapoliseni olo?

MAWAWA: Ewe.

MTSHUTSHISI: Nkundla ebekekileyo, ndisatshaya.

JULUKA: Mhlekazi, ndicela inkundla indiphe umzuzu, ndikhe ndidlane ingxebe nommangalelwa.

MANTYI: Inkundla iyanqumama imizuzu emihlanu.

SAJINI: Phakaman' enkundleni.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

KWAMANTYI:

NOLUNTU: Jonga wena mntu ongangqandi bantu ukuba bangangeni kwamantyi, thetha nalaZodwa wakho. (Efutheka) Kanti ndakuphinda ndimngombe.

MTHUNZI: Noluntu, ndiphuma kolunye uchuku apha ngaphakathi, ngoku undifaka kolunye. Ndiza kumngqanda njani uZodwa ukuba angezi enkundleni.

NOLUNTU: Mamel' apha ke bhut' omkhulu, inkazana yakho ayizanga kum apha, mayijongane nawe indiyeyeke mna. Andizi kubunyamezela obubhanxa bokugqemfezelwa nguZodwa. Andimazi ukuba uthi wakubona mna kube ngathi ubona ntoni na. Mna ke, bhuti, ububhanxa andibunyamezeli.

MTHUNZI: (Ethethela phantsi) Noluntu, sukunyusa ilizwi, nanku uJongingqiqo esiza.

NOLUNTU: Xa bendimkhathalele ngantoni? Yintoni angayaziyo? Nguyena mmetshisi omkhulu kuba uhamba naye xa usiya kwabaZodwa bakho.

IZINGQI EZIHAMBA ESAMENTENI ZISIZA NGANENO.

MTHUNZI: (Ethethela phantsi, ezibamba umsindo) Noluntu. Mamela xa kuthethwa.

NOLUNTU: Ndimamele ntoni? Ndimamele ububhanxa?

JONGINGQIQO: Kwakhona, kumkanikazi.

NOLUNTU: Molo, bawo uJonginyaniso. Ndinibonile ukufika kwenu.

JONGINGQIQO: Silandele emva kwenu ukuza apha, ntonje ukuqhutyelwa ngabafana akulunganga, kuba uBhut' aseBhayi ukhe wajikeleza phaya eDebe Marele. Salibala umzuzwana.

NOLUNTU: Ufika kanye xa sibonisanga ngokuhamba kwetyala nekumkani. Ndithi mabachithe batyiwe, uNjajula ayontanga yamakhwenkwe.

JONGINGQIQO: Yitsho apha kuye. Kudala ndimxelela ukumkani, kodwa alibale kukudungudelisa. Ngekukudala sahlukana nayo yonke le nto.

NOLUNTU: Nge kunjani ukuba asizange simnyanzelise ukuba aye phaya?

JONGINGQIQO: Makabulele wena, kumkanikazi. Akufak' ityuwa ungafi, uyakwazi ukucinga.

NOLUNTU: Bawo, khawusiphe nje umzuzu, kukho into endifuna ukubonisana ngayo nekumkani, bucala, phambi kokuba sibuyele enkundleni.

JONGINGQIQO: Hayi, qhubani, mna nakundifumana apha phakathi enkundleni.

KUVAKALE IZINGQI EZIBHEKA PHAYA.

NOLUNTU: (Ethethela phantsi) Jonga wena, khupha umakhalemkhukhwini wakho ngoku, ufonele uZodwa, umxelele ukuba ndakumngomba ukuba uzakuqhubekeka endijonga ngolu hlobo andijonga ngalo.

MTHUNZI: Noluntu, uZodwa ebekujonge njani?

NOLUNTU: Usabuza? Ingathi uza kumdinga kungekudala.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENKUNDLENI:

MANTYI: Mhlekezi uJuluka eli lithuba endikunika lona ukuba ubuze ingqina imibuzo, ukuba ikhona. Ingqina ndiyalikhumbuza ukuba lazi ukuba lisephantsi kwesifungo.

JULUKA: Nkundla ebekekileyo, ndiyabulela ngeli thuba ndiliniwayo. Mnumzana uMawawa ndiyavelana nawe ngokuthe kwakwehlela. Phambi kokuba inkundla inqumame kanene ubuthe akuzange umbone ummangalelwa kwela gquba lalisiya kwakho?

MAWAWA: Kunjalo.

JULUKA: Ukuba kunjalo ke, ungayixelela le nkundla ukuba kutheni ummangalelwa elapha?

MTSHUTSHISI: Nkundla ebekekileyo, ndikhaba ngawo omahlanu kulo mbuzo. Ukuba ummangalelwa abelapha ayisosigqibo sikammangali sisigqibo sabecuphi nabetshutshisi.

MANTYI: Ndiyahambisana nomtshutshisi, lo umbuzo ayinguwo onokuphendulwa lingqina.

JULUKA: Nkosi yam, kunani xa ndilinga lo mbuzo? Lo mbuzo liqhina lentsontela eya apho kufele khona ithole. Okanye ke mandiwubuze ngenye indlela.

MANTYI: Kungcono uzame njalo.

JULUKA: Mnumzana uMawawa ingaba uyasazi isizathu esibangela ukuba ummangalelwa lo abe lapha?

MAWAWA: Nguye owakhupha umyalelo.

JULUKA: Nguye owakhupha umyalelo? Wawumbonile xa ekhupha loo myalelo?

MAWAWA: Hayi, andizange ndimbone.

JULUKA: Wawumvile?

MAWAWA: Hayi.

JULUKA: Xa ungazange umbone okanye umve, uyithatha phi into yokuba wakhupha umyalelo?

MAWAWA: Baninzi abantu abandixelelayo.

JULUKA: Ngundiva lowo. Mamela ke Mnumzana Mawawa, asisebenzi ngondiva apha. Masivumelane ukuba awuyazi le nto uyithethayo.

MAWAWA: Ndiyayazi.

JULUKA: Andikubuzi ndiya kuxelela. (Nqumama) Kubungqina bakho obuyintloko uthe ubone nje abantu ababini kula nkumbula ibisiza kwakho. Ufuna ukuthi abanye abantu ubungabazi ukuba ngobani na?

MAWAWA: Aba ndithetha ngabo ngabantu ebebekhokele ela gquba.

JULUKA: Mnumzana Mawawa, wakhe wabanjwa ngaphambili?

MTSHUTSHISI: Nkundla ebekekileyo, lo umbuzo utenxile. Ayililo ingqina elimangalelweyo apha. Lo mbuzo uyaphi? Yintoni le afuna ukuyibonakalisa ummeli? Ndicela le nkundla igwebe ngalo mbuzo.

MANTYI: Mnumzana Juluka, khawusinabisele, uyaphi lo mbuzo uwubuzayo?

JULUKA: Mhlekazi, kule nkundla sithetha ngekumkani, ikumkani yaMathunzi. Lo sithetha ngaye ngumntu onesidima. Ewe bonke abantu bayalingana phambi komthetho, kodwa, belingana njalo, bahlukile ngezidima abanazo. Nantoni na esigqiba kuyo siyile nkundla, oko kwakuchaphazela isidima sekumkani. Elam lelokuba liwuphendule ngokwalo lo mbuzo ingqina, ukuze ndilandelise ngombuzo oyakucacisa ukuba kutheni na ndibuze lo mbuzo wokuqala. Kuba asinakuvumela abantu abangenazidima bangcolise ezabanye.

MANTYI: Emandikuthethe kuwe ngqina akunyanzelekanga ukuba uwuphendule lo mbuzo.
Ukuba uyafuna ungawuphendula.

JULUKA: Wakhe wabhantinta? Waze wasola bani ngokubhantinta kwakho?

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 15.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENDLWINI;

KUVAKALA IIHAGU EZIKHAL NGAPHANDLE.

SOMAKHONKCO: Tyhini, Sdumbu, kanti nguwe lo?

SDUMBU: Ndim, xhegolam. Ndithe makhe ndithi chu ndizokubona.

SOMAKHONKCO: Sowuchopha kweso situlo singasemnyango, Sdumbu.

SDUMBU: Enkosi, xhegolam. Ndivile ukuba ubuyile esibhedlela. Uziva njani ngoku?

SOMAKHONKCO: Sdumbu, kubhetele kakhulu. Asinakuzigxeka kakhulu ezi zigulo, kunini sabalapha kulo mhlaba? Kunini sazitya eziKrisimesi? Ziyaziphindezela ngoku, zitya thina. Khaniphile, Sdumbu?

SDUMBU: Baw' uSomakhonkco, thina siyaginya nokuba kuyakrakra. Zimane zivakala ezoo ndawo ngeloo xesha, kodwa ke sibambe ngofele. Yinkosikazi nje ebikhe yabanjwa ngumkhuhlane ngamandla. Kodwa noko ide yafumana isiqabu.

SOMAKHONKCO: Zakuthini ukunganibambi imfuxane, ningombathi nje. Abafazana abakhoyo abombathi. Bendibabona kwesiya sibhedlela. Ufike umntu esitsho ngembambo eziphandle kodwa iyatsho yona iqabaka engceni. Naphinda ke nalahla naloo mihlonyane eyayisetyenziswa ngobawo. Wonk' umntu ubalekela ekliniki, athini ke ukungapheli amayeza kwezi kliniki?

SDUMBU: Izinto kaloku zajika, bawo. Ngoku lixesha lokukhanya.

SOMAKHONKCO: Kudala ndiwabona amaxesha, hayi eli sikulo. Ndiya engcwabeni ngoku, ndiyazibula ukubona ikumkani yonke imiswa emaplangeni. Kuba nithi yile demokrasi eyalwelwa ngoMandela le, hayi, andiyinqweneli. UThixo makangithathe ndingekaboni amanyundululu angaphezu kwala. UMadiba wayeyinkosi, ebuxabisile ubukhosi. Wayengalweli lenyudede uDalibhunga.

SDUMBU: Idemokhrasi ayithandisi wena, bawo, ukuyo phakathi, zwabha, ngoku.
Ngaphandle ke ukuba ungaya kwelinye ilizwe.

SOMAKHONKCO: Ndiva kusithiwa ikumkani ibikhe yavela enkundleni, kuhamba njani? Oko
bafika baza kundibeka apha abakabonakali nangozipho.

SDUMBU: Xhego lam, akukho nto ndiyaziyo mna. Kwizinto zakomkhulu ndigqunywa
ngomkhusane. Zonke zidlula apha phambi kwam.

SOMAKHONKCO: Iseyilaa nto kaMawawa?

SDUMBU: UMawawa owemka kudala? Kuyacaca ukuba kulithuba ungekho. Yenzeka
yadlula ekaMawawa. Kwangenelela into kaQhinebe.

SOMAKHONKCO: Ungena phi ke kwinto kaQhinebe?

SDUMBU: USakhono waqala ngokundixelela eziqhitsini ukuba ndakutya iinqoba njengokuba
ndizenza igqwetha likaQhinebe nje. Kwasuke kwanjalo. Ungothuka ukuba izinto
zakomkhulu ndiziva kwiindaba zikaNgoma.

SOMAKHONKCO: Kwasuke kwathini ngoku?

SDUMBU: Ibiphi na? Ngokusuke nje ndithi asinakuxoxa ngoQhinebe engekho, ndisithi
makabizwe. Phi? Baphantse bandidla ngamazinyo. Ndaqbul' ibhatyi yakowethu
ndangen' endleleni.

SOMAKHONKCO: Bona kanti benza njani? Ibiyintoni ebangela ukuba uQhinebe angabizwa
xa kuza kuxoxwa ngaye.

SDUMBU: Am' entla laa madoda esithi uQhinebe akavumelekanga ukuba angene
emasangweni akomkhulu. Namhlanje ndiva ingathi nguloo Qhinebe okhwela
emkhumbini.

SOMAKHONKCO: Kanti yinyaniso ukuba eli tyala seli sezinkundleni?

SDUMBU: Sekuzintsuku liqhuba. Kuthiwa akathakathi ukumkani wakho, uwatsho amangqina aqaqanjelwe ziintloko. Kucacile ukuba uyalihlawula kakuhle ixhwele lakhe. Abantu abakhe baya kumamela bathi hayi uza kuwaqhasha onke la matyala akhe.

SOMAKHONKCO: Kude konyulwa ixhwele elitsha lakomkhulu?

SDUMBU: Lowo umcimbi ise yindaba yakwamkhozi. Yena uBukhalibentonga ngumlwelwe, akukho themba kuye. Mhlawumbi ke kulindelwe ukuba ade afe ukuze konyulwe elinye ixhwele endaweni yakhe.

SOMAKHONKCO: Makube bamfunele eliphi ixhwele?

SDUMBU: Onokrawuzana bathi wanyanzelwa yikumkanikazi. Hayi, yona ayihleki ngokuhlekiswa. Nalaa mfo kuyacaca ukuba wayitya engayiboni. Zange ndayibona indoda eqokojiswa ngumkayo ola hlobo. Uyakufika ibukhali xa sisengxoxweni kodwa yakungena endlini ibethwa ngefadukhwe.

SOMAKHONKCO: Sdumbu, xa ungazutyiswa ngumkakho uya kutyiswa ngubani? Lidikazi?

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENDLINI

UMCULO KAZAHARA OTHI “UKUBA BENDINOMAMA” UTSHOLO EZANTSI EMVA.

NOLUNTU: (Ekhwaza) Ungakhe ulinge kuthi kanti utya loo nyama ndiyibeke apho.

MTHUNZI: (Ekwelinye igumbi) Kanti ngubani intak’ obusi?

NOLUNTU: Yiza nayo ngapha kuba sendikubhaqile, ntak’ obusi.

KUVAKALE IZINGQI EZIZA NGANENO.

MTHUNZI: Akaphazanyiswa umntu esetafileni.

NOLUNTU: Kuqale nini ngoku ukuba setafileni xa umntu etyela ezimbizeni?

MTHUNZI: Kwabani?

NOLUNTU: Uyikumkani into oyiyo, akunakutyela ezimbizeni.

MTHUNZI: Kutsho bani?

NOLUNTU: Kutsho mna.

MTHUNZI: Kwam ndingatyela naphantsi kwebhedi.

NOLUNTU: Khawuhlale phantsi, uyeke ukungqunga ngathi yinkuku eza kubeka iqanda.
Kudala ndithe ndifuna ukubona.

MTHUNZI: Yitsho, ndiphambi kwakho, uyandibona. Loluphi olu chuku ufuna ukuluvusa?

NOLUNTU: Ndikuthanda ngale nto ke, le yokuba uchuku uluve egazini. Akukaluva kakuhle ke, bhuti, linda ndigqibe ukuthetha, ulibone uqobo.

MTHUNZI: Ndigqibile ukutya ngoku. Ukuba awude uluthethe olu chuku lwakho ndiza kungena egegwini lakuthi ndiqabele eNjwaxa.

NOLUNTU: Kuyacaca ukuba iyakutshisa le nto ikutshisayo.

MTHUNZI: Yile nto ubuza kuyithetha le?

NOLUNTU: Bhut' omkhulu, ingathi ngowumisa ingqondo ngoku. Ayiyo le ngoku. Into yokuba intsuku zilandelane amaphephandaba noonomathotholo bethetha ngawe, ayiyo. Zicenge uthobe isantya. Ndisathetha ngesantya njalo. Bhuti, hayi, hayi, ibangathi uyehla apha ekuqhumiseni. Kwezimini ingathi uba yigutsi. Ngamanye amaxesha uyabhideka. Umdala. Uyakhula ngoku. Uthi abantwana baza kufunda ntoni apha kuwe? Ungakholwa ukubona u-Awethu etshaya eli cuba ulitshayayo?

MTHUNZI: Isukela phi le nto yonke?

NOLUNTU: Ungandilindi ndigqibe nje ukuthetha?

MTHUNZI: Ngoku uthi ufuna ukuba sibonisane ubufuna ukuthetha le nto?

NOLUNTU: Ewe, kumkani yaMathunzi, yenye yento ezimbini endifuna sibonisane ngazo.

MTHUNZI: Wena ungqandwa ngubani?

NOLUNTU: Entweni?

MTHUNZI: Kule jini yakho.

NOLUNTU: Ukhona omnye umntu ondaziyo ukuba ndiyasela? Wena wakhe wandibona ndinxilile ngenye imini? Andifani nawe, eyam ibhotile yejini ihlala inyanga yonke. Eyakho ihlala iyure enehafu. Uphinde ke wena umpakuze.

MTHUNZI: Wena inokuba ucinga ukuba ndingunyana wakho, hayi, ndiyindoda yakho.

NOLUNTU: Undincede ukuba utsho ke, Mthunzi. Masele singena kule yokuba umele ubudoda bakho. Mamela ke bhuti, ngomso lo usayo siya phaya kwababecuphi bazimeleyo uyokwenza uvavanyo lwenyani khona.

MTHUNZI: Yintoni na le uyithethayo? Uvavanyo lwenyani?

NOLUNTU: Nqo. I- *polygraphy test* bhuti.

MTHUNZI: I- *polygraphy*?

NOLUNTU: Undivile.

MTHUNZI: Usele ithothi ezingaphi namhla nje?

NOLUNTU: Ifuna wena loo nto? Okanye uswele impendulo?

MTHUNZI: Noluntu, andinakubona ngawe sondixelela ngee-*polygraphy test* endingazaziyo. Isukela phi yonke le nto?

NOLUNTU: Mamela apha ke, bhuti. Ndikruqukile yile nto kaZodwa. Sithethile. Wavuma ukuba wahlukana naye kudala. Ndakuxolela. Kodwa ngoku ndizimisele ukulurhoxisa uxolelo lwam. Uyasazi isizathu? Umntu ongesenanto yokwenza nomntu akenzi ngolu hlobo lo Zodwana wakho enza ngayo. Ngoku ke, bhuti

kumkani, into endiyifunayo yinyaniso kuphela. Ukuze ndixole, ndikukholelwe, ndicela uzicenge uyokwenza oluvavanyo.

MTHUNZI: Ngoku ufuna ukukholelwa umatshini kunam?

NOLUNTU: Mamela ke, bhuti, bendingathi masiyixoxe le nto bendikuxelela. Kukuwe ke ukuba uthini. Xa uzazi ukuba unyanisekile ingayintoni ebangela ukuba wale?

MTHUNZI: Ngubani owalileyo?

NOLUNTU: Ndikwazi unje ke. Kusasa masilungiselele ukuya khona. Ndiza kuba fowunela ngoku ndenze idinga nabo.

MTHUNZI: Xa ndibuza ukuba ngubani owalileyo loo nto ayithethi ukuba ndiyavuma.

NOLUNTU: Jong' apha, kumkani, ungakhe ulinge unditeketele. Lo umba siwugqibile. Sivuka kusasa singene endleleni.

MTHUNZI: Kukuxoxa le nto uyenzayo? Ingathi yonke into ufuna ihambe ngale ndlela ufuna ngayo.

NOLUNTU: Ubufuna ihambe ngendlela kaZodwa?

UMCULO WESINGQALA.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENDLINI

UMCULO WONGQUNGQO UTSHOLO EZANTSI KWISIDLALI-MACWECWE.

MTHUNZI: Awethu, Uyaz' ukuba lonke eli xesha ndithi useManquleni?

AWETHU: Bendisatsibe eDikeni, tata. Bekukho into ebendizifuna. Ezinye andikwazi ukuzifumana eRhini.

MTHUNZI: Impahla engaka kwedini? Kowu, inokuba iphelile imali yam.

NOLUNTU: Ayomali yakho le. Ndimnike ikhadi lam.

AWETHU: Utata uyalibala ukuba zimpahla zam zokutshintsha ezi. Kaloku ukwaluka kwam kwemka into yonke. Iyandibetha ke le nto yezibhulukhwe zintathu ndinazo. Sinengxaki yamanzi kwelaRhini. Kufuneka ukuba ndibe neempahla ezoneleyo.

NOLUNTU: Nokuba bekungekho ngxaki yamanzi eRhini, utata wakho ebemele ukuba uyayazi ukuba awunazimpahla.

MTHUNZI: Awethu, thatha abaplastiki bakho, uye nabo phaya egumbini lakho.

AWETHU: Ndingalibelanga, tata, kukho usisi ebendidibene naye phaya eDikeni, wathi ndize ndimbulisele kuwe.

NOLUNTU: Uthe ungubani, Awethu?

AWETHU: Uthe nguZodwa, mama.

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 16.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENDLWINI:

MTHUNZI: Mfo wam, ngumthwalo wakho wonke lo? Kutheni ingathi awube uphinde ubuye eRhini? Ingathi xa siyokuthatha ukuphela konyaka kwakunyanzeleka ukuba siye ngetraka.

AWETHU: Tata, makucace kaloku ukuba ndisuka ekhaya.

MTHUNZI: Ayingomthwalo yimfuduko le. Ingathi kanti kwedini uyahlalisana phaya?

AWETHU: Noko andikabikho kwixabiso lokuhlalisana, tata.

MTHUNZI: Ndakube ndiwubuze lo mbuzo ngeny' imini. Okwangoku khawube ufaka le mithwalo yakho phaya ebhuthini. Unyoko uhleli phi? (Esenyusa ilizwi) Kanene kufuneka sikulande ngemigqala phambi kweso sipili?

NOLUNTU: (Ekwelinye igumbi) U-Awethu segqibile ukufaka impahla zakhe?

MTHUNZI: Sime ngawe apha, mfondini.

AWETHU: Tata, ubundithembisile.

MTHUNZI: Intoni kanene, kwedini?

AWETHU: Ubuthe uzakundongeza imali.

MTHUNZI: Iphi ifowni yakho? Jonga ifowni yakho, kwedini, kudala ndiyitransfelile.

AWETHU: Watsho wandikhumbuza, ndiphantse ndayishiya ifowni yam. Oko bendiyifake etshajeni. Undincedile. Ndiyabulela ke ngemali.

MTHUNZI: Unyoko ukuphe malini?

AWETHU: Ndonqena ukophula izigqibo, tata.

KUVAKALE IZINGQI EZIZA NGANENO.

NOLUNTU: Izigqibo zantoni ngoku?

MTHUNZI: Noluntu, ingathi indlebe zakho zifuna ukushunqulwa, zibukhali.

NOLUNTU: Ukubuza lityala na?

MTHUNZI: Ukuba nigqibile, masihambeni.

NQUMAMA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

EMOTWENI EHAMBAYO:

KUVAKALA IIMOTO EZIMANE ZIDLULA NGEZANTYA EZAHLUKENEYO.

MTHUNZI: Mfo wam, ndiza kufika ndikubeke nje phaya ebhasini. Ukuba ke ayikafiki, asizo kulindisa. Nathi kufuneka sileqile.

AWETHU: Hayi, noko, sesifikile.

NOLUNTU: Ubungathanga iphuma ngo-9?

AWETHU: Ingathi yiyo leya ime emva kwale imhlophe. Iyasuka apha ngo-9.

NOLUNTU: Kumkani, jikela ngaphaya, kukude kula bhasi xa uza kumisa apha. Ungathini ukufuna ukusindisa usana lwam ngomthwalo, ukuya ebhasini?

MTHUNZI: Indlovu ayisindwa ngumboko wayo. Khona ibiyintoni le mfuduko yamaSirayeli ayenzayo? Uth' uza kuphinda abuye kwelaRhini? Andiqondi.

KUVAKALE UKUNDUMZELA NOKUKHWAZA KWABANTU ABASERENKENI.

AWETHU: Nantsiya indawo yokumisa ngakula moto imthubi, tata.

MTHUNZI: Heke, yeyona ndawo ilungileyo le.

IMISE, ICIME IMOTO.

NOLUNTU: Masithembe ke ukuba akukho nto uyishiyileyo ekhaya.

MTHUNZI: Mfo wam, thula umthwalo wakho sendiyivulile ibhuthi. Sakutsalela umnxeba namhlanje xa sesibuya enkundleni, sikuxelele ukuba sihambe njani.

NOLUNTU: Hamba sana lwam, ungekathunywa imiyalezo kutata wakho ngoosisi ongabaziyo.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENKUNDLENI:

NOSANGO: Ndincede Nkosi ndithethe inyaniso, inyaniso kuphela. Ndincede Nkosi.

MANTYI: Ungaqhuba, mtshutshisi.

MTSHUTSHISI: Mandikubulele kakhulu ngokuthi ugqibe ukuba uncedisane nale nkundla. Luxanduva lweenkundla ukuba zikhusele abo bangakwaziyo ukuziphindezela. Mamela ke mam' uNosango, khawuxelele le nkundla ukuba kwenzeka ntoni ngelixesha wawuyolandwa ngabafana kwakho.

NOSANGO: Kwafika izibhovubhovu zabafana besithi basuka komkhulu. Ithi ikumkani mabeze nam kuba kukho into efuna ukuyiqonda kum.Ndacenga ke ukuba ndilinde abantwana ababesaye kubukela umabonakude kwaMlambo. Bala. Bandiqhuba ukuya komkhulu. Ndimke ndingatshixanga kwam.

MTSHUTSHISI: Kwenzeka ntoni wakube ufikile komkhulu?

NOSANGO: Bandithatha bandifaka kuronta, bandibophelela entsikeni.

MTSHUTSHISI: Kusenzeka konke oku uphi ukumkani?

NOSANGO: Wangena endlini enkulu nje ukungena kwam eyadini yakhe.

MTSHUTSHISI: Sisamamele.

NOSANGO: Batshixa ucango, batshintshisana ngokumana bendikroba, bemana bendipha amanzi ngelinye ixesha. Xa ndiya ngasese bebendikhapha. Ndakhululeka apho

ngosuku lwesithathu. Endibonayo ke ukuba lilo elo abathi bafumana ngalo umyeni wam.

MTSHUTSHISI: Kwezi ntsuku zintathu uphaya utya ntoni?

NOSANGO: Bendisezwa amanzi la kanonkala.

MTSHUTSHISI: Kuyo yonke ke le nto ingaba ukhona umonzakalo owathi wawufumana?

NOSANGO: Ndasuza umsipha engalweni ngeli xesha bebenditsala ukuba ndihambe nabo.

MTSHUTSHISI: Kwaba bantu bebemane besiza bezokukroba ebekhona ukumkani kubo?

NOSANGO: Andikhumbuli.

MTSHUTSHISI: Ukufika kwakho phaya komkhulu ngobani abanye abantu, ngaphandle kokumkani, othe wababona phaya phandle, eyadini?

NOSANGO: Bekungekho mntu.

MTSHUTSHISI: Ndisatshaya.

MANTYI: Mmeli lithuba lakho ngoku.

JULUKA: Yimibuzo mibini nje. Mam' uNosango, wabona ukumkani esiya kungena endlini enkulu ukufika kwakho? Okanye ucinga ukuba wabona?

NOSANGO: Ndambona ukufika kwethu.

JULUKA: Ngezi ntsuku zintathu uphaya, ikhona into eyakhe yathethwa ngukumkani kuwe?

NOSANGO: Hayi.

JULUKA: Unyanisile apho. Ayikho into eyathethwa kuwe ngukumkani kuba ukumkani wayengekho kwayena kwakhe, phantse iveki yonke. Ndibeka kuwe ukuba bubuvuvu obu ubuqambayo apha. Akukho kwanto yakumkani owayibona ingena endlini. Wena awuyiboni ingaqhelekanga into yokuba kuthiwe ufunwa ngumntu,

uthi wakuya kwakhe angezi kuwe kodwa ekhona? Akukho nto ethandabuzisayo apho?

NOSANGO: Ndambona ukufika kwethu.

JULUKA: Sakuphinda sibuyele kuloo mbuzo. Makhe siqale apha. Kweligquba lesifana ebesize kulanda ngobani obaziyo obabonileyo?

NOSANGO: Bekukhokela uVenene, kukho nomnye umfana wasemaQadini. Amawele akwaGwebindlala ebekho omabini. NoSkhumbasenja, noMandununu bebekhona.

JULUKA: Umtshutshisi ukubuzile ukuba kwaba bantu bebemana bezokukroba ukhe wakhona na ukumkani phakathi kwabo, wathi awukhumbuli. Ngumnqa lowo, kuba zonke ezinye izinto ubuzikhumbula, ngoku le ayikhumbuleki. Uyayazi ukuba kutheni ingakhumbuleki nje? Yinto yokuba ayikho. Uyayazi ukuba wayengekho ukumkani.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

ECALENI KWENDLELA:

KUVAKALA IIMOTO EZEHLA ZISENYUKA NGOKUBALEKA. ABANTU

ABANDUMZELAYO BAYAVAKALA.

NOZAMILE: Seniwabizile ke amapolisa?

SDUMBU: Angafika nanini na ngoku.

NOZAMILE: Nithi akuzugwetywa? Ngubani umntu okhathalele ukubulala uNgoma? Yizani nengubo bantu bakuthi ningqume, abantwana mabangaboni lo mbono.

SDUMBU: Abantu bakhohlakele. Umntu obembulala ebecinga ukuba akazobonakala phatsi kwala mahlahla.

NOZAMILE: Uthi ebemgquma ngawo? Ingathi kanti ngumntu obecinga ukutshisa kwasi dumbu esi. Nithi abantu aba bangenwe yintoni?

KUVAKALE UKUKHALA KWENQWELO YAMAPOLISA.

SDUMBU: Vulani umtyhi apho angene amapolisa.

IMISE INQWELO KUVULEKE INGCANGO.

SAJINI: Buyani umva bantu bakuthi. Nithi kwenzeka ntoni apha?

SDUMBU: Sajini, kukho esi sidumbu sibonwe ngabantwana ababedlala apha.

SAJINI: Niyasazi?

SDUMBU: Ewe, nguNgoma lo, uhlal' ezants' apha.

SAJINI: (Ekhwaza) Khonstabhil Busobegqwirha, bhekelisa abo bantu abapho. Yenza nje, khupha intambo le imthubi yeplastiki urhangqe yonke le ndawo. Qala kulaa mthi, uze ngapha ngasevenini, uhle ngapha. Andifuni mntu ke apha ngaphakathi kwesisangqa senziwayo. Wonke omnye umntu makabhekele phaya.

SDUMBU: Ndilungile mna apha kule ndawo ndikuyo?

SAJINI: Yima njalo, bawo, kusekho ingcaciso endiyifunayo kuwe.

KUVAKALE UBUXHAKAXHAKA BOQHAGAMSHELWANO
LWAMAPOLISA.

Owva. Khanisiphe inqwelo yezidumbu. Silapha eMbizana, kule ngingqi yaseMavumezini. Owva. Ndiyakuva. Owva.

(Ebhekisa kuSdumbu) Bawo, ngubani umntu omdala wokuqala othe wabizwa ngabantwana?

SDUMBU: Babize mna, ngumzi wam lo.

SAJINI: Ubusithi kanene ngubani lo?

SDUMBU: NguNgoma kaNgoma. Kokwabo ngulaa mzi ume buxande. Lo upeyintwe bumpemvu.

SAJINI: Kanene wena bawo ungubani?

SDUMBU: NdinguSdumbusesele.

SAJINI: Nditsho igama lakho elisepasini.

SDUMBU: Lilo elo.

SAJINI: Baw' uSdumbusesele, ingaba ukhona umntu enimrhanela ngesisenzo? Nimele ukuba niyazana apha ekuhlaleni.

SDUMBU: Intliziyo yam ayimkhuphi ukumkani kule nto.

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 17.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENKUNDLENI:

MANTYI: Ukugqibelana kwethu ityala lotshutshiso belivaliwe, abiziwe onke amangqina. Ummeli ukhokele ubungqina buka mmangalelwa, waze umtshutshisi wamphicotha ngemibuza. Xa kulapha ke ndilindele iingxoxo zenu. Qala, mtshutshisi.

MTSHUTSHISI: Nkundla ebekekileyo, ndicela ukuba ummangalelwa afunyaniswe enetyala kuzo zonke izityholo abebekwa zona. Intsusa mabandla kuba ummangalelwa uphikisene nomhlathi wama-31 womgaqo-siseko. Intsontela embophelelayo ummangalelwa yeyokuba kuzo zonke ezizityholo nguyeyonike umyalelo. Ngokomthetho umyaleli uthwala uxanduva olunye nelo myalelwa. Into esingayo yeyokuba ummangalelwa akalazanga elakhe igunya ukuba liqala phi liphele phi na. Ade asixhenxe amangqina endiwabizileyo, onke athetha into enye. Kuko ke okubangela ndithi inkundla mayibhence ubungqina obuphambi kwayo, ithathe isigqibo. Isigwebo esiwiswayo kwisityholo ngasinye ndicela ukuba sifanele isenzo. Sifundise isifundo nakwabanye abantu abaceba ukwenza izinto ezinje. Ndisatshaya.

MANTYI: Mhlekazi uJuluka khawuphose awokuququmbela?

JULUKA: Mhlekazi, ndicela le nkundla ukuba iqwalasele ubungqina obuphambi kwayo. Ndifuna ukubethelela umnwe kwinto yokuba kuwo onke amangqina abizwe apha alikho nalinye elithe likhe lambona okanye lamva ummangalelwa enika umyalelo. Ummangalelwa ume apha kuba ebesenza umsebenzi wakhe. Sivile ingqina emva kwelinye lisitsho ukuba zonke ezi zinto bezigqitywa enkundleni yakomkhulu. Ngoku sithi ummangalelwa makafele izono zabanye abantu? Babiziwe abantu ababandakanyekayo. Kwenziwe ntoni ngabo? Ayikho. Yintoni le siyifuna kukumkani? UMawawa yena ucace zibekwa ukuba ulingqina elingathembekanga. Uyitsolisile into yokuba ukrokrela unyawo lwemfene kukumkani ngento

yokubanjwa kwakhe kwiminyaka emihlanu edlulileyo. Ukutshiswa kwendlu yakhe akunakuxhonywa kummangalelwa, kuba ebengekho kolo tshiso. Ndiyacela ukuba inkundla inyathele ngobuchule kulo mba, kuba ngoku kungqubana amagunya obukumkani nomthetho waseNtshona. Makhe ndikhok' umoya.

MANTYI: Nabani na othe walimamela eli tyala oko liqalile, unemibuzo. Mibuzo leyo efuna iimpendulo. Ukuze ke kufezekiseke injongo zomthetho, le nkundla ibona kufanelekile ukuba ifumane ithuba lokuphonononga bonke ubungqina obunikwe apha. Ndiceba ukuba sibuye kwakhona ngomhla wamashumi amabini anesine, kule nyanga, apho ndakuthi ndiwise isigwebo khona. Mtshutshisi, likufanele olo suku?

MTSHUTSHISI: Lihle, mhlekazi.

JULUKA: Andinangxaki, mhlekazi.

MANTYI: Phakama mmangalelwa. Ityala lakho silimisela umhla wama-24 kule imiyo. Ngalo olo suku kwakube kuwiswa isigwebo. Le nkundla iya kukhumbuza ke ukuba ungalibali ukuba usengaphandla ngebheyile yasimahla. Ngomhla wetyala ulindeleke ukuba ube lapha ngecala emva kwentsimbi yesibhozo, uhlale de ubizwe. Ungakhululeka.

POLISA: Phakaman' enkundleni.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

NGORHATYA:

ENDLINI:

MTHUNZI: Hayi, mani, kwenzeka ntoni apha? Tyhini, ziphi impahla zikaNoluntu? Awu, nezinto zokuthambisa zakhe azikho? Kwenzeka ntoni apha? Hhhi.

KUCOFWA UMNXEBA UKHALE, UPHENDULWE KELINYE ICALA.

NOLUNTU: Khala ndikuvuthele.

MTHUNZI: Noluntu, ndibona kusihlwa akubonakali endlini.

NOLUNTU: Ke ngoku ukhathazwa yintoni apho? Uhlala kum?

MTHUNZI: Uphi kanti, mfondini.

NOLUNTU: Bhut' kumkani, ndicela ungandenzeli isifuthuthu. Ndikushiye nendlu yakho ukhe uphole. Ndikunika iVISA, ungahamba uyomlanda.

MTHUNZI: Noluntu, zizinto zobuntwana ke ngoku ezi uzenzayo.

NOLUNTU: Kudala ndikuqonda ukuba ungcilile. Ulala nabantwana ngoku? Thetha, ingathi iseninzi into ekusafuneka uyithethile.

MTHUNZI: Noluntu, uphi?

NOLUNTU: Ndiyazazi apho ndikhoyo.

MTHUNZI: Mna andikwazi apho ukhoyo. Uphi?

NOLUNTU: Ukuba uyakwazi ephiko phantsi komkhono ungeza kundilanda.

MTHUNZI: Noluntu, uyenziswa yintoni le nto?

NOLUNTU: Ndiyenziswa yile ungayenziyo.

MTHUNZI: Yintoni leyo?

NOLUNTU: Ungazenzi muncu, bhuti.

MTHUNZI: Yintoni leyo?

NOLUNTU: Ude waya kulenza olwavavanyo besithethe ngalo kanene?

MTHUNZI: Hayi mani, Noluntu, yiloo nto kanti le? Benditshilo nje kuwe ukuba ndizakuya kuyenza le nto nje?

NOLUNTU: Mamela ke, bhuti, uyazazi inombolo zam. Xa usiya uzundikhwaze emnxebeni sakudibana khona. Andikholwa ukuba ikhona enye into ngoku, ndifuna ukuphumla.

MTHUNZI: Kant' uphi na?

NOLUNTU: NdiseVovayisi emlom' omama.

UMCULO OKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENDLINI:

KUVAKALA UKUNDUMZELA KWABANTU.

JONGINGQIQO: Phendulani, madoda, niyamva uSdumbu nanku ewubeka umcimbi.

SDUMBU: Akukho nto intle kwaphela.

SAKHONO: Masibulele, Sdumbu, ukuba usihlebele lo mcimbi. Ngokwazi kwam kummelwe ukuba kubizwe ilali, kubethwe imali, umntu angcwabeke. Noko akanokungangwabeki uNgoma kuba abantu bakhe bengenamali.

SDUMBU: Bendifuna ndimthele thsuphe nomhlekezi ngalo mba, mhlawumbi anganecebo.

JONGINGQIQO: Usaxakeke kakhulu ukumkani, akunakwazi ukumbona ngoku. Phofu ke le into ibingafuni yena. Wuyekele apha kuthi lo mcimbi, sakubiza ilali sibonisane.

SAKHONO: Akukavakali mkhondo ngalo mntu ubulele uNgoma? Xa ebembulalela ntoni? Ngubani ongamaziyo uNgoma?

SDUMBU: Masilinde amapolisa agqibe uphando lwawo. Noko, ukuba ngumntu olapha kufutshane uza kufumaneka kungekudala.

SAKHONO: Njengokuba kuthiwa le nto yehle phaya ngakwakhona nje Sdumbu, akukhange uve nengxolo le?

SDUMBU: Ayenzekelanga phaya ngakum le nto. Ntonje isidumbu sifunyenwe phaya ngakwam. Kuyacaca ukuba orheme bambulalele kulo ndawo baze bamthatha baza kumfihla phaya kula mahlahla.

SAKHONO: Umntu obulele uNgoma akasoze alingene izulu.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

EBUSUKU:

ENDLWINI:

UNOZAMILE UTSHO NGESIKHALO EBUTHONGWENI.

SDUMBU: Hayi mani, yintoni le uyenzayo?

NOZAMILE: (Esenobuthongo) Hhi?

SDUMBU: Vuka, Nozamile. Yintoni le uyenzayo?

NOZAMILE: Ndenze ntoni ngoku? Layita ikhandlela ndibone.

SDUMBU: Sisijwili santoni esi usenzayo?

NOZAMILE: Isijwili? Yhoo, andikhange ndizive.

SDUMBU: Utheni uyaphupha? Uphupha ntoni?

NOZAMILE: Khandiyeke ndilale.

SDUMBU: Ndikuyeke ulale? Mna ndilale njani zezi zijwili ozenzayo?

NOZAMILE: Hayi, ibiliphupha elibi eli.

SDUMBU: Liphupha elitheni na eli likukhalisayo?

NOZAMILE: Ubona nje umosha ubuthongo bam.

SDUMBU: Hhe wethu, ayikho le uyithethayo. Nguwe lo omosha ubuthongo bam. Yintoni le ikhalisayo ephupheni?

NOZAMILE: Ndiphupha ndileqwa nguNgoma ngesinkempe.

SDUMBU: Ayingomhlola na lowo? Uphupha ngoNgoma lo ungekagqabhuki nenyongo?

NOZAMILE: Ewe nguye, uyandileqa, ndiyawa ndiphinde ndivuke, abe esemva kwam.

SDUMBU: Nozamide, wazi ntoni ngokufa kukaNgoma?

NOZAMILE: Efana nantoni?

SDUMBU: Ubulewe nguwe uNgoma? Yintoni eza kubangela ukuba akuleqe emaphupheni singekambeki nokumbeka? Ikhona into endingayaziyo ebekumelwe ukuba ndiya yazi?

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 18.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENDLINI:

JONGINGQIQO: Zambi ke ezi ndaba uzibekayo, bawokazi. Kodwa lona icebo liya kuzakha. Nangona ndingenalwazi ngalo matshini uthetha ngawo, kodwa ukuba usebenza ngolu hlobo osichazele ngalo andikholwa ukuba ungaphumelela.

SAKHONO: Iyandibhida ke le yalo matshini. Umatshini ukwazi njani ukwazi ukuba ayikho le nto uyithethayo? Uxelelwa ngubani?

MTHUNZI; Kanti ke injalo, bawokazi. Bobubugqwirha babelungu. Bona bathakatha emini njengokuba nina nilindela kude kube mnyama.

SAKHONO: Ungasuke umchazele inyani nje uNoluntu?

MTHUNZI: Ingabe ndiyazixhoma, Sakhono. Ndakhaba ngawo osixhenxe, andinakuba salivuma ngoku.

SAKHONO: Theth' inyani xa ufuna ukulungelwa.

MTHUNZI: Ndakuthetha inyani lo mfazi usuke acule iculo likaThandiswa Mazwai.

SAKHONO: Iculo elithini elo?

MTHUNZI: Ndakusuka ndithathe izinto zam ndigoduke.

JONGINGQIQO: Ityala ayingo mafutha. Kufuneka ucingisise, kumkani. Okwam ukubona kukuya kumlanda, sizenze izidenge ngesizathu esibangele ukuba aphind' indlela. Kaloku ayibukeleki into yokungabikho kwekumkanikazi phakathi kwekomkhulu. Mna ndithi masiyeni, siye kumlanda. Sibeke phambili into yokuba lo mcimbi sakuwuxoxa apha ekhaya.

SAKHONO: Ukuba uyala ukubuya sakuthini?

JONGINGQIQO: Ngumbuzo wamagwala lowo, Sakhono. Ukuba asilenzi eli linge sakubona njani ukuba masithini? Phaya asiyi kuxoxa naye, siya kubazali bakhe. Ulotyolwe kaloku lo mfazi. Ikhazi lakhe liphume kwiinkomo zaMathunzi. AMathunzi ke ngoku ayabhekabheka xa engamboni umolokazana wawo.

MTHUNZI: Bobawokazi, ingathi uJongingqiqo ukulo. Isiziba siviwa ngodondolo. Masikhuphe amadoda aye.

SAKHONO: Uqinisekile ukuba ukowabo?

JONGINGQIQO: Yintoni na le uyibuzayo, Sakhono? Ngumfazi lo, xa engekho emzini wakhe umele ukuba ukowabo. Mandizigqatse ndithi ndiza kulikhokela igqiza eliya phaya.

MTHUNZI: Ingathi ngesimkrweca uSomakhonkco, makangcambaze esiya. Xa nihamba naye angakwazi ukuzenza izinto zibe lula, kuba unokuzalana anako phaya.

SAKHONO: Nokuba ndinokushiyeke mna. Noko abantu ababini balungile.

JONGINGQIQO: Undibeth' emlonyeni, Sakhono, nam bendiza kuthi shiyeka. Ndiyakubona ukuba sowunguTomasi ngoku, uyathandabuza. Andinakuhamba namagwala.

MTHUNZI: Misani ixesha ke xa nidibene noSomakhonkco. Mna ndiza kuxelela uBhut' aseBhayi anibalekise ngelo xesha nithe nalimisa.

SAKHONO: Masele siqoshelisa nalo mcimbi kaNgoma. Side sathini silikomkhulu?

MTHUNZI: Asiyigqibanga kanene leyo?

JONGINGQIQO: Ewe, besele siyixovule thina sobabini, mntwanomhle, kodwa ke bendingekamhlebeli uSakhono. Sakhono, sibonisene nobawokazi, sathi sakubanika iigusha ezimbini. Into ke endingekayazi yile yokutya, kuba ukumkanikazi ebethe uya kufaka isandla naye ngokungcedisa ngenkinqa. Naku ke engekho phakathi kwethu. Siza kubuye siyibone ke le ukuba iza kuhamba eyiphi na indlela.

SAKHONO: (Ethethela phantsi) Yekabani ke le moto ingathi izapha?

MTHUNZI: Ayingomhlola na lo? (Esenyusa ilizwi) Zodwa.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

ECALENI KWENDLU

KUVAKALA IINKOMO EZITYA KUFUTSHANE NENDLU.

NOZAMILE: Ngobani abaya behla kulaa mmango? Ingathi nguBhut' aseBhayi nje lowa onxibe isuti engathi ibikhothwe ngamathole.

SDUMBU: Ndiza kuba bona njani xa ungababoni wena? Ingathi kuza kufuneka singene endlini kuba ndiyabona ukuba imehlo lakho alizinzanga apha. Uyakuyigqiba nini into yokufuna ukwazi ukuba ngoobani abahamba phi? Ilali ixakekile.

NOZAMILE: Mhlawumbi ngabantu abaya kuvela phaya kwaQhinebe.

SDUMBU: Andikayikholelwa le nto kaQhinebe? Kutheni lento ingathi siza kungcwaba rhoqo ngeveki kulelali? Ayiyodwanga le nto. Sisajongene nekaNgoma into ngoku kuthi thu le? Yangathi ebelindele nje ukuba anike ubungqina enkundleni.

NOZAMILE: Ufuna ukuthi kutheni?

SDUMBU: Endiyithethayo yeyokuba ayiyodwanga le nto. Apho ndibhideka khona kuba ukuba ngukumkani lo wenze le nto bekutheni angayenzi phambi kokuba anikezele ngobungqina uQhinebe. Inceda ntoni into yokumbulala segqibile ukuthetha?

NOZAMILE: Ndikhe ndakubuza ukuba ufuna ukuthi nantsi intoni na.

SDUMBU: Andimkhuphi ukumkani kule nto.

NOZAMILE: Ungatsho nje ukuba akuphilanga? Ungena phi ukumkani kule nto? Umntu obethwe ngumbane?

SDUMBU: Utsho kuba ungazi nto wena. Liyasetyenziswa izulu ngabantu abawaziyo umthi. Kutheni belandelana nje uNgoma noQhinebe? Uthi akukho nyawo lwemfene kule nto?

NOZAMILE: Igama lo mntu yipont' eneshumi. Ungalibali ukuba ubukhe watyhola mna ngokuthakatha uNgoma, ngoku ungena kukumkani, ingathi ngowuphela ngam lo.

SDUMBU: Kwazi bani ukuba anidibenanga? Amagqwirha ayaqumana.

NOZAMILE: Ifana nje nawe oquma kwanto kweza zinto nizixoxa komkhulu.

SDUMBU: Ugqibele nini ukundiva ndisithi ndiya komkhulu?

NOZAMILE: Ude ke ungayitsho into yokuba kwemka kwakumkanikazi lowo?

SDUMBU: Yinto yanini leyo?

NOZAMILE: Wena wonke, uthi yinto yanini na leyo? Ingaba zisebenza kakuhle iindlebe zam?

SDUMBU: Ndiyazibula ukuyiva njengokuba uyithetha.

NOZAMILE: Wemnkayo loo kumkanikazi wenu webhongo.

SDUMBU: Yintoni?

NOZAMILE: Ikhona enye into ngaphandle kwamantombazana? Uyamazi indlela azithanda ngayo iilokhwe ukumkani, ngokungathi wasezwa amasi ebhokhwe esemncinci. Into evakalayo ngoku yeyokuba wenze nzima intombi yaseDikeni ebencuma nayo. Loo tyhibosho ke iye kufikelela ezindlebeni zekumkanikazi. Abazaziyo bathi ayibuyi ikumkanikazi, ithi iyawuqhawula loo mtshatwana kahili.

SDUMBU: Hayi mani, angayenza njani loo nto ukumkani?

NOZAMILE: Umntu uqale nini ukungamazi ukuba wenziwa nzima njani? Yintoni le uyibuzayo? Khona zikuphose njani ezi ndaba njengokuba ungumasilangentungo nje?

SDUMBU: Ungakhe ulinge uqalise.

KUVAKALE UMGQUMO WEVENI EFIKA IMISE. KUVULELKE IINGCANGO.

NOZAMILE: (Ethethela phantsi) Sdumbu, eze kuwe la mapolisa? Wenze ntoni?

SDUMBU: Ndiqale nini ukuba ngurhunta? Ndiza kuyazi njani into efunwa ngamapolisa engekayichazi? Walinde asondele.

NOZAMILE: Thula kaloku, bangade basive. Nabaya bengena esangweni. Kazi ukuba ayonto imbi na.

SAJINI: Molweni ekhaya.

SDUMBU: Molo, Sajini.

SAJINI: Ndafika kamandi nisagcakamele ilanga.

SDUMBU: Kuba besiza kuthini na, sajini? Kaloku saba yile mibutya. Sijikajikana neli langa lide liye kunina. Kuthi yinto yezimini.

SAJINI: Phofu ke nomzimba uyalifuna eli langa ukuze amathambo akhululeke.

SDUMBU: Hlala kweso situlo, sajini Ndakhe ndeva ukuba umntu womthetho akabuzwa mpilo hleze kuthi kanti uyalibazisa. Usikhumbule ngantoni namhlanje, sajini?

NOZAMILE: Mandibe ndingena apha endlini ndikhe ndigqibezele ukuhlamba izitya.

KUVAKALE IZINGQI EZIBHEKA PHAYA.

SAJINI: Usandikhumbula, bawo?

- SDUMBU: Nokuba ndingumbutya kodwa andikatyhaphaki. Abakhe babonana baphinda babonane.
- SAJINI: Ndiya vuya ke kuba usandikhumbula. Ndilapha ngokufuna ingcaciso yeza zinto besithetha ngazo apha. Laa nto kaNgoma.
- SDUMBU: Ndizindlebe ndonke, mntuwomthetho.
- SAJINI: Kulaa ncoko sasinayo wathi urhanela ikumkani ngokubhubha kukaNgoma. Yintoni eyayibangela ukuba urhane ngolo hlobo?
- SDUMBU: Besenditshilo ke, sajini, ukuba siyile mibutya siyiyo. Imibutya efana nathi ke ifane ithethe. Ndaziva senditshilo.
- SAJINI: Bawo, kungaqhuma kojiwe. Ikhona into evuse ezoo ngcinga kuwe. Nokuba ingancinci kangakanani na hleze ibe luncedo kuphando lwethu.
- SDUMBU: Anikamfumani umbulali kaNgoma nangoku?
- SAJINI: Uncedo lwakho hleze lusinike omnye umkhondo emasiwulandele. Into esiyifunayo kukubamba umoni. Khawutsho, ibinjani imvisiswano phakathi kwekumkani noNgoma?
- SDUMBU: Bekungekho nto kangako. UNgoma njengokuba sele usazi, ebengumntu ongaziphilelanga. Ibingumntu ke ofane athethe nje. Into athe wadibana nazo zihletywa ebezithi paha nakubani. Ewe, ezinye beziyi mfeketho, kodwa zikho ezinobuzaza.
- SAJINI: Makhe sijonge ezi zinto zinobuzaza ebezithetha. Zizinto ezinjani?
- SDUMBU: Sajini, ingathi undibeka emkhumbini ngoku?
- SAJINI: Akunjalo nakanye, bawo. Thatha ixesha lakho ucingisise.
- SDUMBU: Ininzi into ebeyithetha laa mfo. Andazi ukuba mandiqale ngaphi?

SAJINI: Masizame ke ukuncedisana. IBizintoni athe wazithetha ngekumkani?

SDUMBU: Phantse yonke into yaphaya ebeyazi uNgoma singekayazi thina, ngexa singamaphakathi.

SAJINI: Yenzeka njani loo nto? Ebesoloko ephaya komkhulu uNgoma?

SDUMBU: Ibingenomntu obefane aye komkhulu, ngaphandle kokuba kukho loo nto. Ibingumnqa nakubani na ukuba uzazela phi ezi zinto uNgoma.

SAJINI: Bawo, ingathi ikhona into eshotayo kweli bali lakho. Yintoni le ungandi xeledi yona?

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 19.

NGAPHAKATHI:

EBUSUKU:

ENDLINI:

INGOMA KASTOMPIE MAVI ETHI 'UNOMNGANGA' IVAKALA IDLALELA EZANTSI.

MTHUNZI: Ubungumntu ngena.

KUVULEKE UCANGO KUVAKALE IZINGQI ZABANTU ABANGENAYO.

JONGINGQIQO: Kanti usahleli njengokuba ndicinga ukuba sakufika ulele.

MTHUNZI: Ndiyayiva into yokuba ikhona le nto itsho ngelitha apha efestileni. Molo, Noluntu.

NOLUNTU: Molo nawe.

MTHUNZI: Kutheni, yangathi uya ndiphoxa?

NOLUNTU: Ukuba bendikupha ooxa, ngendikunika nebhegi yabo.

JONGINGQIQO: Yimani nje kancinci ke babhem. Sanukuqala enye ingxoxo sisuka kwenye. Kumkanikazi, hlala apha. Kuhlwile noko, nathi kufuneka siye emakhaya.

MTHUNZI: Ingathi uBhut' aseBhayi akade angene nje?

SOMAKHONKCO: Ebesithi uzakungenisa laa mathole alapha ebaleni. Nangaya amanye phaya eplanteshini.

MTHUNZI: Vala ucango olo ke, Somakhonkco.

KUVALEKE UCANGO.

JONGINGQIQO: Kumkani, sihambe kakuhle, sabuya. Esibuya nako ke nesivene ngako kukuba umolokazana abuye abephakathi kwethu. Sibone ngasonye nekhaya ukuba kuyafuneka ekho ngekhaya, ikakhulu ngeli xesha wena usajongene neenkundla. Sabonisana ukuba izinto ezikhoyo phakathi kwenu mazilinde de

siqabelise lo umcimbi. Ukuba kukho into endiyishiyelelayo uyakongeza
Somakhonkco

SOMAKHONKCO: Kunje ngokuba usitsho Jongingqiqo.

MTHUNZI: Bobawo, mandibulele, nenze umsebenzi omkhulu ukundilandela usapho lwam.

SOMAKHONKCO: Into emandiyicele kuwe kumkani, apha phambi komolokazana, thobani imimoya. Imimoya yenu nobabini ingathi iphezulu. Ndiyabona ke ukuba nenziwa yinto yokuba igazi lenu lise litsha. Umzi umiswa ngemvisiswano. Xa omnye enonxa ngakomnye, malingatshoni elalo mini kusabanjanwe ngaloo nto. Mayithethwe ephelayo iphele. Eningakwazi ukuyisombulula khethani umntu enimthembileyo akhe anijongele. Kuba ukuba nina niza kuzijongela ngokwenu kwakuqhawuka kuhlangu. Ndimile kumkani wam.

JONGINGQIQO: Ingaba ikhona enye into? UBhut' aseBhayi makasigoduse kumnyama ngoku.

MTHUNZI: Khange ade angene apha endlwini. Inokuba unilinde phandle.

KUVULEKA UCANGO LWENDLU.

JONGINGQIQO: Masibonane kusasa ke, bawokazi.

MTHUNZI: Nihambe kakuhle, bobawo.

KUVALEKE UCANGO.

IMOTO EGQUMAYO, IHAMBE, IYAVAKALA PHANDLE.

NOLUNTU: Mamela ke apha ke, bhuti, ndicela izinto zibe mbini. Ndicela singazixoxi, ndiya kuxelela. Ndicela uzilungiselele indawo yokulala kwela gumbi lokugqibela. Ukusukela ngoku uza kulala kulo.

MTHUNZI: Ayingomhlola na lo uwuthethayo ngoku?

NOLUNTU: Ufane uhlolizisa nje, umhlola akuwazi, useza kuwubona. Okwesibini

MTHUNZI: Noluntu, sukuqalisa ngochuku.

NOLUNTU: Uchuku? Uyalazi uchuku okanye uchukuzisa nje kuba kuchukuziswa? Mamela ke, bhuti, eyesibini into emawuyazi yeyokuba ndilapha nje kude kudlule esisikhwakhwalala sakho. Emva kwaso ukuba akuyi koluvavanyo ndithetha ngalo ungaphinde undikhangele. Undazi ukuba ndimke ukumka oku kumkiwayo xa umntu ekruqukile.

MTHUNZI: Noluntu, ingathi asikakwazi ukuthetha. Khawube undenzela into etyiwayo, nditye ndilale.

NOLUNTU: Bendingayoleli ngoku bendisithi ndiza kuthetha izinto zibe mbini, sendikhunjuzwa yile ugqiba ukuyithetha. Mamela ke, bhuti, ukusukela ngoku uza kuphakama uyozenzela into oyifunayo. Andibhantinti apha.

MTHUNZI: Uthini na, Noluntu? Akuzokukwenza oku kutya ndikufunayo?

NOLUNTU: Uphethe usana wena? Zizandla ezi unazo, bhuti, ayingomagqesha.

MTHUNZI: Utsho kum, Noluntu?

NOLUNTU: Nditsho kulo ungapha kwakho.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENKUNDLENI:

POLISA: Phakaman' enkundleni.

KUVAKALE UMNTU OHAMBA KUMGANGATHO WEPLANGA, AHLALE.

Ningahlala phantsi.

MANTYI: Ityala elichotshelwe yile nkundla leli kakumkani Mthunzi. Amatyala abekwa wona mane. Kwelokuqala kukho izityholo ezintathu, kwelesibini

kukwanjalo. Kwityala lesithathu nelesine ujongene nesityholo esinye kwityala ngalinye. Umsebenzi wale nkundla ke ibikukumamela ubungqina obunikwe apha, ukuze ihluze ubutyala. Xa ke ndichaphazela kulamatyala ndiza kuwaquka. Ingcombolo eziphelele zeli tyala ziyakufumaneka kunobhala wenkundla. Xa ndibetha koomofu ke mandiqale apha. Nangona kungekho nalinye ingqina elithe lamayamanisa ngqo nezi ziganeko ummangalelwa, kodwa bekungqinelwana ukuba ezi zinto zenzeke komkhulu. Umbuzo esala inawo le nkundla ngowokuba ukumkani ebengenalwazi na ngokwenzekayo. Ukuba ebenolwazi uyafana nomenzi wobubi. Kubungqina obufungelweyo bukammangalelwa akakhange abonise ukuba ebengenalwazi loko. Koko oko agxile kuko kuba akakhange athabathe nxaxheba. Le nkundla ifumanisa ukuba umtshutshisi ukwazile ukoyamanisa zonke ezi zenzo nekomkhulu. Ibe ngumnqa ke ukuba kumbandela kaNosango Mawawa abukho ubungqina obubonakalisa ukuba ikumkani ibingekho ngexesha kubanjwa uNosango. Ummeli wakhe ebesinike ezoo ngcinga xa ebephicotha ingqina ngemibuzo. Nalapho le nkundla ima emanzini xa izibuza ukuba ingaba yintoni eyona yenzekileyo. Kodwa kunjalo iqinisekile ukuba konke oku kwenzekile okanye kuqanjwe komkhulu. Le nkundla ke ayinamathandabuzo ukuba ukumkani lo imfumanisa enobutyala kuzo zonke izityholo atyatyekwa zona.

MTSHUTSHISI: Mhlekezazi wam, ndicela ukuba inkundla inqumame imizuzu emihlanu.

NQUMAMA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

KWAMANTYI:

KUVAKALA ISIKHALO EMVA.

JONGINGQIQO: Nozamile, khawuthathe uNoluntu lo uze naye ngapha.

NOZAMILE: Kumkanikazi, ayikho le nto uyenzayo, thoba umoya side sibone isiphelo.

JONGINGQIQO: Molokazana, khawume ngenyembezi. Ayikabi sisiphelo setyala eli.

NOLUNTU: (Efixiza) Njani nanku umantyi esithi umfumanisa enetyala?

JONGINGQIQO: Ewe kunjalo, kodwa isigwebo asikasazi. Khamkhangelele amanzi asele, Nozamile.

NOZAMILE: Masele singena kweli gumbi langasese akwazi ukusula ubuso.

KUVAKALA IZINGQI EZIBHEKA PHAYA.

JONGINGQIQO: Ayingomhlola na lo? Akukawiswa nesigwebo kodwa eli gqirhakazi selisitsho ngesijwili.

SAKHONO: Uthi ayizonyembezi zovuyo?

NQUMAMA.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENKUNDLENI:

MANTYI: Ndinikezela kuwe ke, mtshutshisi.

MTSHUTSHISI: Nkundla ebekekileyo, amade ngawetyala. Ityala silivavanyile, inkundla yagqiba, yamfumanisa enetyala ummangalelwa. Siyangqinelana nenkundla. Okwe nkundla ngoku kukuwisa isigwebo. Sigwebo eso esinqwenela ukuba sibeqatha. Ndicela ukuyikhumbuza le nkundla ukuba wonke umntu uyalingana phambi komthetho. Ngesigwebo esiza kuwiswa apha, makufundiswe nabanye abaceba ukwenza nje ukuba balumke. Zidibene zonke ezi zityholo abekwa zona ukumkani sifaka isicelo sokuba agwetywe amashumi amathathu eminyaka eqamele ngenqentsu. Besenditshilo, ndathi amade ibingawetyala.

MANTYI: Mandive kuwe ke mmeli kammangalelwa. Ningxengeza nithini?

JULUKA: Ndibulela kuba inkundla iphawule ukuba ummangalelwa akakhange akhonjwe ngqo ngamangqina. Ndicela ke ukuba inkundla ikuqwalasele oko xa kuwiswa isigwebo. Ukumkani lo uneminyaka engamashumi amane ubudala, utshatile, unomntwana omnye. Sicela ke le nkundla ukuba iqwalasele nendlela akhule

ngayo ummangalelwa. Ukhulele elubhacweni, imini zobuntwana akazazi. Izinto azaziyo kukudlala ngoombayimbayi e-Angola. Kusesisingqokru kuye ukuba uyise wangcungcuthekiswa ngurhulumente wephandle laseCiskei de wabalekela elubhacweni eZambia. Zonke ezi zinto azibone esemncinci zinako ukuchaphazela ukucinga kwakhe. Ezinkampini umntu ubejonga into eza kuye, nangoku nokuba ebekhona kwakhe xa bekusenzeka ezi zinto ebesacinga njalo. Phambi kokuba ndihlale phantsi, ndicela ukuyiqinisekisa le nkundla ukuba siya vumelana nelithi phambi komthetho wonke umntu uyalingana. Kodwa ke andifuni silibale ukuba sidilishana nekumkani apha. Nasiphi na isigqibo esakuthi sithatyathwe yile nkundla sakuchaphazela isizwe ngokubanzi. Xa iwisa isigwebo le nkundla ndicela iqwalasele ukuba uyaqala ukona ummangalelwa. Akazange wagwetywa ngaphambili. Sicela ukuba isigwebo esixhonywayo siqwalaselwe. Kungenjalo isigwebo esiwiswayo sibe nesohlwayo semali.

MANTYI: Phakama, mmangalelwa.

JULUKA: (Esebeza) Ikhona enye into ocinga ukuba ndingayongeza?

MTHUNZI: (Esebeza) Uyigqibile.

MANTYI: Uyakutsho ke xa ugqibile ukugqugula, mmeli.

JULUKA: Ungaqhuba, mhlekazi.

MANTYI: Ndiyithabathele ingqalelo yonke into ethethiweyo apha. Le nkundla ngoku iwisa isigwebo. Kwityala lokuqala, apho kukho izityholo ezithathu, zokutshiswa kwemizi yabantu, ndikugweba unyaka entolongweni ngesityholo ngasinye. Kwityala lesibini, elinezityholo ezithathu zokubetha ngenjongo zokwenzakalisa, ndikugweba iminyaka emithathu kwisityholo ngasinye. Kwityala lesithathu, elinesityholo esinye, sokuzama ukuba ngumqobo endleleni yomthetho, ndikugweba unyaka entolongweni. Kweli lokugqibela, lokuthimba uNosango Mawawa ndikuthumela entolongweni iminyaka emibini. Ukwenza umzekelo

zonke ezi zigwebo azinantlawulo. Iyonke iminyaka endikunika yona ilishumi elinesihlanu uqamele ngengqindi.

ABANTU: Yhoooooooo.

JULUKA: Nkundla ebekekileyo, ndicela ukwenza isibheno ekufunyanweni kukammangalelwa enetyala. Okwesibini, isigwebo esiwisiweyo. Ndicela ke ukuba ummangalelwa abe ngaphandle ngemigaqo anayo yebheyile de isibheno sibe siyamanyelwa yinkundla yezibheno.

MANTYI: Mtshutshisi, ingaba ikhona ingxaki onayo nesicelo sommeli?

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 20.

NGAPHANDLE:

EMINI:

EBALENI:

KUVAKALA INGXOLO YABANTU ABANINZI.

SOMAKHONKCO: Hayi madoda, ubemhle lo msebenzi kaNgoma. Uyayibona le nyambalala yabantu? Ngubani obenokuthi ngumngcwabo wegeza lo.

SAKHONO: Andide ndiyiqonde kakuhle le nto yobugeza bukaNgoma. Ngamanye amaxesha ebethetha into enengqondo, kodwa ungazi ukuba kutheni, phakathi naphakathi umbone sekwenye. Kona ukuphazamiseka bekukhona, kodwa kuphazamiseke umntu obenengqondo.

SDUMBU: Sakuphinda sizifundelwe ngubani iindaba ngoku?

SAKHONO: Khona umntu ebesithi ubulala uNgoma ebesithi wenza ntoni?

SDUMBU: Ilizwe selajika ngoku. Abantu baphethwe bubulwanyana phandl' apha.

SOMAKHONKCO: Kanti uNgoma ebesene ntombi enkulu kangaka. Jonga nantsiya ihleli ngakwaba bafazi. Nantsi inelokhwe empemvu.

SAKHONO: Ebeseza kwendisa uNgoma.

NOZAMILE: Uxolweni botata. Sdumbu, ndisachwechwela ekhaya. Uyakundifumana khona.

SAKHONO: Xa uhamba ngoku izitya zakuhlanjwa ngobani?

NOZAMILE: Hayi, bhuti, andisengomfazana noko. Bakhona oomakoti.

SAKHONO: Ngoku ufuna umyeni wakho ashiyeke noomakoti?

NOZAMILE: Angashiyeka nabo ngoomolokazana bakhe.

SDUMBU: He madoda, mandisele ndisithi chu nalo mfazi. Ndiziva ndityhafile ngokungathi ndiza kuva into embi. Ingathi kanti nam ndiza kukhab' ibhekile. Ukuba ndiyayikhaba mandiyikhabele phaya kwam.

SOMAKHONKCO: Phakama, ungafeli apha, Sdumbu. Kutheni nisuke nabhetyebhetye olu hlobo? Sowufuna ukulandela isihlobo sakho uNgoma? Khawulinde kuqala side sifihle noQhinebe, ufe ke nawe. Umhlaba usemninzi nawe siza kungcwaba. Thina asiyi ndawo kulo mhlaba. Kumandi apha.

SDUMBU: Awunakutsho wena, Somakhonkco, usengumntu kagqirha nangoku. Ugqiba ukuvuka phantsi ngoku. Wena Somakhonkco ukuba ndingaphikana nawe ndingatshonelwa lilanga.

SOMAKHONKCO: Uyaqonda ukuba malikutshonele ilanga ukwakho, ukuba ufike kuhlwile uza kuyibeka apha kuNozamile.

SDUMBU: Ndibek' apha intoni?

SAKHONO: Nimane nizenza ingathi aniboyiki abafazi, kodwa niyangcangcazela bakuthetha. UNozamile ufike apha sizihlelele, nako wena uyarhuqeka. Uyikharavani?

SDUMBU: Madoda kungcono ukuba ndibe yikharavani, kunokuba ndiqhutywe. Kungcono ukurhuqwa kuno kutyhalwa. Into mna endiyaziyo yeyokuba ayikho indoda engamoyikiyo umfazi wayo. Engamoyikiyo, ayinaye. Nisale kakuhle ke nina makroti, limkile igwala.

NQUMAMA.

SAKHONO: Somakhonkco, ikumkani iphelele phi noJongingqiqo?

SOMAKHONKCO: Kanti akumvanga uJongingqiqo ngoku athi basaya kukhangela into yokuthoba? Imoto ikhweze phaya, ndiyaqonda ukuba baye eXesi.

SAKHONO: Bandishiyela ntoni ke mna? Ngubani ongomanga kweli langa?

SOMAKHONKCO: Bendiba uyabeve.

SAKHONO: Inokuba kungelixesha bendisancokola nababafana baseKapa. Imbi ke into abeyenzileyo, ndomme kangaka. Ndinqwenela ukuba batsarwe bobotywala baziminca ngabo.

SOMAKHONKCO: Sakhono, akunakude uthethe ngolo hlobo, ukuthetha kuyadala.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHANDLE:

EBUSUKU:

ENDLELENI:

KUVAKALE IMOTO EHAMBA NGESANTYA ESIPHEZULU ENDDLELENI.

JONGINGQIQO: Kumkani, andikulawuli koko ndicela uthobe isantya. Noko akukho apho sileqa khona. Kule ndawo kungakho inkomo ezingena endleleni, zisithi thu kula matyholo.

MTHUNZI: (Evakala ukuba utye kanobom) Zinkomo eziza kuvela phi ngelixesha? Iinkomo azivalelwanga ngoku?

JONGINGQIQO: Mthunzi, ucengwa ndim, khawuthobe isantya esi. Uyayibona ukuba ngoku umane uphumela ecaleni.

MTHUNZI: Itheth' ukuthini loo nto? Ufun' ukundifundisa ukuqhuba ngoku?

KUVAKALA ISIKHALO SENQWELO YAMAPOLISA. ZIMISE ZONKE IMOTO.

KUVAKALE IZINGQI ZOMTHETHO ZIHAMBA ETHENI, ZIME.

SAJINI: Mhlekezi, yintoni le uyiqhubayo?

MTHUNZI: Iyandiphandla letotshi yakho, polisa.

SAJINI: Mhlekezi, ndithi yintoni le ntlanzi uyiqhubayo? Kutheni imoto yakho ingathi ayiyibambi indlela?

MTHUNZI: Mhlekezi wam, ndiyaqonda ukuba ndifunyenwe bubuthongo.

SAJINI: Ingathi akuwedwanga nje?

JONGINGQIQO: Ewe, sihamba sobabini, polisa.

SAJINI: Uthi andiyiboni loo nto? Ndibuza umqhubi lo. Khawuphume apha emotweni.

KUVULEKE INGCANGO.

Khawume ngomlenze omnye. (Nqumama) Uyazibona ukuba kunzima nokuma?
Andinakuvumela uqhube unje.

JONGINGQIQO: Ndod' akuthi, ibeyimpazamo nje. Ndimcelela uxolo umntwanenkosi.

SAJINI: Jonga bawo, ndilipolisa into endiyiyo. Umsebenzi wam kukubamba, ndivalele.
Ukuba umntu ufuna ukucela uxolo, uya kulucela kumantyi. Lo yena umntu
andinakumyeka.

JONGINGQIQO: Mntwanomhle, nawe uyindoda, uyazazi ingxaki zobudoda. Le ndoda
ineengxaki ezingumangaliso. Ndicela ukuba usivumele ukuba sibize omnye
umqhubi aze kusinceda. Noko sekukufutshane ekhaya.

SAJINI: Ungabe uzincedile xa unokukhangela omnye umntu kuba lo ndiza kumfaka apha
kum evenini. Uzakulal' ebaliwe, avuk' echetyiwe.

JONGINGQIQO: Mntwanomhle, asazani kanene?

SAJINI: Bawo, ayiloxesha lokwazana eli.

JONGINGQIQO: Mhlekezazi, yikumkani le?

SAJINI: Hhheeee. Ukumkani ubani?

JONGINGQIQO: NguBhebhethimpundulu lo.

SAJINI: Ubungatsho kwakuqala nje. Kutheni enje? Nivela phi?

JONGINGQIQO: Siphuma apha edolophini eXesi. Mntanenkosi, senzele inceba, ewe ikumkani ityile, kodwa ke loo nto singayithetha isidoda. Noko akukho mntu wonakalelweyo apha.

SAJINI: Mamela ke, bawo, masenze ngolu hlobo. Aninakuxakwa ndim noko. Masithethe into ephelayo. Fownelani umntu oza kuninceda aqhube le moto. Ningasuki apha. Mna ke ndakuba yinja yenu, ndixhomekeke kuloo nto nindibonelela ngayo, ndakuzonwabela ndakuphuma edyutini.

JONGINGQIQO: Kancinci nje ke. (Ethethela phantsi) Bawokazi, khawuthi ikhulu lerandi.

MTHUNZI: Khangela phaya esipajini, apha emotweni.

JONGINGQIQO: Kancinci nje, mhlekazi. (Nqumama) Heke, khawungcolise ipokotho apha.

SAJINI: Uyakwazi ukwenza. Mandinishiye ke apha. Ningake nilinge nisuke engafikanga umntu oza kuninceda.

KUVAKALE IZINGQI EZIBHEKELA PHAYA. KUVULEKE UCANGO LE MOTO,
IQHWITHE.

JONGINGQIQO: Bawokazi, uyayibona ingozi ophantse ukuzifaka kuyo?

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

EBUSUKU:

ENDLWINI:

KUYANKQONKQOZWA EMNYANGO.

NOLUNTU: Ungubani ebusuku apha?

JONGINGQIQO: Ndim, molokazana.

NOLUNTU: Ngubani undim?

JONGINGQIQO: Ndim uJongi, molokazana.

KUVULEKE UCANGO.

NOLUNTU: Tyhini, kanti nguwe baw' uJongingqiqo?

JONGINGQIQO: Ndim molokazana. Andihlelanga, ndithi mandingenise ikumkani.

NOLUNTU: Umngenise? Kutheni? Uqale nini ukungakwazi ukuzingenela.

JONGINGQIQO: Le nto inje, molokazana, ikumkani ityile. Ndicela uyilungiselele indawo yokulala, siza kumphakamisa noBhut' aseBhayi, simngenise.

NOLUNTU: Ayingomhlola na lowo. Umntu ebendingqibele emngcwabeni kaNgoma, wathi uleqa intlanganiso eXesi. Yiloo ntlanganiso leyo atye kuyo?

JONGINGQIQO: Molokazana, kuyasa ngoku, enye nenze masiyithethe kusasa.

NOLUNTU: Makaphindele apho ebevela khona.

JONGINGQIQO: Molokazana, ucelwa ndim. Enye nenze masiyibone kwakusa.

NOLUNTU: Ngenisani loo nto.

JONGINGQIQO: Yiza naye, Bhut' aseBhayi. Uza kukwazi ukumphakamisa wedwa?

NOLUNTU: Mfakeni kweliya gumbi lokugqibela.

KUVAKALE UTATANYISWA KWAKHE ENGENISWA ENDLINI.

MTHUNZI: Undisaphi, Bhut' aseBhayi? Masingene apha.

NOLUNTU: Bhut' aseBhayi, ungakhe ulinge umngenise kwelo gumbi ndilala kulo. Mfake kweli. Mjuleni apho ebhedini uyakubona ukuba makathini.

JONGINGQIQO: Hayi ke masibaleke, molokazana. Nasi isitshixo sale besihamba ngayo. UBhut' aseBhayi uyakundigodusa ngebhaki leya. Usale kakuhle.

KUVALEKE UCANGO. KUVAKALE IMOTO EGQUMAYO PHANDLE, INDULUKE.

NOLUNTU: He wena sidengendini, ubone ukuba kungcono undishiye apha uye kugangxalaza utywala? Kanti benditheni kuwe?

ITSHO IMPAMA.

MTHUNZI: (Esendongondongo) Undibethela ntoni, Noluntu?

NOLUNTU: Usabuza?

KUTSHO ISIJWILI SENDODA.

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 21.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

E-OFISINI:

JULUKA: Ndicela uxolo ukuba ndikulindise kumkani. Bendisaqhawulisa omnye umbandela otshis' ibunzi. Kumkanikazi nawe ndiyakubona ukuba usaphilile.

NOLUNTU: Siphilile olo hlotyana, Juluka.

JULUKA: Kuhle ke xa kunjalo. Ukuba iyaphila ikumkanikazi makube kunjalo nakwikumkani?

MTHUNZI: Sikhala sibaleka, Juluka, sixel' uMahlathini. Akukho ngakulo bani apha. Sonke sime entla kwamasimi.

JULUKA: Khon' ungatshongo, kumkani. Nam ndikubizile nje ndixakwe yinja ukungavuthwa. Umvundla ubhomba indlela. Zibuyile incwadi zaseBloemfontein, ziyasikhaba? Abasiphi nethuba lokuba basimamele.

NOLUNTU: Itheth' ukuthini ke loo nto?

JULUKA: Sibuyela apho besiqale khona.

MTHUNZI: Ithwani ke into enje?

JULUKA: Ndikubizele loo nto kanye, ukuba sibonisane. Yenye yento ezimbini onokuyenza. Ukuba ukulungele oko ungazisa entolongweni zingekapheli iyure ezingamashumi asixhenxe anambini.

MTHUNZI: Unotshe. Ndakuya ndifile.

JULUKA: Indlela yesibini kukuba senze isibheno kwinkundla yomgaqo-siseko. Leyo ke yinkundla yokugqibela. Ukuba ndikuve kakuhle ingathi unqwenela le yokuba sifake isibheno.

MTHUNZI: Masisifake.

JULUKA: Utsh' endodeni. Nantso ke into ebendiyifuna kuwe. Ndiza kukhawulezisa ndingenise amaphepha kula nkundla. Uyakuphinda uve kum ke ukuba sihamba njani.

NOLUNTU: Amathuba okuba singaphumelela esi sibheni angakanani, Juluka?

JULUKA: Amacala ayalingana. Kaloku nejaji ezi ngabantu. Yiloo nto umntu ngamnye kubo uza nezimvo zakhe, kukhangelwe elona cala ekungqinelwana nalo kakhulu, ibe lilo eliphumelelayo. Nalapho ke sijonge ijaji zize nembono ezahlukileyo. Masilinde thina sibone ukuba siyiwela njani na lo borho sakuba sifikile kuyo.

MTHUNZI: Masiqhube, sibone apho sixinga khona.

JULUKA: Nali ke icebiso endinalo kuwe, kodwa ukuba ukhe wathi ulicetyiswe ndim, ndaku likhanyela. Uyazana nomongameli welizwe, kutheni ungathethi naye? Masiqule ngazo zonke iinduku esinazo, kuba kuf' ayayo ngoku.

MTHUNZI: Uthi ikhona into angayenza?

JULUKA: Soze wazi de ube uthetha naye. Licebiso nje elo kum.

MTHUNZI: Bayasokolisa kanjani aba bantu othetha ngabo. Kodwa ndiza kubona.

JULUKA: Ukuba yindlela esinokuphuma ngayo kule nyula, ingathi ngowuzicenga. Thob' umoya. Noko kumkani usuka epalamente, uyayazi indlela enizenza ngayo izinto phaya.

NOLUNTU: Yitsh' uphinde, bazenzile izimanga phaya kulaa palamente.

JULUKA: Andazi ke nokuba umntu angathi ukuxoxa zizimanga. Ingathi liqatha noko elo gama, kumkanikazi.

NOLUNTU: Juluka, ndiya kuva le uthetha ngayo. Kodwa ndiya kuxelela ukuba kokoxoxa kwabo bazenzile izinto ezine ziqu kulaa palamente. Andifuni nokuyibona.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

KOMKHULU

KUVAKALE ABANTU ABANDUMZELAYO.

JONGINGQIQO: Mzi wakowethu, mandinganibambezele. Mibini imicimbi esibeka apha. Sibonisene silikomkhulu, sagqiba ukuba sibize zonke iinkosi zesizwe sakuthi. Asifuni ukuba iindaba zakomkhulu nizive ngonokrawuzana. Manibekho, nizivele, nizibuzele. Umcimbi wokuqala ngulo wokuba sifuna ukuwisa inkab' enkomo apha, sikhe sithethe nabaphantsi, sili khaya. Siyabona ukuba ingathi ikomkhulu lifunyanwa sisimnyama. Loo nkomo ke siyiwisa kulo mgqibelo siya kuwo. Niyamenywa ke zizwe ukuba nikhe nizotshica apha. Ingaba ikhona enye into endiyishiyelelayo Sakhono?

SAKHONO: Ingathi uyigqibile. Into eshotayo nje lixesha.

JONGINGQIQO: Iya kuba yinkomo yasemva-kwedinala. Siyavana apho? Mandigqithe. Mathunzi, booHomposhe, izinto azimntakaMandela. Ikumkani ikhatyiwe kwisibheni sayo ebisenze eBloemfontein. Ngoku sihleli ngempundu enye. Sifake esinye isibheni kweyokugqibela inkundla kwinkundla zeli lizwe. Silapha nje sisalindele eso sigqibo saloo nkundla. Ekubonisaneni kwethu silikhaya, nezihlobo, sithe sathi ingathi kuyafuneka ukuba sithumele igqiza ePitoli, sithethe nommongameli abone anokwenza. Into ilapho ke. Sicela niphefumle kulo mba, sakugqiba sityumbe igqiza eliza kuya ePitoli nekumkani.

SAKHONO: Le nto inje, bantu bakuthi, sime emanzini kule ndawo sikuyo ngoku. Ngoku sihlanganisa ngengalo. Lelo ke icebo esithe seza nalo, ukuba sithethe nomongameli ukuba angenelele, singarhuzuki ingalo. Sizama ukujonga phambili. Sizibuza umbuzo wokuba xa ekhatywa nayi nkundla yomgaqo-siseko ukumkani sakuthini. Yiloo nto ke sisithi masizame ukuba nentonga esemgqubeni. Umongameli makabe yintonga yethu esemgqubeni. Esifuna ukukwenza ke kukuqinisekisa ukuba nyhani-nyhani sinayo le isemgqubeni kungekade

kurhatyele. Yiloo nto ke sisithi masikhuphe igqiza eliza kuhamba nekumkani, liyobonisana nomongameli.

SDUMBU: Bobawo, ngubhulu kuphela ongevanga. Ingathi mahle. Acacile. Mna ndicebisa ukuba sidlulele kumcimbi ongezantsi sonyule igqiza. Ukuba ikhona enye indoda ebona ngolunye uhlobo mayivele.

SAKHONO: Ukuba ebekhona umntu ongasentla ngesele kukudala evelile. Ngen' efolweni, Jongingqiqo.

JONGINGQIQO: Bobawo, igqiza lakukhokelwa yikumkani, ndilapho nam, noSakhono noSomakhonkco. Sishota ngamagama amabini, ukuze sibe bathandathu. Masize namagama.

SAKHONO: Masimfake uSdumbuselele.

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENDLINI:

KUVAKALA IPRIMUS STOVE ETSHO EMVA PHAYA, NGEXA KUKHO INGXOLO

YAMANTSHONTSO NGASEMNYANGO.

SDUMBU: Nozamile, uzundi-ayinele nale hempe.

NOZAMILE: Nayo uhamba nayo? Hhhee, awuyanga kuhlala unyaka wonke ePitoli. Zilungile ezi hempe zintathu.

SDUMBU: Nozamile, ihambo iyazilawula.

NOZAMILE: Nokuba sekwathiwa iyazilawula, akuthethwa le. Zilungile ezi zinto ndikulungiselele zona. Beka loo hempe phaya.

SDUMBU: Tshintsha enye yezo hempe sowuzilungisile ngaleyo.

NOZAMILE: Awu, ayingomhlola na lowo? Yihempe etheni le kucaca ukuba kunzima ukwahlukana nayo? Uthwele ngayo?

SDUMBU: Ukuba bendithwele ngayo inyoka yam ngekudala yakuqwengayo. Andazi ukuba wala ni na ukwenza lento ndithi yenze. Amanzi wam sowuwamisile?

NOZAMILE: Gqogq' iindlebe ezi. Kunini ndithe kuwe amanzi ayagxobhoza kunopotyi eziko? Ndilindele wena ukuba uthi mandigalele.

SDUMBU: Khawube uwagalela kuba ixesha sele lindityile. Bangafika na nini na ooJongingqiqo ukusukela kule yure ilandelayo. Ungalibali ukundiphinda into ephungwayo phambi kokuba ndihlambe.

NOZAMILE: Kutheni ingathi uyadungudelisa nje? Kutheni ungaqali ngokuhlamba? Bathi befika oSakhono ube sewugqibile.

SDUMBU: Galela amanzi ke. Ungalibali ukupakisha iipilisi zam.

KUVAKALE IZINGQI EZIPHUMAYO.

NQUMAMA.

KUVAKALE IZINGQI EZIZA NGANENO.

NOZAMILE: Sdumbu, kukho abantu abakufunayo.

SDUMBU: (Ekwelinye igumbi) Baxelele ukuba andifumaneki, ndixakekile.

NOZAMILE: Ngabantu bomthetho.

SDUMBU: Abantu bomthetho?

KUVAKALE IZINGQI EZIZA NGANENO.

SDUMBU: Tyhini, Sajini, kanti nini aba?

SAJINI: Sithi, bawo.

SDUMBU: Hlalani phantsi.

SAJINI: Bawo, asihlelanga.

SDUMBU: Ningakhathazeki ngempendulo yam, bendiba ngulomququ wale lali. Ndisendleleni. Bekungona ndithi ndiza kungena emanzini. Abantwana benkosi abaleqwa?

SAJINI: Ngamandla, bawo.

SDUMBU: Khalani ndinivuthele.

SAJINI: Bawo, size kuthatha wena.

SDUMBU: Ndilusizi, sajini, ndingangena endleleni na nini na ngoku, andinakwazi ukufumaneka. Masimise elinye ithuba. Kunjani xa sidibana ukubuya kwam ePitoli?

SAJINI: Bawo, siyakubamba.

SDUMBU: Ubani, mna? Hayi, sajini, sukufuna ukundinyusela ihay-hay. Baphi oorunta ungabambi bona nje?

SAJINI: Bawo, kanti andidlali.

SDUMBU: Ndenze ntoni?

SAJINI: Jika, ubeke izandla zakho ngasemva ndikufake iintsimbi zabelungu.

SDUMBU: Sajini, ndiba uyaqhula.

SAJINI: Bawo, yima ngxi ndikufake amahanbhoyi. Jonga phambili.

SDUMBU: Ayingomhlola na lo. (Esenyusa ilizwi) Nozamile, khawuvele ngapha, ubone le nto yenzekayo.

KUVAKALE IZINGQI EZIZA NGANENO.

NOZAMILE: (Esothuka) Awu, kanti kwenzeka ntoni na. Mapolisa, nimbophela ntoni? Wenzeni uSdumbu?

SAJINI: Sdumbusesele Mafenuka, ngoku ndiyakubamba kuba urhanelwa ngokubulala uNgoma kaNgoma. Unelungelo lokuba ke uthule udle amacwaka, okanye unike isteytmenti emapoliseni. Nabuphi na ubungqina obufungelweyo oyakuthi ukhethe ukubenza bakusetyenziswa enkundleni xa kuxoxwa ityala lakho. Masiye.

NOZAMILE: Hhhheeee.

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 22.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ERESTYURANTI

KUVAKALA IIMOTO EZINYUKA ZISEHLA KUFUTSHANE NENDAWO

NGAPHANDLE. UMCULO WOMNGQUNQO OCWENGILEYO UTSHOLO PHANTSI.

SOMAKHONKCO: Hayi, madoda, nithi yiyo ke le?

SAKHONO: Intoni, Somakhonkco?

SOMAKHONKCO: Sakhono, utheth' ukuba akumboni lo mntwana ugqiba kudlula apha? Uthi yiyo ke le? Kunjena kanti kweliRhawuti?

SAKHONO: Yiyo intoni?

SOMAKHONKCO: Akumboni lo mntwana ukuba akanxibanga?

SAKHONO: Unxibile nokuba unxibe ntoni na.

JONGINGQIQO: Andithi masiyixoxe, kodwa unyanisile uSomakhonkco akukho ukunxiba okunjeya.

MTHUNZI: Mhlawumbi akukho emaxhegweni, kodwa abafana babathanda benjeya. Kanti ke nokuyigxeka indlela abanxiba ngayo kungcono uyigxekele embilinini. Kuba abafazi bathi abazukupoliswa ngamadoda ngezinto abamazinxibe.

JONGINGQIQO: NguMandela wonke ke lo.

MTHUNZI: Ungena phi uMadiba kwizinxibo zomama?

JONGINGQIQO: Ayingala malungelo aliwaka awanike abafazi? Kunzima ngoku nokuba indoda ingaphakamisa ilizwi layo emzini wayo. Koko kwakuthiwa unyhasha amalungelo omama. Uyamhlukumeza. Akukudalanga sinxibe ilokhwe kungenjalo kuthiwe asifuni kulingana nabo.

MTHUNZI: Kanti abantu ababenziba inkciyo bebenxiba njani?

SOMAKHONKCO: Bekungade kucace ukuba ubumi bomntu bubonakala bonke. Yintoni ongayiboniyo phaya?

JONGINGQIQO: Masibambe ngofele kwinto esingena kuyijika. Sekonakele. Akukho kubuya ngamva ngoku.

MTHUNZI: Ndinexhala ukuba ingafika nanini na le nqwelo iza kususisa apha siye ePitoli. Ingathi oku kutya sakutya sime ngenyawo. Kuza nini? Kunini silindile?

SAKHONO: Abantu sebaba ngamavila ngoku. Uyayibona le nyambalala itya apha? Ukutsho ke akuphekwa apha eRhawutini.

JONGINGQIQO: Ayiyo na la ntawazana ibisinceda leya ime phaya. Nantsi ijonga ngapha.

MTHUNZI: Inokuba iza nee-oda zethu ngoku, kudala ndiyigangxalaza le drinki.

SAKHONO: Onkabi banobuchule kule nto yokuqala bakunike isiselo phambi kokuba kuze ukutya. Ube usela ngeli xesha usalindile. Esi siselo yilibazisa. Heke, nantsi isiza.

JONGINGQIQO: Zinwele ezitheni ezi bathe phithi zizo aba bantwana? Uyambona nalo usuke ungamazi nokuba uluhlanga luphi na. Ibiyintoni engahambi ngentloko yakhe nje?

SAKHONO: Iligqibe lonke ke eli lizwe leyo. Umntu ukhetha ukufaka inwele zeNdiya elafa kudala kunezakhe. Bubuthandazwe obo? Kukuzithanda xa ungathandi le nto unayo? Okanye kukudelela le nto unayo?

MTHUNZI: Iimfundiso zikaBiko zifuneka xa kunje. Abayazi abantwana ukuba inwele zakho zendalo ibiluphawu lokulwa okanye ukunyalasela umbuso wengcinezelo. Wakhe wambona uMapetla Mohapi ekame inwele zakhe? Nangona kunjalo wayefanelekile.

JONGINGQIQO: Sowuyeka, nanku sele esondela.

SAKHONO: Heke, bek' apha, ntombam.

SOMAKHONKCO: He madoda, yintoni na le?

JONGINGQIQO: Ubuza kubani? Ayikokutya obuku-odile?

SOMAKHONKCO: La mahlamvu?

MTHUNZI: Bawokazi, myeke uSomakhonkco, ebeyikhombe ngokwakhe into ayifunayo.

SOMAKHONKCO: Andiyobhokhwe kaloku. Ndibone umfanekiso lo mna, bendingazi ukuba kanti yile nto. Ndiqale nini ngoku ukutya amagqabi?

JONGINGQIQO: Akwaba ebekhona uSdumbu, ubuza kumva.

SAKHONO: Kowu, uphosiwe uSdumbu, ebeza kuqala ukukhwela inqwelontaka.

SOMAKHONKCO: Kukwanjalo nakuwe. Ndikujonge ukusuka kwethu eMonti. Ubuwakhuphe ezingqanda amehlo ngoku ibisuka. Ndabona ngebunzi limenyezela.

SAKHONO: Kanti le nto ibaleka olu hlobo? Kub' ukuxoka, ngoku sibhabha phezulu ndithi yinto enda kuyithetha nabani le xa inokuwa le nto. Umntu owayecinge ngokwenza le nto wakwazi ukucinga. Ngutsi gxada nje ukusuka eMonti ukuza apha.

MTHUNZI: Sithathe iyure nemizuzu engamashumi amabini ukusuka eMonti size apha eRhawutini.

SAKHONO: Kowu, iphosiwe intangam. Ibelilishwa into yakhe.

JONGINGQIQO: Amapolisa aphantse amphosa nje ngemizuzwana. Yintoni le azifake kuyo uSdumbu? Ebengenwe ngusathana otheni ade ambulale?

SOMAKHONKCO: Besendifuna ukulilibala elo gama. Nithi ingaba ngokwenene uSdumbu nguyeyebulele uNgoma? Embulalelani?

SAKHONO: Leyo into indenze ndasisidenge. Andikhange ndimcingele uSdumbu ukuba angakwazi ukwenza isikizi elingaka. Ndincamile.

JONGINGQIQO: Uthi akukho phando alwenzileyo amapolisa phambi kokuba avalele?
Abanakubuya ngaye ngoku seziqengqelekile intsuku kanti akukho nto
ibambekayo emdyobhayo uSdumbu.

SOMAKHONKCO: Nokuba uyintoni uSdumbu la nto ayifani naye.

MTHUNZI: Into embi yakhe yafanela umntwana kabani?

UMCULO WOKUCHANKCATHA.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENDLINI:

UNOMATHOTHOLO UVAKALA ESITSHO EMVA PHAYA.

NOSANGO: Mawawa xa unokumyeka ukumkani uza kuphuma ntoni?

MAWAWA: Uthi mandimyeke akugqiba ukundimoshela ubomi?

NOSANGO: Bhuti, jonga, amandla usenawo. Uza kukwazi ukuphinda umise omnye umzi.

MAWAWA: Nosango, imali endinayo andiyigcinelanga ukuphipha izincwe zenye indoda.
Ndiza kumfaka emagqwetheni ukumkani, abuyise zonke indleko zam.

NOSANGO: Ufuna ukuchitha imali emagqwetheni endaweni yokumisa umzi wakho?

MAWAWA: Umtshutshisi uthe ndingancedakala kula ofisi iseDikeni. Undinikile i-adres
yakhona. Uthi amagqwetha aphaya akundinceda mahala. Ndizimisele ukuya
khona ngomso.

NOSANGO: Awudinwa luchuku, Mawawa?

MAWAWA: Nosango, ayilochuku ukufuna imbuyekezo ngomonakalelo wam. Makafunde
isifundo ukumkani. Ukuba andimbonisi akazi kuthi ndiyamoyika? Naye
ngokuqinisekileyo ulilindele inyathelo elilandelayo.

NOSANGO: Khona ukuba ucinge ukuba uyamoyika, uza kuphuma ntoni?

MAWAWA: Ndiyeke nje?

NOSANGO: Yise kaNgqukuva, sukujonga emva, masijonge phambili. Yenzekile, yenzekile. Masikhangele isiza, sithenge izitena, simise udonga.

MAWAWA: Nkosikazi, akuzongalingeni izulu xa ufuna imfanelo zakho emntwini. Abantu beqaqadeka nje yimikhwa enje, bamoshe bakugqiba baxolelwe.

NOSANGO: Ukumkani usifumene isohlwayo sakhe. Inkundla imgwebile.

MAWAWA: Isigwebo sakhe asiphelelanga engekahlawuli indleko zam.

NOSANGO: Ndicela ke, mntakabawo, ungakhe ulinge ube undibalisela ngentloko yakho enkqantazayo. Kulungile ke xa ufuna ukuzingcungcuthekisa ngomdunkanka wetyala lamawele. Mna ke andidibene naleyo, ndifuna ukuba ingqondo yam ibeth' umoya.

MAWAWA: Nosango, khawuyekele apha kum lo mcimbi, undilingene.

NOSANGO: Ufuna ukuba ukumkani athumele izinja zakhe zikubulale? Ucinga ukuba uza kuncuma xa umpheka-umophula olu hlobo?

MAWAWA: Kanti yena undenza ntoni? Ndihleke endixhaphaza? Ndicingele yena? Ukuba kufanele ndifele okulunge kum ndakufa kamandi.

UMCULO WOKUCHANKATHA.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENDLINI:

UNOMATHOTHOLO UDLALELA EZANTSI, EMVA.

NOLUNTU: Bendithe nqa ukuba ngubani ngoku lo ungenayo. Ngena, Nozamile. Hlala phantsi. Uvela phi kweli langa, ntombi?

NOZAMILE: Kaloku, kumkanikazi, bendisaye kulo mcimbi walotata. Ebevela namhlanje.

NOLUNTU: Bendikhe ndayiva ke le nto. Ndathi ndiza kukhe ndiziphe ithuba ndikhe ndokumamela. Andazi ukuba ndibhidwe yintoni. Phofu ke, kumaxa kuphi ngoku?

NOZAMILE: Ndilapha nje yiloo nto. Ngethamsanqa uyifumene ibheyile. Liwaka leerandi. Ilishwa ke lelokuba asinayo loo mali ngoku. Ndithe mandize kuzithoba apha kuwe undincede. Ndakuyibuyisa ngezavenge zeenyanga ezimbini.

NOLUNTU: Makanyamezele nje olu suku lwanamhlanje uSdumbu, ukumkani uyakube ekho kusasa. Ndakuthetha naye. Ndakuthumela umntwana xa sendilungile, aye kubiza. Mamela ke, ntombi, tsala into engaphaya kweso situlo. Nantso iglasi apho. Betha ishot eva wena uthobe inevs.

NOZAMILE: Undibone ngantoni, kumkanikazi, intloko yam ixinene.

NOLUNTU: Ungalibali ke ukuba andityi nawe amayeza am. Ndikurhabulisa nje kuba ndikubona ukuba unoxinezelelo. Khawutsho, bungakanani ubunyani kwesi sityholo abekwa sona ubhuti Sdumbu?

NOZAMILE: Umme ntle uthi akazani tu nento enjalo. Kumkanikazi, yindoda yam leya, ndiyayazi, le into atyholwa ngayo ayifani tu naye. Singasemoyeni ukuba sive mhla kuxoxw' ityala.

NOLUNTU: Mamela, Nozamile, ndicinga elinye icebo ngoku. Kuba andiqinisekanga ukuba bafika ngeyiphi na inqwelo-ntaka ngomso. Khawume ke ndithethe nokumkani.

KUCOFWA UMAKHALEMKHUKHWINI, AKHALE KWELINYE ICALA KODWA

ANGABANJWA.

Itheni na le ndoda ingayibambi ifowni? Bamb' ifoni sdengendini.

ICINYWE IFOWNI.

Phinda ugalele enye ishot, qala ngam.

NOZAMILE: Ndiyideshe?

NOLUNTU: Hayi, eyam ndiyifuna ikrwada njalo. Sendisenziwa umsindo nangu lo ungaphenduli ifowni. Uyawabona ke la madoda? Yena ndiza kumbonisa. Angaphenduli ifowni yam. Ndiza kumbonisa.

IGWIJO LOMDLALO.

ISIQENDU 23.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

ENDLINI:

UMCULO KA- STOMPIE MAVI OTHI 'UNOMNGANGA' UTSHOLO EZANTSI
KWELINYE IGUMBI.

NOLUNTU: Gqiba, ixesha lihambile. Bopha iqhina lakho kakuhle.

MTHUNZI: Sithathwe ngubani isitshixo semoto ngoku?

NOLUNTU: Ukuba ibiyi nyoka ngeyikutyile. Yintoni le? Yinyheke le? Usuke wathini,
waphakuphaku kangaka?

MTHUNZI: Inokuba yintoni le ndiyibizelwayo ndingayaziyo? Aphinde athi uJuluka
ingxamisekile.

NOLUNTU: Ukuba ubuyivulile ifowni yakho ngekufumene, wakuxelela.

MTHUNZI: Ayikho nawe le uyithethayo. Ndikubonisile ifowni yam ukuba isuke yonakala.
Ngenditheni mna?

NOLUNTU: Gqibezela ikofu le yakho.

NQUMAMA.

NGAPHANDLE:

EMINI:

EMOTWENI:

KUVAKALA IIMOTO EZIDLULA NGEZANTYA EZAHLUKENEYO.

MTHUNZI: Bekuxesha liphi ngoku ebefowna uJuluka?

NOLUNTU: Uqale phaya ngentsimbi yesibhozo, waphinda kwakhona ngentsimbi yeshumi,
wathi ukuncamile. Wena bekutheni ungafaki umoya kulaa ntilili kaJongingqiqo,
undazise ukuba kwenzeke ntoni?

MTHUNZI: Ibilele ingqondo kuba bendicinga ukuba iza kukhawuleza ilunge.

NOLUNTU: Ungasigqatsi ngelanga, pakishela phaya kulaa ndawo inomthunzi. Ulumkele le moto iphuma kulaa paking.

MTHUNZI: Uthi andiyiboni?

NOLUNTU: Ndisuke ndakubona ingathi awunguwe.

MTHUNZI: Ubuthongo bam akhange bonele.

NOLUNTU: Yile nto uyitshayayo.

UMCULO ONESINGQALA.

NGAPHAKATHI:

EMINI:

E-OFISINI:

JULUKA: Ngenani, kumkani. Hlalani phantsi. Phila kumkani.

MTHUNZI: Sikhala sisiya, Juluka. Umzimba usavakala ukuba ubukhe wathatha uhambo.

JULUKA: Besendinexhala. Ndikufownele ndancama izolo.

MTHUNZI: Itsho inkosikazi. Ndathi ke mandingalibazisi ndisondele, ndize kumamela.

JULUKA: Kumkanikazi, noko xa iphilile ikumkani loo nto ithetha ukuba nawe ungumqabaqaba.

NOLUNTU: Ingaba sendiliwele lakhe.

JULUKA: (Ehleka) Ingathi ngesiyiyeka apho, okanye iyakuvuka isiqwenge. Ihambo ibenjani ePitoli, kumkani?

MTHUNZI: Juluka, ndingathi sihambe kakuhle, ngolo hlobo. Usamkele ngobubele umongameli. Sawubeka umcimbi. Ilizwi esibuye nalo lelokuba umamele. Kuyacaca ukuba kusafuneka efumene ingcebiso kwabezomthetho.

JULUKA: Uyavakala. Kumkani, sibuyile isigwebo kwinkundla yomgaqo-siseko. Nabo bamile bathi bayavumelana neenkundla ezisezantsi ngokufunyanwa kwakho

unobutyala. Apho kubekho khona umahluko sisigwebo. Bayithobile iminyaka ukusukela kwishumi elinesihlanu, bagqiba kwishumi elinesibini leminyaka.

NOLUNTU: Hhheee!

MTHUNZI: Itheth' ukuthini ke le nto?

JULUKA: Kumkani, ithetha ukuba sifikelele esilingini emthethweni. Iphinde ithethe ukuba kufuneka uzinikezele kwitrongo yaseXesi engaphelanga amashumi asixhenxe anesibini eeyure.

MTHUNZI: Unotshe.

UMCULO WONGXUNGUPHALO.

NGAPHANDLE:

EMINI:

EBALENI:

KUVAKALE IBUBU LABANTU ABANDUMZELAYO.

JONGINGQIQO: Bantu bakuthi, nimvile ke xa uSakhono esinikezela le ngxelo. Kuthiwa sizigqibile iinkundla zeli lizwe. Kodwa uzibuze ukuba kanti le yethu inkundla yeyokwenzani. Phendulani madoda. Nantsi ingxelo, nizivele. Nithini? Niyayiyeka ikumkani yenu iye kundyondya eziseleni?

SAKHONO: Boobawo, mandizame ukubamb' ikhuba. Into kaprezidanti asiyazi ukuba iza kuhamba eyiphi na indlela. Asiyazi ukuba iza kuthatha ixesha elingakanani na. Lona eli xesha libekiweyo liyahamba. Mna ndithi masiyikhusele ikumkani, kukuthotywa isidima oku. Nakhe nayibona phi ikumkani kusithiwa isetrongweni? Masenze ibutho eliza kuhlala apha komkhulu, ligade lomzi. Singavumeli nalinye ipolisa ukuba lingene apha.

SDUMBU: Uya kusixolela ukuba siyabhuda. Thina ke sisengamabhantinti asanikwe ithuba lokuba aqoqoshe izinto zawo. Ndithi mandikuthethe oku, hleze kuthi kanti ubugwala bam bubangelwa kuko. Ndifuna ukuba ngasentla kulo mlomo kaSakhono. Apho ndibambe khona amazinyo kukuba akhe afika amapolisa apha,

akusebenzisa nantoni na ukwenza umsebenzi wawo. Mhlawumbi ke akungekhe kwenzakale abantu? Ndiya buza. Ewe yona le yokuba ikumkani ithunyelwe kwantsonga-nyawana ayiginyeki. Ndiya zibula ukuva kuthiwa kugwetywe ikumkani. Kanti ikumkani yintoni? Ndiyacebisa, bobawo, kukho olu lonyulo luka zwelonke luzayo. Kule nyanga izayo. Kutheni singazikhwebuli kulo sithi isizwe saMathunzi asizi kuthabatha nxaxheba kulo. Abone ke urhulumente ukuba uthini.

SOMAKHONKCO: Sdumbu, uyavakala, ntangam. Kodwa ke nantsi into; kuthwani phambi kovoto? Siyayiyeka ikumkani ivalelwe? Ukuba siyayithenga intetho kaSdumbu sakube sitsho. Ewe kona, ukuba singazimisela ukungqanda umthetho ungene apha zakuqhawuka zihlangana. Noko zanele izidumbu esele sizingcwabile kulo nyaka, asifuni ezinye. Leyo indawo masiyinqande. Ukuba sifuna ukuthenga ixesha, silindele isigqibo sikammongameli, alikho elinye iqhinga esinokuliboleka?

